TUESDAY, 7 OCTOBER 2010

PROCEEDINGS OF THE LEGISLATURE OF THE PROVINCE OF THE EASTERN CAPE

———

The House met at 11:00.

Mr Speaker took the Chair and requested members to observe a moment of silence for prayers or meditation.

Mr SPEAKER: Masamkele zonke iindwendwe ezikhona apha. Ndibabonile ooMeya, ndimbonile owalapha eNkonkobe, ndambona owaseGreat Kei. Basenokuba babaninzi endingababonanga. We would like to welcome all our guests.

Malungu ne officials, bahlali lusuku lokugqibela namhlanje for now I can say with certainty sisesekhondweni lokuqiniseka into yokokuba lomcimbi besingawo uyilento kufanele ukuba ubeyiyo. I am sure abahlali banawo noko umfanekiso wokuba siziqhuba njani izinto phaya ePalamente. Akukhonto yonakeleyo. Ndiza kucela ke uSecretary enze izaziso.

The SECRETARY: Kwakhona sifuna ukukhumbuza into yokokuba izindlu zangasese zezi ndwendwe zohloniphekileyo uSpeaker kunye namalunguu ePalamente zingapha ekunxele kwam. Kwakhona negumbi lokutyela kwabo kwakufika ixesha lokutya likwangapha ngasekunxele kwam. Kuyaqapheleka ke ukuba ziya zisanda ezi ndwendwe zikaSpeaker ngela thuba lasemini. Siyacela ukuba zingandi kuba uyazazi ukuba zingaphi ezazi ukuba zingobani. Kanti thina bantu bokuhlala sabelwe into yokokuba izindlu zangasese zethu ziphaya kweliya bala lombhoxo. Ukuze nendawo esizakuthi sifumane kukho isixhaso sethu ikwakulandawo inye. Enkosi.

Mr SPEAKER: Ingaba kukhona i-Notices of Motion? Azikho. Kwakhona ke ngokufutshane ukwenzela ukukhumbuzana siza kungena kwinkqubo ngoku ezakuvumela kwakhona abahlali, abemi, andiqiniseki ukuba leliphi igama enilamkelayo, bathathe inxaxheba kulo mjikelo siza kungena kuwo ngola hlobo besiqhube ngalo izolo, nayi zolo elinye. Inkqubo ke ithi sifuna kuthiwe saa, sakujonga ngokweWadi njengokuba besisele sitshilo.

Enye into esiyifundileyo ke izolo kukuba bakhona abantu ongathi ngabathathi nxaxheba kwimicimbi yamasebe athile those groupings that have got sectoral interest kula masebe nazo zingoyiki ukuvela, avele athi umntu thina siyinto ethile siyafuna ukuthetha nokuba asiyoWadi. Ndenzele into yokokuba ke siyivarishe lonto ngokufanelekileyo. Siza

kuqala ke. Besitshilo sathi imizuzu ubuninzi mithathu umntu xa ethetha entlanganisweni ngaphantsi siyayamkela lonto.

PRESENTATION OF REPORT OF PORTFOLIO COMMITTEE ON ROADS AND PUBLIC WORKS

The CHAIRPERSON OF PORTFOLIO COMMITTEE ON ROADS AND PUBLIC WORKS: Mandithathe eli thuba lokubulela ndikhahlele kuwe Somlomo. Ndikhahlele kumalungu aleNdlu yowiso-mthetho, ndikhahlele kumalungu eKhabhinethi, ndikhahlele kwiiMeya zonke, noSpeaker abalapha kunye namakhansela ndikhahlele kubahlali ngobubanzi. Ndivumele ke Somlomo ndiye apho lifele khona ithole. Siyile komiti ikhankanyiweyo ngalamhla we 27 Septemba 2010 siye sandwendwela, saphuma uphulo saya kuvizitha iiprojects. Iproject yokuqala esiye sayivizithela yi-Alice Hospice.

Nantsi imigqalisela yekomiti ibiye kukwenza. Utyelelo olujonge ukunikeza iliso kwi projects eziphantsi kwenkqubo yezomsebenzi kaRhulumente, that is expanded public works kumasipala waseNkonkobe.

Ukujonga uhlahlo lwabiwo-mali ye project zenkqubo yelisetyana kunye neendlela ezilawulwa ngayo iimali.

Ukujonga ukuba iiproject ziya wavula na amathuba emisebenzi kuba enzelwe lonto kuluntu lwasemakhaya.

Ukujonga impembhelelo yezi project kuluntu. Ukujonga ukuba ziyasebenzisana na ukuqokelela amanqaku kunye nezindululo, kunye nokunika ingxelo kuluntu.

Indlela yokusebenza.

Ikomiti iyityelele le project, njengokuba bendisele nditshilo. Le project yamiselelwa ngonyaka ka 1999. Ikomiti ke ibambe intlanganiso kunye nabaphathi bale project ukuze bachaze injongo ye project kwaye bafumane nenkcazelo emfutshane malunga nobume bale project. Emva koko ikomiti ihambe ihlola, ukuzibonela ngokwayo ubume be project kunye nokuba iyasebenza na.

Imvelaphi yale project.

Le project esekwe kuluntu enikezela ngeenkonzo zonikezelo kwabo imeko zabo zimandundu ingakumbi abo bachatshazelwe sisandulela sentsholongwane uGawulayo kunye noGawulayo uqobo. Le project yaqala ken go 1999 njengokuba bendisele nditshilo yabhaliswa ngonyaka ka 2000. Ijonge ukuthomalalisa uxinizelelo kwizibhedlele ezisekuhlaleni khonukuze abo bakule meko imandundu bafumane unakekelo ekhaya.

Le project iqhutywa emzini othile. Mzi lowo owanikezelwa kule project yiUniversity yase Fort Hare apho baqhubekela khona ngezinto ze administration. Ngeli xesha lokuqala kwale project yayingenayo inkxaso-mali. Yayixhomekeke ekuphiweni izipho. Ngenxa yoko amavolontiya ayengafumani ntlawulo ingephi. Le project isaxhomekeke kakhulu ekuphiweni izipho ngabantu bangaphandle kunye neeDepartments. Andizokungena ke kule mizi inika inkxaso kwezi project.

Ukuqala kwayo le project ibinabantu abayi 500 kodwa inani liye lisihlala kakhulu laya kutsho ku 22 ngexesha ebesiphaya. Okukwehla kubangelwa yinto yokokuba iproject ayisavunyelwa ukuba inikezele ngamayeza okuthomalalisa ulwamvila lwentsholongwane kaGawulayo that is ARVs. Intlawulo ehlawulwa ibeyi R1000 kwabo banikezela ngonakekelo, amavolontiya. R2 000 kumphathi ojongene nemali, R2 500 kumongikazi oqeshiweyo, R3 000 kumququzeleli we-project that is i-co-ordinator.

Le project ibithenjiswe ngemali engangeR88 000 ngumasipala wesithili saseAmathole kodwa lenkxaso iye yayekiswa kuba kusithiwa ezinye iiprojects azikhange zi-akhawunte ngokwendlela abayinikwe ngayo imali. Okwangoku iproject ithenjiswe isixa-mali esiyi R100 000. Kulo R100 000 bafumene only i-10% balinde ukuhlawula imali ishiyekileyo kodwa ayiqinisekisanga ukuba baya kuhlawulwa nini. Kananjalo ikwathenjiswe ngenkxaso-mali esisixa esiyi R550 000 lisebe lezophuhliso loluntu.

Basityikityile isivumelwano ebesifuneka kodwa imali abakayibhatalwa. Abaqinisekanga ke ukuba imali iyakubhatalwa nini na up until ngala date sasikuyo nge 27 yale nyanga sikuyo. Inkxaso-mali bayifumana kwi-European Union that is EU. Esi sixa esiyi R303 000 le nkxaso-mali inexesha elingangonyaka. Uthethe ukuthi kwinyanga le siya kuyo yeDwarha okanye sikuyo ku 2010 abaqinisekanga nokuba iyakuqhuba na.

Le project ibimele ukuba ifumene isixa-mali esiyi R300 000 kwisebe lezendlela nezemisebenzi that is Roads and Public Works iyeyokuhlawula abanakaleli that is amavolontiya la avizitha izindlu. Kananjalo kulo mali bafumene imali engange R184 000 instead of R300 000. Nayo lo mali iye xa isiya kubo yadityaniswa kunye nemali evela phaya kwi European Union. Kananjalo le project iqeshe umntu omnye obambezelekileyo, oomama abaninzi, kwakunye nabantu abatsha. Abantu abatsha ke apha kule project abahlali thuba lide kuba kaloku baleqa lanto kuthiwa zi-greener pastures, amarhewu aluhlaza.

Okufunyenweyo kolu tyelelo yile komiti:

(a) Indlu eqhutyelwa kuyo le project ikwimeko embi ebonakalisa ukudilika kwaye ifuna ukuhlaziywa.

(b) Kukho imfuno yokokuba iinkokheli ze project mazifumane uqeqesho ekulawuleni kwi project kunye nolawulo lwemali.
(c) Nangona le project ijongene nengingqi enkulu engenazo iinkonzo zezothutho ezithembekileyo le project ayinaso isithuthi sokujongana nale ngingqi iyonke.
(d) Iinkokheli ze project azicaciselwanga kakuhle malunga nenkxaso-mali esuka kweli setyana lakwa Public Works that is expanded Public Works imali idityaniswe kunye nezinye iimali ekuthi kube nzima ukwenza okanye ukunika ingxelo that is uku-akhawunta ngalo mali.
(e) Kukho umngeni malunga nokutyunjwa kwabaniki lunakekelo. Abaniki lunakekelo bakwa EU bafumana izinto ezingcono that is bona bafumana i-uniform, bafumana nezixhobo. Kweli cala lakwa Expanded Public Works bona abazifumani ezonkxaso bengafumani na uniform okanye izinto abanokuthi nabo bazingce ngazo.
(f) Eli ziko alinagunya lokukhupha amayeza okuthomalalisa ulwamvila lwentsholongwane kaGawulayo i-ARVs. Lento ichaphazela abantu basekuhlaleni kuba izibhedlele azinamandla okwenza oko ngokwaneleyo.

Izindululo

(a) Isebe malincede lincedise iproject ngokuhlaziywa kwesakhiwo kunye nokuqinisekisa ukuba ayihleleleki ngakumbi.
(b) Isebe malincede iinkokheli ze project ngoqeqesho kulawulo lwe projects nakulawulo ngokwasezimalini.
(c) Isebe ngokusebenza kunye nesebe lezempilo malicinge ngokubonelela ngesithuthi kule project okanye ngezinye iindlela zothutho.
(d) Isebe malazise inkokheli ye project ngento ebhalwe phantsi imali ephuma ngqo kwa Roads and Public Works so that baze kukwazi ekugqibeleni ukwenza lanto kuthiwa kuku-akhawunta ngemali abayisebenzisileyo from i-Department.
(e) Isebe malinikezele ngesinxibo esifanayo kunye nezixhobo, khonukuze bafane ukuthintela into yokokuba zingafumani mpatho yahlukileyo kwezinye. Kukho lanto kuthiwa yi-identity. I-identity yabo ifumaneke macala omabini.

Emveni koko siye saya eVictoria Hospital bathi xa beyibiza bathi yi-Bulk Water Services. Imvelaphi yale project siyichazelwe. Injongo yayo kukwakha idama elizakunikezela ngamanzi kwisibhedlele saseVictoria kunye neengingqi eziyingqongileyo. Le project yaqala ngenyanga yeSilimela ngo 2009 yaye icwangciselwe ukugqitywa ngomhla we-11 kweyeNkanga kulo nyaka ka 2010. Kananjalo kukhangeleka ngathi i-project ingangagqitywa ngeli xesha icwangciswe ukugqitywa ngalo. Ukulibazisa kubangelwe yimo yezulu. Isixa-mali esingange R10 471 347 sabelelwe le project lisebe lezemisebenzi.

Findings

(a) Kufumaniseke ukuba umphathi we-project akabekanga liso kule project kwaye uzivumile ngokwakhe ukuba akanalo ulwazi ngalo msebenzi njengoko ufuna ubuchwephetshe obuthile.
(b) Akukho moya mhle wentsebenziswano phakathi kwabaphathi besibhedlele, unokontraktha, kunye nesebe. Akukho ntlanganiso zibanjwayo rhoqo ngenyanga lisebe kunye nonokontraka ukuhlola inkqubela esele yenziwe kule project.
(c) Nangona bezikhona izigqibo kuleNdlu zangaphambili isebe lisaqhuba nokubhatala onokontraka emveni kwexesha.

Izindululo

(a) Isebe malonyule abaphathi be project abanolwazi malunga nobuchwepheshe kunye neenkcukacha ezichanekileyo malunga nomsebenzi ozakwenziwa ukuqinisekisa ukubekwa kweliso elifanelekileyo.
(b) Isebe maliqiniseke ukuba iintlanganiso zenyanga zibanjwa rhoqo phakathi kwabaphathi bezibhedlele, abaphathi be-project kunye nonokontraka.
(c) Isebe maliququzelele umoya omhle wentsebenziswano phakathi kwabo bonke abanomdla kule nyewe.
(d) Isebe malithumele isicwangciso ekufuneka sisetyenziswe ukuqinisekisa ukuba oonokontraka bayabhatalwa.

I-project elandelayo nge 28 September 2010 ibiyi project ebise Katberg, i-Katberg Working for Water Project. Bayayichaza ke imvelaphi yale project, into yokokuba le project yamiselelwa ngo 2002 iphantsi kwesebe lemicimbi yezamanzi. Le project sele ikwisiqingatha esigqityiweyo oko kukuthi 50%. Iqeshe ke abantu abayi 96. Abangomama bayi 46, 50 abangotata, 38 ulutsha. Le project inonokontraka abangotata abasibhozo, abangomama bahlanu. I-project le ikhangeleka ilawula kakuhle, inabasebenzi abazinikezeleyo. Oonokontraka babhatalwa ngolu hlobo R228 ngemini, abanye abasebenzi generally babhatalwa iR72.68 ngemini.

Le project ke naye uPublic Works kwela setyana lakhe le Expanded Public Works uye wabinza nge R2.8million. Iindlela zokufikelela kwingingqi yaseKatberg apha ezi project zenziwa khona ikwisimo esibi. Nangona isixa-mali esibhatelweyo kubasebenzi benkqubo yemisebenzi that is Expanded Public Works senziwe kulandelwa umgaqo-nkqubo siseko kodwa sincinci kakhulu xa usithelekisa nobume bomsebenzi kunye nemeko abasebenza phantsi kwazo aba basebenzi ezintabeni.

Isebe lendlela nemisebenzi kaRhulumente alibeki liso kubasebenzi abaphantsi kwe-project that i-Expanded Public Works, that is i-monitoring.

Izindululo

(a) Isebe kufuneka libonakalise ngokucacileyo ukuba ezi ndlela zokufikelela kwingingqi yaseKatberg liza kuyilungisa nini kwaye linikezela inkcazelo ephangaleleyo ngokuzakwenzeka kule ndlela.
(b) Isebe kumele lijonge ubume nobunjani bomsebenzi we-project nganye ngamaxesha onke.
(c) Isebe limele liqinisekise ukuba kubekho ukulandelwa kwenkqubela okufanelekileyo kuzo zonke iiprojects eziphantsi kwe-Expanded Public Works ingakumbi kule ngingqi nakule area besisele siyindwendwele.

Amanqaku nje generally

(a) Isebe liyekele umxakatho malunga nokubeka iliso kwi-project nenkqubo yemisebenzi that is Expanded Public Works.
(b) Kukho imfuno yokokuba umyinge wentlawulo yabasebenzi benkqubo yemisebenzi ijongwe ngokutsha ukukhawulelana nemeko yokuhlala nokunyuka kwamaxabiso ezinto kunye nomba wokokuba abasebenzi basebenza kwiimeko noko ezingekho mgangathweni kwa aba basebenzi akukho sibonelelo kwicala le UIF.

Isindululo gabalala

(a) Isebe kufuneka liseke isicwangciso esibubuchule ukuze libe nokubeka iliso kwi-project nenkqubo yezemisebenzi kaRhulumente.
(b) Isebe malifakane imilomo nesebe elikuzwelonke ngenjongo yokuqinisekisa ukuba imiyinge yemivuzo noko iyaqwalaselwa ngokwendlela abantu abasebenza ngazo.

Ndibulele Somlomo. Ndiyeke ngelithi ndibulela okokuqala ikomiti ngentsebenziswano nange-sacrifice because ke le ndawo besiye kuyo eKatberg ibiyi-experience yethu yokuqala. Sithe xa sithetha sathi we need to know i-province yethu. Besingayazi into yokokuba kukho iindawo ezinezantaba zinendlela ezinjeya. Ndibulele i-officials in particular u-coordinator wale komiti kunye no-reseacher. Ndibulele torhwana nabo bebesixhasile kwezo ndawo baye bazidina bathi xa sisithi siyeza basilungiselela. Enkosi kakhulu.

Mr SPEAKER: Enkosi mhlali ngaphambili. Kufike ixesha ke lenu zindwendwe zethu. Lusuku lwesithathu namhlanje kufanele ukuba sigqibelele kwinkqubo yethu. Le mibuzo siyibuzayo kuza kufuneka ibe yimibuzo ngoku, iya kwikomiti okanye iya kumphathiswa, okanye iza kuthi singamalungu. So ngamanye amazwi kufuneka ucace umbuzo, awunakugqitha ke noko kwimibuzo emibini nemithathu ungqale ukuba uya kubani ke lombuzo. Asizokuba savuma ngoku ukuba uthethe ngaphandle kwalo mcimbi sithetha ngawo. Ndiyafuna ke ukugqibelisa

ndithi i-members ze-public nani xa nilapha endlwini niphantsi kolawulo lwam.

So nawuphina ke umntu owenza into ephume ecaleni nalapho kuni sinelungelo lokuba sisebenzise imigaqo yalapha. Ndenzela into yokokuba ke kungabikho mntu ucinga ukuba yena ulawulwa ngumhlali ngaphambili wakhe okanye iNkosi yakhe elapha. Singena kuni ke ngoku. Siza kuthatha izandla. Sisayihlonipha lanto yeWadi kuqala siyayigxininisa. Okwesibini sakumamela umntu othi usuka kwicandelo elithile elinxulumene nalento sithetha ngayo. Makangene ke unamba 1.

WARD 8 REPRESENTATIVE: Enkosi kakhulu sihlalo. NdinguNoncedo Zweni ndisuka phaya kwaWadi 8. Ndiyayiva ke lento yezi projects bezivizithwa uyayibona mos indlela yazo inye, iyakuthi Katberg ithi Alice imane itsibatsiba ungayazi ukuba igxadaza phi na.

Mandithethe ngalento yezizindlu zikaPublic Works zilapha kulo masipala wethu ezingamabhodlo ngoku. Bendicinga ukuba yenye yezinto ezi zakuvizithwa. Zindawo zokugebenga abantu ngoku eziya. Mandenze umzekelo phaya eBhofolo la building yayiyiTower Hospital ngoko yindawo apho abantu barojelwa khona ngoku. Okwesibini nantsiya landawo ekuthiwa yayiyi-Cape College kudala ngoku ene-Government Departments apho umntu akwaziyo ukuphuma apha elokishini aye kuhlala phaya. Nam ndingaphuma apha eGqugesi kulalali yam ndiye kuhlala phaya eCape College akukho mntu uzakundibuza ndisebenzise umbane kangangoko ndingawubhatali nokuwubhatala. Umasipala lo waseNkonkobe zezinye zezinto eziwushonisayo lowo ngoba lambane awubhatalwa nangubani na. Zezinye ke ezi sihlalo zengxaki ezikhoyo.

WARD 21 REPRESENTATIVE: Molweni ekhaya. NdinguAbdoli Boysen mna phaya kwa Ward 21. Sihlalo nam ndifuna ukuthetha kulento losisi athetha ngayo ndiyiqale phaya edolophini mna. Yenye into endicinga ukuba umasipala wethu iyamtshonisa kakhulu. Eza zindlu ziphaya edolophini ziyafuna ukujongwa. Xa unyuka ke usiza apha elokishini andifuni kuthetha ngazo eziya ziphaya andinalo igama lazo. Uze kungena eCape College, iCape College andazi nokuba yindawo yokunqoloba na. Zonke izigelekeqe zibaleka ziye kutshona eCape College. Iyasichana ke kwiinkonzo lonto. Ndiyanqwena ke mhlali ngaphambili ukuba niyiqwalasele lonto. Enkosi.

WARD 9 REPRESENTATIVE: Enkosi hon Speaker. NdinguSiphiwo Klaas ndisuka phaya kwa Ward 9 phaya eKatberg. Mhlali ngaphambili masiyibulele iripoti yekomiti iyilento siyaziyo. Kodwa ke sifuna ukuthi kuyo lendlela ibiyibona ibibona nje i-sample yendlela esinazo phaya. Ukuba uya eDiphana, uye eJuries Hoek kunzima ukuba iimoto maziye phaya xa kunethayo iindlela azihambeki. I-worse indlela yaseJuries Hoek yona owayekhona uMEC ngoko umama uJajula wade waya wayakuyibona wathembisa into yokokuba kwiveki ezayo uzakuzilungisa iindlela.

Babekwa oo-pipe basepha basalindile nanamhlanje. Ukuba uzakubheka eMpofu ujonge phaya ngaphakathi elokishini iindlela zaphaya imoto kufuneka uyishiye kwi-main road kunzima ukuhamba. Kodwa siyazibona iimoto zendlela zisihla zisenyuka asazi ukuba kwenzeka ntoni na. Kulo nyaka uphelileyo phaya eRietzdale sibone kufika ikontraka phaya isithi kunendlela ezakuyenza. Sabe siyayigqibelisa ukuyibona yashiya oo-pipe kunanamhlanje asiyazi ukuba kwenzeka ntoni na.

Mandize kulo mcimbi wale project ka Working for Water. Masilungise into ethi i-project iqale ngo 1995 not ngo2000, ukuqala phaya kula ngingqi yethu. Siyitsho into ethi siyayifuna ukuba ziqwalaselwe kakhulu ii-rates ezibhatalwa abasebenzi baphaya kula project. Akunakufanisa umntu otshayela edolophini aye kuthenga i-fish i-rate yakhe per day uyifanise nomntu ophangela phaya kweza ntaba. Siyafuna ukuba ijongwe lonto. Ayamkelekanga tu ukuba kulo Rhulumente sikuye abantu bangaphangela phantsi kweza meko baphangela kuzo.

Oko kugqibela mhlali ngaphambili, siyafuna ukwazi thina into yokokuba le programme ye-skills development yalapha kwaPublic Works ingaba yenzelwe abantu basezidolophini kuphela na? Ngoba asiyiboni phaya kuthi ezilalini. Siyiva kwi-Radio, siyive emaphepheni siyibone nakwi-TV ayiyi phaya kuthi ekuhlaleni. Siyafuna ke ukuba umphathiswa akhe asinike ukuba kwenzeka ntoni na. Enkosi.

WARD 16 REPRESENTATIVE: Enkosi Speaker negqiza lakho. Mna ndisuka phaya kula mhlaba waseXesi kwa-Ward 16. Sinengxaki phaya eXesi kakhulu, indaba yendlela okokoko yagqibela I am sure noSebe esekhona ebene 10 years engasayenzi iindlela. Iindlela zethu zonakala kudala iimoto azihambi. Sinengxaki ke ngalonto leyo kuba kudala sibetha ezibokothweni sisiya kwi-ofisi kaMEC singamfumani sishiye iimbalelwana zethu, sizifumane iimpendulo ke phofu kodwa azilandelwa.

Ndize kwindawo yesibini into ye-Expanded Public Works ayingqamani nomasipala tu, bayazenzela. Asiyazi ukuba ihamba njani na lonto. Mandiphinde kule ndawo yendlela, phaya eXesi siyile kwaMEC saya kuthetha ngalento yendlela sizifotile iindlela zethu. Sicela uMEC asincede azirigraverishe iindlela ziyeke ukubhlidwa ngoku. Enkosi.

WARD 7 REPRESENTATIIVE: Hon Mr Speaker neNdlu ngokubanzi. Mna ke ndinguMthunzi Nabe phaya eNxukhwebe kwa-Ward 7. Imibuzo yam mibini kuphela mna. Phaya ngo1998 ukuya ku2001 sasinengxaki noRoads and Public Works kukhona imali engangeR1.6 million uFort Beaufort Municipality awayeyinike uPublic Works kuba kuza kwenziwa indlela esuka eDikeni eya eBhofolo ivaya phaya kuthi eHealdtown. Lo project ke leyo ayizange iqhubekeke andazi ukuba kwenzeka ntoni na kulo mali leyo. Sifuna ukucaciselwa ngalonto leyo ukuba kwenzeka ntoni na.

Okwesibini, kukho i-promise esasiyenzelwe nguWard Councillor wethu phaya ngo2007 ethi uProvincial Government uyazikhomitha ukuba uzakuyenza lonto as a long term project kwaye apha endleleni indlela iyakwenziwa igqitywe ngo2012 ayiyo experimental road but izakube iyindlela ezakube isele inayo netha ngelo xesha. Sifuna ukwazi ke into yokokuba kuqhubeka ntoni na because azikenzeki ezo zinto.

In the same area esika kwaphaya eNxukhwebe ibheke kwaMankazana naleyo indlela yayiphantsi kwalo long term project. Asazi ukuba kuqhubeka ntoni na. Sifuna ke uPublic Works asinabisele kwelo cala. Enkosi.

WARD 1 REPRESENTATIVE: Ndingu Ward Committee mna wakwa-Ward 1 umama uMatiyase kwilali yaseQamdobowa. Sinengxaki phaya ku-Ward 1 yendlela zethu zonke. Indlela yethu iqala eDebe iye kuphela eQamdobowa. Sathenjiswa ke kulo nyaka uphelileyo ukuba indlela iza kukrwelwa. Yakrwelwa ke kwezo ndawo ikrwelwa kuzo akabikho nto iphinda yenzeke emveni koko. Kodwa ayikhange iye kufika eQamdobowa oko kukrwelwa kwayo. Iilali zethu xa usiya kwenye ilali uwela ibhrorho kunzima ke ukuba siwele zonakala qho ukuba kukhe kwanetha iimvula ezinkulu.

Siyacela kakhulu isangathi singakhe sisatyelwe noko kudala sisibeka esisicelo sezindlela nezibhroro ayide yenzeke lonto. Sinesicelo esikhulu ke ukuba kukho nalabhulorho esuka eQamdobowa ibheka eZalarha nale ndlela ibheka eSkimini, sineSkimi esikhulu siyiQamdobowa kodwa kunzima ukuba iimoto zingaya phaya ziye kuthatha izinto ezilinyiweyo, kunzima kwalapha kwi-tractor, ikrwelile ayafika kula ndawo inengxubakaxaka kanye. Siyacela ke ukuba sincedwe silungiselelwe kwa-Ward 1 iindlela nebhulorho zethu. Enkosi.

QUESTION FROM FLOOR: Mhlali ngaphambili mandibulise. Mna ndiphuma kumhlaba waseBhofolo etown. Bendicela ukubuza Speaker umthatha njani umntu ohluthiyo ukuba makaphathe abantu abalambileyo? Ngoba niyabakhupha abantu into yokokuba mabahambe baye kwenza iiprojects xa nibakhuphile ingaba niyabalandela na nibajonge ukuba umsebenzi wabo bawugqibile na? EBhofolo kune ndlela eshiyiweyo kwabalekwa nemali. ENewtown ndiyacinga ukuba two weeks back kusanda kwenziwa itha kodwa iimoto zihamba kwi-gravel road. Umbuzo wam ke wokugqibela aba bantu bazidlelayo ingaba bathini na ngaba bangatyiyo? Enkosi. [Applause.]

WARD 2 REPRESENTATIVE: Mhlali ngaphambili ndiphuma kwa Ward 2 eNewtown eBhofolo. Eyonanto mna ndiyikhalazelayo izindlu zethu esizakhelwe nguRhulumente azimanga ngendlela kodwa zigqityiwe. Phezu kwendlu ingathi sidlisela ngamatye. Into ke ebendicela ukuba uRhulumente akhe athathe ingqalela kuyo besicela lomntu wayepasisa ezazindlu zaseNewtown akhe avele sikhe simbone

size kukwazi ukumbuza ukuba ukwazi njani ukupasisa izindlu ezingela hlobo ezingenazi toilet zirayiti? Enkosi.

Mr SPEAKER: Baphelile ke ngoku abantu. [Interjections.] Bendinixelele ke, andazi nokuba ndiza kuthi order apho kuni. [Interjectcions.] Bendinixelele ukuba ndibale abantu abasibhozo. Ngoku kukho abathi hayi, hayi andazi ke nokuba niqhele ukuqhuba ngolo hlobo. Apha ke inkqubo abantu baphakamisa isandla ndithathe isigqibo ukuba ndiyakukhomba ukuba andikukhombi ndingakukhombi. Ndiphakamise abantu abasibhozo, ndiyazibhala iwadi zabo apha ukuba kuthethe abantu bezi wadi. Andifuni ke kuphinde kuphakamise aba bantu bezi wadi zilapha. Mhlawumbi ke sikhe sihloniphe lento ye-wards, ndinqande ke lo hayi wenu. Nasi ke isicelo bonke ke aba baphakamisileyo sine sasigqibo sokuba niyabhala ngoku nithumele phaya ngasemva. Ngumthetho walapha ke lowo. Akuzokusebenza omnye. Masiye ke namba 1.

WARD 12 REPRESENTATIVE: Somlomo namalungu akho ePalamente ngokubanzi jikelele. Ndisuka kwa-Ward 12 ndinguMr Gqube. Iziphakamiso esinazo kula wadi ziqala kwindlela zethu eziqhakamshela iilali ezingenazibhroro. Ngexesha ekunetha imvula zehlobo abantwana abayi ezikolweni, abantu abayi ezikliniki baginya umoya ongcwele xa begula. Ezona lali ke ziphambili yilali yakwaMelani, erhanqwe yifama yakwaTeyila abanabhroro yokuwela. KwaSkhutshwana apho kulinywe khona i-orange abantu bakhona abasebenza kwaFenki e-factory abanabhroro yokuwelela kwaMelani. KwaGqumashe noSkhutshwana apho amaziko emfundo akhoyo abantwana bakwaSkhutshwana ukuya kwaGqumashe abanabroro ezo lali zontathu zimelene, zisengxakini. Siwelele kwilali zaseMsobomvu eGwali phakathi koMsobomvu iMagala akukho bhroro, phakathi kweBlack Plaas nokubheka eMsobomvu nayo ibhroro yakhona ngurayi-rayi jikelele ngqu ayikho.

Siwele siye kwiindlela zelali. URhulumente wethu nomasipala wethu akazenzanga izitalato sinengxaki xa kukho imingcwabo okanye uESKOM ekufuneka aze kuseyivisa ucimo lwemibane, amapolisa ekufuneka aze kunqanda izidube-dube. Sicela kananjalo ukuba mazilungiswe iilali zethu zigalelwe i-gravel kuba xa kunethayo zonke izinto zime ngaphesheya phaya komlambo. Kananjalo sicela ukuba kubekho abantu abaqeshiweyo kuba iingozi ezenzekayo zendlela phaya zichaphazela imfuyo endleleni zihamba unothanda, abantuu abazakwenza iingcingo zendlela kubekho nabantu abaqhuba amahashe abanguhayi-hayi sukani endleleni besitsho ke kwimfuyo zethu zelali. Nakubantu abathi ke xa betye ibhelu-lomsele bantahmbule phakathi kwemoto. [Interjections.]

WARD 5 REPRESENTATIVE: Mandibulise kwindlu yonke. NdinguNokwanele wakwaHela kwa-Ward 5 ndihlala eGolfin. Phaya eGolfin asinazindlela itha iphele phaya phambili ukungena elokishini ayikho indlela inamatye. Okwesibini kukho ezi zindlu zika-works apha

etown zingamabhodlo zihlala abaphangi. Okwesithathu phaya eGolfin sicela i-project nokuba yeyantoni na. Nokuba yeyenkuku, nokuba yeyokwenza ntoni na. Enkosi.

Mr SPEAKER: Xa ungayazi nawe ukuba nifuna eyantoni izakuba nzima. [Laughter.] [Interjections.]

WARD 14 REPRESENNTATIVE: Mandibulise kuSomlomo. Mna ndiphuma kwaDikidikana. Phaya kwaDikidikana xa uphuma kule ndlela iphambuka apha etheni ijonge….

Mr SPEAKER: Ungu-ward bani mhlekazi? [Interjections.]

WARD 14 REPRESENTATIVE: Ndingu 14.

Mr SPEAKER: Qhuba, mhlekazi.

WARD 14 REPRESENTATIVE: Kukho indlela ephakathi kweMbizana neDikidikana apho kukho ibhroro embi engazange igqitywe yingozi yodwa eba lapho. Uwele uthi xa ungenayo kwaDikidikana kukho intlambo apho eyayifakwe ophayiphu, abophayiphu bemka nemvula. Ngoku kwabonakala ukuba masihambe sibheke eBhisho sakufika eBhisho sawathatha amadoda amabini aseBhisho. Ndiwaphosa nje ngokuwalibala ngoku amagama awo. Saya kuma nawo phaya kwaba phayiphu athi lamadoda siza kubuya ngoku. Kwabonakala ukuba uRhulumente ngoku makakhuphe egeyithara wagrumba lantlambo. Ukubangaba inokunetha ngoku ndithetha nje asinakukwazi ukubheka kwaDikidikana. Ndimile. [Applause.]

Mr SPEAKER: Olandelayo.

WARD 2 REPRESENTATIVE: Mhlali ngaphambili. Mna ndinguProffet Chumani Langa. Ndilapha eFort Beaufort etown. Ndifuna ndikhe ndigxininise ….

Mr SPEAKER: Ungu Ward bani mhlekazi?

WARD 2 REPRESENTANTIVE: Ndiku ward 2.

Mr SPEAKER: Sele ethethile u-ward 2 apha.

WARD 2 REPRESENTATIVE: Tata akakhange achukumise landawo yethu ilapha eBhofolo ndicela nje ndikhe ndiyithethele londawo? [Interjections.]

Mr SPEAKER: Umzuzu umnye ke mhlekazi.

WARD 2 REPRESENTATIVE: Apha kule ndawo ndihlala kuyo kukho iindlela ezingenziwanga. Sihlala etown kodwa asinayo netha, asinazo ne-lights. Kukho indawo ekuthiwa nguGetyezayo ephezu komlambo.

Landawo ngokuba ilapha phezu komlambo nje ayijongwanga kude kwasweleka umntu etshona phaya esuka esibhedlele. Umntu lowo ubonwe ngumntu obechola ama-empty around landawo. Uye watshona ke lamntu khange ilandeleke lonto ….[Interjections.]

Mr SPEAKER: Siyabulela ke mhlekazi.

WARD 2 REPRESENTATIVE: Ndikhathazekile kakhulu. [Interjections.]

WARD 10 REPRESENTATIVE: Molo mhlali ngaphambili. NdingokaNkwali mna phaya eBhofolo kwa-Ward 10. Kukho into ebuhlungu eyenzekayo eBhofolo. Xa ndinokubuza from 2004 ihlahlo lwabiwo-mali laseBhofolo lasebenza ntoni? EBhofolo sinengxaki ebuhlungu sibavotele abantu basishiye baye kuhlala etown bangayazi ukuba kuqhubeka ntoni ngathi elokishini. Kukho into eyenzekileyo phaya eBhofolo yafika inkanyamba samkelwa zizindlu ingakumbi esasitalato sam iNgitha yemka yonke. Kwafika abantu babhala-babhala hayi siyeza siza kuninceda. Samuta sathezela emnxebeni baphinda babhala ukuba hayi siza kuphinda sinibuyisele. Ndiyabona ukuba uYesu uyakude afike asikababoni. IBhofolo lisemva izitalato zombekile bazakuthi xa bethethayo bathi sokha izindlu. Izindlu zaseMagaleni zinjani? Isamente iwiki xa kuvaya umoya ziyadilika izindlu. From 2004 ukuza ngoku uhlahlo lwabiwo-mali lwaseBhofolo lwenze ntoni? [Applause.]

WARD 17 REPRESENTATIVE: Mandibulise Mr Speaker negqiza lakho. Mna ndingowakwa Wadi 17 aMahlathi Municipality. NdinguPhindile Matinisi. Phaya kwa Wadi 17 kune project eyayiqalwe ngo 2004 yezindlu eziyi 700. Enamhlanje zingekagqitywa. Nezo sele zigqityiwe ezinye zazo ezihleli abantu azikalayiti toti nanamhlanje. Sihambe phantsi phezulu ke nokhansela ebebemane besibakho akukho nto ibonakalayo. Umasipala yena ekugqibezeleni lo project ufeyilishile. Okwesibini kwaphaya kwa Wadi 17 kune area ekuthiwa kuse Ozini abo bantu bahlala ebumbhacwini apho kudala befuna izindlu abakahoywa nanamhlanje. Ndimile Somlomo.

Mr SPEAKER: Hayi sikuyeke nje kuba uthethela iAmahlathi kungenjalo sithetha ngelisebe besithetha ngalo not ngezindlu.

WARD 13 REPRESENTATIVE: Enkosi Somlomo. NguThobeka Mjo lo uthethayo usuka kwa Wadi 13 apha eDikeni. Ingxaki esinayo phaya kula wadi ziindlela mhlekazi ezi zindonga sithetha nje. UPublic Works torho ukhe wasibonelela ngekontraka apha kuAgasti. Hayi torho yafika yagqithisa nje usana kunina yangathi yenza iindlela. Ibikhokelwa ngusisi ekuthiwa nguWendy zafika ii-inspectors zayihlaba indlela. Waqhubeka uWendy ekhala ngento yokokuba akanayo kwa i-material le, akukho traka kwa le yokukha umhlaba agalele apha endleleni. Ibe lihlazo ke lonto, imkile njengokuba ndithetha nawe nje ikontraka. Indlela ukusuka apha ePhumlani ukubheka eKhayamnandi isezindonga. Ebesithembisile

kwakhona uPublic Works ukuba uzakusuka eKhayamnandi abheke eGame Reserve alungise iindlela. Sisajongile ke ayikenziwa lonto. Siyacela noko uPublic Works makawulandele umsebenzi owenziwa zikontraka omdaka.

Ndigqithe ndiye kumcimbi wokubiywa apha ecaleni kwendlela. Kukho ingxaki yeengozi eyenziwa zimpahla. Ukusuka apha eDikeni ukubheka eBhofolo ziyatshabalala iimoto zabantu ngenxa yeempahla eziyabulayo phaya. Siyacela uPublic Works nezendlela bakhe bayiqwalasele lonto. Nokusuka kanye phaya etheni ePhumlani ukubheka eGame Reserve. Sikhe sanaso ke isehlo sokubhubha kwabantu ke kula area ngenxa yempahla eziyabulayo. Siyacela ukuba makukhe kubiywe phaya. Kwakhona siyacela into yokokuba kukho iilali ezimbini ekuthi yiGxwederha neLower Sheshegu ezingena bhroro. Kunzima kakhulu phaya ukuba abantwana mabaye ezikolweni xa kunethe iimvula ezinkulu zehlobo kube nzima sele kubhujiwe ukuba iimoto mazinyuke zibheke emngcwabeni. Siyacela ukuba noko sithathelwe ingqalelo kula wad...

Mr SPEAKER: Hayi enkosi iphelile imizuzu emithathu.

WARD REPRESENTATIVE: Mandizibulisele sihlalo. NdinguNdileka Mamkeli kwa Wadi 15. Kukho indlela esuka apha eYielcrest ebheka eGuburha kukho isoreji phaya enqumla kanye apha endleleni. Sicela ukuba ijongwe landawo kuba iimoto eziya eguburha azikwazi kuhamba. Kukho ibhroro eseJojosi kwaTyhali sicela ukuba ilungiswe nayo. Kukho iproject yabantu abadala eseNgqele kudala bezama ukufaka izicelo zokuba bafandwe ukuze batyise abantu abadala nabantu aba-disabled kodwa abade bafumane luncedo. Enkosi sihlalo.

WARD REPRESENTATIVE: Enkosi sihlalo. ndinguSidima Kama phaya kwa Wadi 3 apha eNkonkobe. Nam ndiyazibulisela kule ntlanganiso yanamhlanje. Sihlalo thina phaya eBhofolo kwa Wadi 3 besinesicelo esithi, phaya sina project yamaxhewukazi ekuthiwa kuse Thembeni. Sicela into yokokuba ingase nayo ivizithelwe, ibonelelwe ngendawo ahlala kuyo lamaxhewukazi kuba lendawo bahlala kuyo yindawo encinci kakhulu zezi zindlu zeRDP. Sicela into yokokuba uMasipala ababonelele indawo engathi iphangalele.

Kwakukho iprowujekthi ebisenza ithoyilethi phaya eBhofolo ayikagqitywa sicela uMasipala asincedise. Oko kugqibela phaya sine ndawo esilahla kuyo inkunkuma ekuthiwa yiDasi, sicela into yokokuba sincediswe kula ndawo kuba yayenzelwe indawo enkulu ukuba itraka zikaMasipala xa zithutha phaya edolophini naselokishini zigalela phaya zibe nokukwazi ukugalela kula ndawo inzulu ityhalwe lanto.

Kodwa ngoku kubonakala ukuba abasebenzi bakamasipala abenzi ngela hlobo kwakusenziwa ngalo kuqala ukuba bathi make sure ukuba inkunkuma xa beyigalela phaya ngezatraka zabo bayigalele ngaphakathi.

Iphela ngoku ibuya ingena ilokishi. Imfuyo phaya iyonzakala because itya ne-huggies ezi. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha. Enkosi.

WARD 18 REPRESENTATIVE: Mandibulise nam kuwe bawo uSomlomo. Igama lam ndinguLunga ndisuka kwa Wadi 18 kweza lali zamaGqunukhwebe. Ingxaki esinayo phaya sinengxaki yocingo lweekampi. Iinkomo zethu phaya emaGqunukhwebeni zilutshaba lozungulichela, ziyabiwa akubiywanga. Sinedama phaya eliphakathi koMxumbhu neQanda, ela dama eliya alibiwanga, ayikho ibhrorho phaya xa kusina iimvula zohlobo abantwana bethu kunzima ukubheka esikolweni nanjengoko iHigh School iseQanda. Sinengxaki okunye yendlela, indlela imbi kakhulu ithi ukubangaba ifikile igenge yakwaPublic Works iyigalele umhlaba kuthi kwakuna imvula umke wonke lomhlaba lowo kuvuleke izigingqi. Sineso sicelo tata. Enkosi.

Mr SPEAKER: Enkosi.

WARD 11 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. Igama lam ndinguMasibulele Mdlankomo kwa Wadi 11. Sinengxaki kakhulu ngendlela, indlela yethu imbi kakhulu asikwazi kuza apha etawuni size kufuna uncedo kuba ngenxa yendlela embi ezindonga, sikhwela iibhaki nodrayiva bebhaki bayakhala ngemoto zabo.

Ngoku sithi ukuba size apha etawuni simke ngo 6 ekuseni sakuphinde sibuye ngo 6 ukutshona kwelanga. Ngenxa yento yokokuba asinatranspoti ibhasi asinayo ngenxa yendlela besikade sinayo. Ngoku into endifuna ukuyiqonda apha kuni from ngo 1999 ukuza ngoku kunyaka ka 2010 ndifuna ukuqonda apha kuNkonkobe municipality ukuthi okokoko le 10 years zange asilungiselele, akazange abenayo ibhajethi yokuthi ulungisa uwadi 11? Ndifuna ukuqonda lonto kuba imbi kakhulu indlela asinandlela asikwazi kuya etawuni. Enkosi.

Mr SPEAKER: Siyabulela. Sigqibile ngoku siza kucela ke ikomiti iphendule.

Ms D KOMOSE: Enkosi Somlomo. Phambi kokuba ndinikezele kuMphathiswa mandikhe ndithi tshe Somlomo. Phaya kula namba 3 naphaya kunamba 7 kwimonitharingi kamnandi ikomiti kweziya zindululo sele sinayo apha etafileni.

Okwesibini, kukho into evela kakhulu apha lento yeendlela endibona into yokokuba abahlali apha kule area iyabakhathaza in fact kuyo yonke le province. Mhlali ngaphambili apha siyile komiti I am sure nale department elihlelo lakwaRoads litsha kule komiti siqale ukulivotela apha ku2010 ngoEpreli. Kangangokuba uMEC kunye neDepartment noNational baplane into yokokuba makubekho lanto kuthiwa yiRoads Indaba so that sonke sizokuba ntanganye. Kulo Roads Indaba ke ukhankanyile into ethi omasipala kunye nezinye iStakeholders zizakuba

yinxalenye. Kodwa ke umntu ozakungena nzulu xa ephendula nakwezi Roads Indaba nguMphathiswa. Siyile komiti sinikezela kuMphathiswa. Enkosi.

Mr SPEAKER: Mphathiswa?

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: Mandibulele kuwe Somlomo, ndibulise kwikhabhinethi yamalungu eNdlu yowiso-mthetho onke noceba bonke kunye nabantu jikelele. Sinibulisa ngale ntsasa emveni kokuba umbutho wesizwe uziqokelele i-by elections. Ithi ke lonto huntshu ngombutho wesizwe. [Applause.] [Interjections.]

Ndiza kuqala ndiphendule imibuzo le isuka kuluntu phambi kokuba ndingene kwingxelo ebeyibekwa kule ndawo yikomiti. Izakhiwo zikaRhulumente ezibonakala zingamabhodlo phakathi kwalo masipala waseNkonkobe, zakhiwo ezo ezihamba zibe nenxaxheba eziyidlalayo ekusetyenzisweni yimigewu. Isebe eli liye layithabathela kuyo iAlice into yokokuba mayibe yi pilot project apho siza kuvuselela khona iidolophu zethu ezincinci. Sinale programme esele iqalile apha eDikeni yokuvuselelwa kweDike.

Lonto ijongene nezakhiwo ezi into yokuba nazo masizibone zithatha inxaxheba ekuphuhliseni koqoqosho lokusondezwa kweenkonzo ebantwini balapha eNkonkobe. Sisenza lonto kukho ipolisi ejongane nento yokokuba xa ngaba ezi zakhiwo zikaRhulumente zikhoyo, ezikaNational neze province kuba ayingo province yedwa onezakhiwo apha, ezinye zezoRhulumente omkhulu. Ithi ke lonto xa ngaba sihlenga-hlengisa ezi zakhiwo siza kuzinikezela abantu bokuqala esiza kuzinikezela kubo ngumasipala khonukuze akhawulezise iinkonzo. Ukubangaba kufuneka ezinye zibe ziza kuthengiswa abantu bokuqala abazakuthengiselwa ngabantu balapha kulo mhlaba waseNkonkobe.

I-Cape College – siyayiva ke into yokokuba kukho abantu abahlala phaya ngokungekho mthethweni. Kodwa akho amasebe awanikwe ukuba makayisebenzise. Ithi ke lonto into engaqinanga ngabaya bantu basebenzela kwesa sakhiwo ……[Break in.] ….Ithi ke lonto kuza kufuneka into yokokuba isebe eli liyilandele into yokokuba kutheni kulusi kangaka into yokokuba abantu bakwazi ukuya kuzingenela bazihlalele phaya.

Kumcimbi webhroro. Andizokuya iwadi newadi ndiza kuwuphendula gabalala. Ibhroro esinazo ziyalogqitha inani eliliwaka namakhulu … [Inaudible.] … kwiphondo lonke. UPremier weli phondo umama uKiviet uye kubo bonke omasipala into yokokuba masikhe siqokelele lelisti yebhroro khonukuze xa sihamba sicela uncedo kuRhulumente omkhulu nakwi private sector, nakwi funders into yokokuba sithethe ngenani eliqingqiweyo. Ayikho imali ebekelwe bucala yokwakha le more than 1 200 yebhroro. Oomama nootata bathethe kakuhle phaya into yokokuba ezinye zebhroro kudala zazakhiwe. Niza kukhumbula

into yokokuba ezinye zazakhiwe ngexesha apho kwakukho imoto enye yonovenkile umntu one general dealer zingekabikho liqela iimoto. Umhlaba uyakhukhuliseka, ziyachaphazeleka ke iibhroro, uluntu luyakhula nophuhliso.

Ithi ke lonto lomcimbi webhroro ayingomcimbi walapha eNkonkobe kuphela ngumcimbi ojongene nephondo jikelele, kanti ndiwudibanise nomcimbi wendlela. Uthi usihlalo wekomiti kule veki izayo nge14 and 15 siza kuba nengqungquthela eza kujongana nento yokokuba singenelela luhlobo luni na apha ezindleleni. Kuba imali leyo sithi siyinikwe nguRhulumente omkhulu ibancinci ejongene nokumentheyinwa kwendlela. Eyona sidla ngokuyinikwa yeyento yokokuba masiyiqale indlela kodwa eyonanto isonzakalisayo yinto yokokuba zingakwazi ukugcineka zisemgangathweni iindlela. Iindlela ke zingamanqanaba amathathu, zikhona ezikaNdlu-Nkulu, iNational road, zikhona ezi ze-province, kubekho ezi zikamasipala. Iqela lendlela ekuthethwa ngazo apha ngabahlali zi-access road ezi zikamasipala.

Kodwa ingxaki yinto yokokuba abanye omasipala le municipal infrastructure grant ekumele ukuba mabayisebenzise ukuphuhlisa ezo ndlela bayisebenzisela eminye imicimbi. Kangangokuba MEC wakwa Local Government through you Mr Speaker, kuza kubaluleka ukuba simcele uhon Mayor into yokokuba aze abize imbizo ekukumila kunje bona nekhansela bame apha bakwazi ukuyiphendula eminye yemicimbi ebuzwayo. Zi access roads ekumele ukuba bazichaze apha kubo. [Interjections.] Kuba nendlela ezingena ezilokishini zi-access road. Uthi ke lonto umceli-mngeni Meya masikhe siyeni ebahlalini sibaqale phaye eziwodini sinyuke nazo size nazo kule ndawo.

Uphuhliso ingaba lubekelwe idolophu kuphela na lungafiki ezilalini? Impendulo, hayi uphuhliso lwezakhono lulungiselelwe wonke umntu ukuba makaxhamle. Yilonto apha esebeni kula 500 ye-national youth service esiye sayithatha, sithathe kuzo zonke iidistrict sincedisana nomasipala abakhoyo. Qha yinto yokokuba amanani la esibanawo kunyaka-mali othile awakwazi kufikelela wonke umntu kodwa azibekelwanga bantu basezidolophini kuphela.

U-Expanded Public Works Programme, le yinkonzo eyongezelelweyo embhaxa yokuphuhlisa. Thina sileli sebe siyakho-odineyitha ayikho phantsi kwethu umasipala unaye u-Expanded Public Works elinye nelinye isebe kula masebe kaRhulumente onke anaye uPublic Works okwethu yinto yokokuba masibanike i-technical support but the implementation part of it ihleli apha kumasebe nakomasipala kangangokuba kuthe xa sisenyusa uPublic Works simsa kwisigaba sesibini sabanento ekhupha i-incentive grant, into yokokuba umasipala lowo okanye i-public bodies ezo neDepartments ukuba zisebenze kakuhle ekubeni zivelise imisebenzi zifumane isixa semali. Ithi ke lonto isahleli kuthi ekubeni sicingele into yokokuba uEWP ngoka Public Works. Hayi ukhatha across like le programme ye-HIV and AIDS awunakujonga isebe lezempilo lodwa noEWP usebenza ngolo hlobo.

Yilonto izolo ndithe xa bendithetha kule ndawo ndathi kulo nyaka-mali uphelileyo sikwazile into yokokuba senze amathuba emisebenzi eyi 99 000. Kodwa imonitharingi mandivumelane nabahlali into yokokuba ayikho kwisimo esiqatha sento yokokuba mazilandelwe zonke. Lonto ilekisha kuthi sonke kuba xa kuqalwa i-project nokuba yeyeEWP kubakho iProject Steering Committee eyenziwa ngabahlali. Umbuzo uthi xa zishiywa zingagqitywanga baphi abahlali abamele ukuba ngokhala? Ziphi iwadi committees ezimele ukuba zibe ngokhala kwezindawo zine projects?

Iindlela xa ziza kufakwa itha okanye isikunteri. Ngokwemigaqo yepolisi indlela efakwa itha iba yindlela noko enomyinge weemoto ezingamakhulu amahlanu ngosuku ekuthiwa ngu-high volume. Aze athi u-low volume agravelishwe, azifakwa tha zonke. Mandiyicacise nje lonto. Kodwa nalapha ezindleleni sine backlog engumangaliso engehlukanga phaya kwi-bridge. Yiyo lento niye nabona sizama ukungenelela ngamajoni, sicela into yokokuba amajoni oMzantsi Afrika ukuba anaso isakhono okwakha i-bridge mawasincedise sakhe i-bridge zethutyana khonukuze abantu bakwazi ukuwela. Le mizobo yenziwa apha ngabahlali banyanisile into yokokuba zikhona iindawo ezingangenekiyo kwaphela ngenxa yeebhroro ezingekhoyo.

Hayi amadoda amabini la waseBhisho wona andiwachani kakuhle. Kuthiwe kunamadoda amabini afika athi siyabuya, andizokuwachana kakuhle ke wona ukuba ngamadoda awayesuka phina. Kodwa ke bakhona abantu besebe phaya ukubangaba utata uye waphinda wawakhumbula amagama alamadoda mabini ayethe aza kuphinda abuye aze angabuyi sakucela nje ukuba asifenishe ngalo information ukuba ayethe angobani ukwenzela ukuba sikwazi ukudilishana nawo. Ngoba ayintlanga into yokokuba abantu benze izithembiso. Ezinye izithembiso ndiyeva ke apha ngokwe ripoti kuthiwa uwadi khansela uthe izakwenziwa le ndlela. Mhlawumbi umbuzo ungamhle kula ntlanganiso ndiyiprophowuzayo into yokokuba kukhe kubuzwe ngoba kunzima ukuba mandimphendulele uwadi khansela xa wayethembisile ukuba ngo 2012 izakube igqityiwe. Andiyazi nokuba yi-access nokuba yeyethu na. Kuza kufuneka into yokokuba sikwazi ukuba nenkcukacha ezipheleleyo. Ndiza kugqitha nje Speaker kulo mcimbi waseAmahlathi.

UMphathiswa xa ebeme kule ndawo izolo elinye uthi kukho i-programme yokulungiswa kwezindlu ezathi zangokheki ngendlela efaneleyo. Inoba ke kwezi zindlu bekusithiwa azokhekanga kakuhle nezalapha zipasiswe njani. Zikule programme ebethetha ngayo uMadosini esithi ke kukho i-rectification programme ezakujongana nazo zonke ezi zindlu.

UWendy khontraktha siza kumlandela bahlali sive into yokokuba uWendy lo othi andinaso nesixhobo kanti ubenikwe ithenda wemka nemali ubeyifumene njani xa engenazixhobo. Ingxaki yinto yokokuba abanye bonokontraka kufrantwa ngabo athi le mini ezile kuzo kuqalwa

aveze yonke into entle kanti akanayo. Isibuyisele lanto kwi-role ye community. Into yokokuba xa kusenziwa indlela yenu okanye kusakhiwa isikolo senu kufuneka nani nibe ngokhala nithi irongo le ningamlindi ade ahambe ngoba uhamba angabuyi. Kodwa ke siyayinowutha ngoba abanye siyaba bleklista onokontraka abenza umsebenzi ololuhlobo.

I-stray animals, ezi zilwanyana zethu zihamba apha endleleni. Masikhe siqale sivume bahlali into yokokuba zezethu. Kunqabe ukolusa kwalapha kuthi singabafuyi. Khona luyafakwa kwezinye iindawo ucingo, kuyabiywa luyemka olucingo luyakhala eziyadini zabahlali lubiyele nina bahlali. Qhwabani kaloku nokubiyela oku. [Interjections.] Nibiyele nina bahlali. Ithi ke lonto xa elisebe likatata uSogoni lezolimo nophuhliso lwamakhaya lufaka ucingo masilugade nathi ucingo. Kodwa apha etheni, apha endleleni ayikho ingca nathi masoluse phaya ezikampeni singabahlali. Ndicinga into yokokuba Somlomo ndizamile ukuyiquka le mibuzo ibisuka kubahlali. Kodwa siyavakala isikhalo seendlela.

Ndicinga into yokokuba uMeya noCeba abajongene ne-infrastructure baza kubakhona phaya siye kubonisana into yokokuba zeziphi iindlela enga singaziprayorothayiza sisebenze ngelima singuNational, Province kunye noMasipala. Ngoba kaloku iifunds umzekelo abanye oMasipala bathenga i-machinery, iplant yokwenza indlela sincedisane nabo ke siyiDepartment yakwaRoads and Public Works. Bendisagqiba la nxaxheba yemibuzo.

Somlomo mandibuye ndize kule ngxelo ibithiwe thaca apha yikomiti le ikhokelwa nguhon uKomose. Le komiti ithi ibihambela iiprojects, project ezo ezingu Expanded Public Works Programme. Thina njengesebe siyancedisa ukuqokelela iinkcukacha nge-project kodwa ekugqibeleni isebe ngalinye linemali elinikezwe yona nomyinge eliwusikelweyo into yokokuba mayiqhube njani na i-project leyo. Elowo nalowo ke unikwe umyinge wakhe thina sincedisa nge-technical support kuba siyi lead department yeEWP kodwa amasebe azimele ngokwe programmes zawo. O-Alice Auspice phaya kula department yophuhliso ngabo abajongene nayo kanti nesebe lezempilo elikhokelwa nguhon Masualle ekubeni i-ARVs zinikezelwe ayisengomcimbi ka Expanded Public Works Programme ngumcimbi wesebe kodwa okula unit yokuba makwenziwe iinkonzo ezimbaxa. USocial Development ke nguye oncedisayo ke kula mcimbi we-hospice kunye noHealth.

Bendisele ndithethile nge-incentive grant Somlomo. I-Victoria Hospital Bulk Water Services lo ngumcimbi ekufanele into yokokuba uMasipala usebenza kunye nesebe lezamanzi njengokuba uyiva uthetha nge-Water Bulk Supply. Ayisithi thina sijongene nezakhiwo kunye neendlela ze-province. Kodwa kuba ke eligama lika-EWP lona livele li-asosiyeyithwe nathi ndicinga into yokokuba le mbizo okanye lePalamente namhlanje iyasifundisa into yokokuba iSebe noMasipala ngalinye bane-role kwi-EWP programme.

Mandiphendule lambuzo wendlela yase-Katberg. Indlela ikwithenda stage, ithi ke izakuqaliswa ukwakhiwa kunyaka-mali olandelayo ayikho kulo nyaka-mali esikuwo ngoku. Indlela edibanisa i-Fort Beaufort kunye neDike yona iplanelwe into yokokuba mayi-risilwe. Xa i-risilwa indlela iyombiwa kwezi ndawo zibonakala zingahambeki khon' ukuze kwenziwe indlela yento yokokuba mayebe ihambeka. Kodwa le ndlela ngokwe bhajethi ye-Department ibhajethelwe u-2012/13 into yokokuba mayikwazi ukuba ifumane ……[Interjections.]

Mr SPEAKER: Order hon member! [Interjections.] Qhuba.

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: I-Fort Beaufort to Alice ibhajethelwe ke u-2012/13. Into ezakwenzeka kunyaka-mali olandelayo izaku-risilwa la ndlela. Ndiyayiqonda into yokokuba ayehli kamnandi into yokokuba kuya-risilwa iindlela ziduru kakhulu, yinto yento yokokuba ngoku Somlomo andifuni kuthi bore down this meeting ngeenkcukacha ezithi i-kilometer iba yimalini na. Kodwa iindlela ziduru kakhulu. Siya ziplanela ke iindlela over a 3 year period ukwenzela ukuba sithi saa iPhondo eli lonke sizamana nazo.

Somlomo mandivume into yokokuba ikomiti xa isithi kukho umaneyija othi akawazi kwa umsebenzi lo amele kukuwenza kuba akanazo iinkcukacha zokwenza lonto. Siza kuyilandela lonto Somlomo.

I-Department izaku-apoyinta abantu abayi-30 abazaku-khephutsharisha i-datha khon' ukuze xa kuvizithelwa iiprojects ngolu hlobo iSebe lenze ngalo lazi iSebe into yokokuba xa libuya nee-findings maziye kubani na, ibi fandwe njani na le project. Kwi-general recommendation. I-rates… [Interjections.]

Mr SPEAKER: Mphathiswa kukho into ethi siseza kulinika elo thuba ngokwenkqubo le. Okwangoku bekufuneka siphendule abahlali aba. Gqibezela.

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: Enkosi Somlomo. Ndiba ke Somlomo ukuba utsho sele ndizigqibe zombini, sele ndivele ndazibetha ndazinqunqa zombini. Bendiye ndajonga apha kuwe ndanqwala ndathi ndiyigqibile imibuzo ndingena kwingxelo. Ndiyabulela Somlomo.

Mr SPEAKER: Qhuba, qhuba.

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: Ndiyagqibezela Somlomo. Kukho umcimbi othi ukwakhiwa kwesi bhedlele i-Hospital Board phaya eVictoria Hospital abadibani kakuhle. Ndine-attendance register apha echazayo into yokokuba ngobani ebebekhona kula ntlanganiso. Aba bantu kuthiwa abezi ezintlanganisweni bakho apha kwi-attendance register into yokokuba

bayaya phaya kwi-meetings ze-site. Ndiyiphethe i-attendance register ndiza kuyinikezela apha kwikomiti le yakwa-Roads and Public Works. Xa ndigqibezela ke Somlomo, mandichaze into yokokuba i-rates zika-EWP zihamba ukusuka ku-R50 ukuya kutsho ku-R150 ngosuku kuxhomekeka into yokokuba umsebenzi lowo wenziwayo uluhlobo olunjani na. Kwezinye iindawo uyohlukana umsebenzi owenziwayo.

Kodwa into esifuna ukuyicela ngokwale ngxelo yekomiti yinto yokokuba sinazo ii-household contractors. Abantu abonyulwayo phaya ekuhlaleni bakhe iindlela kodwa nabo abasincedisi kakhulu kuba abasuphavayizwa kwalapha ekuhlaleni. Zezinye zezinto esiza kuzixoxa kula ngqungquthela yange-14 and 15 noMasipala into yokokuba sidlala eyiphina indima. Mandibulele kakhulu kuwe Somlomo kunye neNdlu le oyomthetho. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi.

PRESENTATION OF REPORT OF PORTFOLIO COMMITTEE ON LOCAL GOVERNMENT AND TRADITIONAL AFFAIRS

The CHAIRPERSON OF THE PORTFOLIO COMMITTEE ON LOCAL GOVERNMENT AND TRADITIONAL AFFAIRS: Somlomo obekekileyo mandiqale ndiphawule nje ngokukhahlela kwisilili kuNdlu-nkulu wesizwe samaRharhabe uKumkani uZanesizwe iNkosi yesi sizwe sime kuso apha. IiNkosi namafa-nankosi neeNkosana ezikhoyo. Egameni lobuKumkani nasegameni lale komiti idilishana nale micimbi siyabulisa. Intloko yoRhulumente nesigqeba esilawulayo, kuwe Somlomo, ibhunga, ingakumbi uSomlomo kunye noSodolophu nee-Ward Councillors kunye nee-Ward Committees. Mandifunqule nje imbeko ngokukhethekileyo ndiyibhekise kubantu abakwazileyo ukuba babe lapha namhlanje. Kuba akukhonto Somlomo ingagqitywanga ngokweqweqwe olu lenkangeleko. Ndifumanisa umsebenzi wale komiti omkhulu sele wenziwe othe wadandalaziswa ngabemi nabahlali kwiintetho abathe baziwisa apha. Ndiza kugqabaza ke ngoko ukuphawula kwizinto esithe sazibona xa besityelele kulo Masipala.

Siphawule into yokokuba zingamashumi mabini ananye iiwadi zalo Masipala, zibe ngamashumi mane ananye ii-councillors zaseNkonkobe. Siphawule kananjalo ukungahambi kakuhle kwemicimbi yopicotho-zincwadi ingakumbi kwiminyaka le idlulileyo. Into onokuthi ke xa uyibiza zi-audit disclaimers for past several years. Ubungcwithi, ulwazi lunkqongophele nakwaba kufaneleke into yokokuba banika inkxaso besuka kwi-ofisi ezingasentla ekuquka nezo zePhondo. Ibe ngumkhinqi ke ukuya kufika kwi-operation clean audit ka-2012. Esicinga ukuba ikhawulelana no-clean audit 2014 apho kufuneka iincwadi zoMasipala sibonakalise ukuhlaziyeka nokuphucuka.

Kuya fumaniseka into yokokuba akubangakho siqinisekiso sokuncediswa okanye ukuncedisana oluthe nkqi phakathi kwalo Masipala ne-ofisi yePhondo ingakumbi isebe eli nesebe lezimali. Lento

ke kuthiwa yi-hands-on support rendered. Kukwakho nokutshokoxeka okukhulu kwabasebenzi ingakumbi kwicandelo leziniki maxabiso nto leyo enokwenza urhwaphilizo nengxaphazo ibe kwiqondo eliphezulu, supply chain management section. Ingeniso yalo Masipala zizigidi ezibini kuphela ngonyaka R2 million. Iyakuxelela ke Somlomo imeko ebuhlungu nonxunguphalo olufaneleke ukuba lube kulo dolophu xa ngonyaka ikwazi ukuqokelela only R2 million for zonke ezi zinto bezithethwa apha kuba i-R2 million is less than 3 kilometers onokuthi uzenze indlela enye.

Lo Masipala ubonakalise ukuba nemiceli-mngeni ingakumbi xa kuziswa iinkonzo ebantwini ingakumbi abo bangathathi ntweni nabantu abahluphekileyo, basic free services. Yaze yabangela ukuba noxwebhu loludlwe lwabantu abahluphekileyo, indigent kungabikho kugqitywa kakuhle ibangele ke lonto ukuba nabantu aba bekufanele ukuba bafumana ezo zibonelelo nezo nkonzo ingakumbi abantu abasele bethathe imihlala-phantsi, i-pensioners zingakwazi ukufumana lamibane izizibonelelo kuba olu ludwe noluluhlu lufaneleke into yokokuba lube luyagqitywa kwangamaxesha onke luhlaziywe ingakwazanga kwenzeka lonto ngokukhawuleza.

Sidibene ne-executive yeqoqo le-politicians, executive committee ekhokelwa nguSodolophu, sadibana nabalawuli abazintloko, Section 54 Managers, sadibana noluntu. Kulapho sibuye neripoti ethi isebe eli lakwa-Roads and Public Works linezindlu kule dolophu. Zimbi zazo nesele kukhankanyiwe apha nanguMphathiswa zishiywa nje zingakhange zibe ziyayinikwa ingqwalasela, ezinye ziyavuthuluka azi-athendwa into leyo ebangela ukuba idolophu yaseDikeni nedolophu yaseBhofolo nezinye iziphaluka eziphantsi kwalo Masipala waseNkonkobe zingabonakali or zibonakalise ukucoceka nokuphucuka njengedolophu ebekufanele iyahlaziyeka njengoko kujongwe phambili.

UMasipala lo ujongene nemiceli-mngeni ingakumbi ekumiliselweni kwemithethwana ethi iphakanyiswe ngooMasipala lo gama bethe bakwazi ukuzenza i-by-laws babe banayo ne-code of bi-laws kulo Masipala kodwa ukuzimilisela zikhona noko izinto ezingamakhwiniba abathe baziveza.

Eyonanto abayiphawuleyo ingakumbi kukuba babhatale bebhatalela iinkonzo ezingekho phantsi kwala Masipala eziquka iinkonzo eziphantsi kwesebe lezemidlalo, ubugcisa-nenkcubeko ingakumbi i-Library staff. Kuba kubonakala into yokokuba kungahle zivalwe lo gama ziluncedo kubantwana bale ngingqi.

Kukho uphando oluthe lwenziwa, kwakho neziphakamiso ezithe zenziwa ingakumbi iGobodo ne-Grant Thornton Investigation ezagqitywayo kodwa iziphakamiso zazo azathi zamiliselwa nezibhentsise phandle into yokokuba bukhona ubuqhwemesha nobubhutyu ekulawuleni imicimbi yooMasipala. Saxelelwa nje into

yokokuba lo Masipala une-computers ezathengwayo ezingazange zabe ziyafika, zibe ziyasebenza apha.

Imicimbi yezindlu nendicinga ukuba phakathi kwazo yile meko abahlali abayithethayo apha namhlanje kodwa okube ngumnqa kulo Masipala yinto yokokuba bonke abenzi bale ntlonti nokubeka abantu bale ngingqi ekutshixizeni kwamazinyo bathi banikwa i-golden handshake bawushiya lo Masipala.

Ndize ke kwizindululo ndiza kuzigqabaza:

(a) Siza kufuna kucace into yokokuba isebe phaya ePhondweni kufuneka lincedisene nalo Masipala ekuqinisekiseni into yokokuba izigunyaziso neziphakamiso ezenziwe ngumphicothi-zincwadi omkhulu u-Auditor-General sikhona isicwangciso esibekwayo esiqinisekisa into yokokuba ezo zinto zithe zaphawulwa nezibangele ezi-disclaimers ziyakwazi ukulungiswa. Ukwenzela into yokokuba la operation clean audit nendicinga ukuba eliPhondo sele layityikitya imvumelwano yokokuba nalo liya zibandakanya. Nokuqinisekisa ukuba iincwadi ze-Local Government noMasipala bonke bayakwazi into yokokuba bayiphuhlise lenkalo.

(b) Makubekho inkqubo esisigxina ngemeko yezengqesho kuMasipala (operational organogram). Makungasi kukho abantu, kuse bengekho, kuse kukho utshintsho kungabikho kuqinisekisa into yokokuba oyena mntu ufanele ukuba uphangela kwaMasipala uphangela kweyiphina i-ofisi. Yiyo ke lento sithi i-Department mayize kuncedisa kudivelophe i-organogram nezakurisponda kwi-needs zabantu baseNkonkobe incedisane nokokuba ibe ihamba nkqo nemithetho nemithethwana elawulayo kwezo lawulo nobuRhulumente.

(c) Isebe malincedise ekubeni imigomo-nkqubo le ilandelwayo yokuqokelela i-Revenue okanye iinkonzo ezingenisa imali kuMasipala zibe ziyahlaziywa ukwenzela ukuba uMasipala waseNkonkobe akwazi ukumelana nezinye zemeko onokukwazi ukuncedana nazo.

(d) Makukhangelwe indlela engcono yokuqaphela ukuba ingalulutho ukuba kungakhe kuncediswe ekubeni ezizindlu bendisele ndizikhankanyile zika-Public Works kubekho ikhambi elinokuthi lifunyanwe lokokuba zi-dispowuzwe apho kukho imfuneko zikwazi ukunikwa uluntu okanye nokuba ke ngubani ngendlela ayakuthi lomntu aziphathe kakuhle ngayo zenze inkxaso nengeniso kwiimeko zalapha kule dolophu okanye kulo Masipala.

(e) Kubekho iqumrhu elijongana nokokuba ukumiliselwa kwemithetho or imithethwana yalo Masipala kuyenzeka, ukwenzela ukuba ibe nguMasipala orhuqa ngokomthetho nogayida abantu bale Nkonkobe into yokokuba kukho umthetho what we called by-laws.

(f) IDepartment yakwa-Sport, Recreation, Arts and Culture kuza kufuneka ijonge into yokokuba kwinkxaso-mali ethi iyikhuphe ngonyaka iyancedisana nale meko yokokuba iNkonkobe izibone sele ufuna ukuhlawulela imisebenzi, (unfunded mandates) yenze kubekho ukutshokoxeka kwingxowa-mali yalo Masipala kuba ibhatala imicimbi efanele ukuba ibhatalwa liPhondo.

Ndingene kwi-meeting with members of the community.

Abathunywa Somlomo kwibhunga lalo Masipala zikhona izityholo ezithi bayazinika kwimisebenzi yebhunga. Mandiyifunde ngesilungu:

Communities allege that tenders for construction of community halls are awarded to councilors. This is a conflict of interest as some councillors sit on recruitment panels.

Kukho ukungabikho okuthe kwaphawulwa ngabahlali ababekho kule ntlanganiso ukunqongophala kwezindlu zangasese nezibangela into yokokuba uninzi lwabantu lube lufumana izifo ezinokuba yingxaki ekuphileni kwabo.

Iinkosi, kukho isikhalazo esithi noko kukhona okutyholwayo into yokokuba kukho iiNkosi ekusa zikhona zingenanombo namlibo wegazi lobukhosi. Bayibeke yacaca abahlali lo ndawo.

Ukungagqitywa kwezindlu, housing projects nezo zithe zabhlokwa zibangele into yokokuba kubekho ukungakwazi ukuzinza kwe-community kuba ziphinda kubekho uqhekezo nokubiwa kwalo mpahla nezo zindlu zithi zonzakaliswe kuba zingagqitywanga ngexesha.

Itele-tele ezi zikhutshwa yi-District Municipality kwakho isigqibo sokuba mazinikwe abantu abathile ekuthiwa zi-project leaders ezinye zazo zanikwa ii-Traditional Leaders, ezithe zakufikela kubo babona ukuba ngoku banetele-tele bona ziqu. Ibangele ke lonto ukuba abantu ebebelinde ngethemba into yokokuba baza kukwazi ukulima bachumise iimeko zabo zokuhlala bangakwazi ngoku ukuyifunqula lo nkalo. Yabangela ke ingxuba-kaxaka kwi-communities nokuba abakwazi ukuzisherisha izinto abacinga ukuba zizinto zabo.

Izikhanyisi ezibangela iintloni kubenzi bobubi, high mast lights, apho kuthiwa ukuba bezikho ulwaphulo-mthetho nobundlobongela ngebuthe bancipha. Bacela abahlali into yokokuba zikhona iingingqi abathe basinika uludwe lwazo ne-Wards ekufaneleke into yokokuba zibekho ezi-high mast lights. Nalapho zikhoyo khona zakuba zingasebenzi akubonakalisi kukhuthala kwicandelo likaMasipala uku-athendwa nokulungiswa kwazo.

Umcimbi wezo buyiso-mhlaba, amabango yenye indima ephawuliweyo ngabahlali ukuba irhuqa iinyawo ngendlela eyenza umdintsi. Kuba abantu kudala belindile kunjalo nje iyaphazamisana namalinge olimo nophuhliso lwemimandla leyo abantu basuka kuyo. Bayiphawule abantu bakokwethu lonto.

Eyokugqibela Somlomo endithi mandiyikhankanye apha as u"k" kule page ka-401 kumba we-Ward Committees nophuculo lwezibonelelo into ebizwa ngokuba yi-out of pocket expense. Nazi izindululo esifuna ukuzenza:

(a) Ulwakhiwo lweendlela mayibe kwimiba ephambili kwinkqubo yophuhliso apha kule ngingqi yaseNkonkobe.
(b) Kufuneka uluntu luthathe inxaxheba ezeleyo kwi-Steering Committees ukwenzela ukuba kungabikho tsotsi uzakufika ezokwakha u-7 kilometers akhe u-3 kilometers angamgqibi ayishiye indawo ngenxa yokokuba ebona ukuba uluntu lwezingingqi lungahle lube kanti aluwazi lomcimbi. Iyakusincedisa ke into yokokuba i-Ward Councillors ziqiniseke into yokokuba zine-signature kwi-handover of those projects phambi kokuba kuthiwe lomntu i-final payment uyinikiwe. I-inspectorate division kaMasipala ihambe iye kwenza uhlolo kwezo projects.
(c) Mayincedise iDepartment ibeke ngokusemqoka into yokokuba makubekho unikezelo lwe-ventilated improved pit latrines, eza thoyilethi zinala mcimbi ujikelezayo phaya ngasemva nokuncedisa ukunika isidima nesithozela nembeko kubantu bakokwethu.
(d) Isicelo sokuba ikliniki mazidluliselwe zibe kulawulo lwePhondo lwenziwe, sicinga ukuba nathi siyarikhomenda njengoko sisazi umgaqo-nkqubo kaRhulumente into yokokuba i-provincialization igqityiwe. Sithi ke isebe lezempilo maliwuqwalasele lomcimbi.
(e) IDepartment incedise into yokokuba wonke umntu oyi-public representative ukuquka ingakumbi ooceba babe kula ncwadi yokokuba benze uludwe lwezinto abanazo nezinto abafuna ukuzenza nabazenzayo ngaphandle kwentlawulo le bathi bayifumane ku-municipality. La ncwadi ke siyibiza ngokuba yi-disclosure register. Baze bathi abahlali xa befuna ukujonga ukuba uceba wabo, njengokuba sihlala sisiva ukuba ooceba benza le baye kutyhila phaya ukuba unazo na ezi-companies, zingaphi. Ngumthetho lo utshoyo, ninelungelo ke lokuyazi into yokokuba njengamalungu athunyiweyo ngabantu kufanele ukuba siya-diklerisha. La declaration register ke sithi mayiqinisekise into yokokuba it is fully enforced.
(f) IDepartment yakwaPublic Works mayisiqinisekisele njengokuba bekusele kukhankanyiwe indlela ephakathi kwe-Alice neBhofolo ukuba iyabiywa. Ndicinga ukuba sele ikhona ke i-commitment kulo ndawo.

(g) IDepartment idivelophe okanye yakhe umgaqo ocacileyo ozakusibonisa ngokuphandle into yokokuba xa kuthethwa ngenkosi esemagunyeni nesemthethweni kuthethwa ngenkosi enjani. Ukwenzela ukuba sihlangule izizwe nezizwana zalapha eNkonkobe zingakwazi ukwenzakalisana ngomcimbi wobukhosi nokonyulwa kwazo. Ingakumbi njengokuba sisazi into yokokuba kwenziwe ngoku amaqumrhu wobukhosi, traditional counsels kwindawo esihlala kuzo. Ithini indima yazo kwezo phuhliso versus i-Ward Committees, ne-Ward Councillors. IDepartment ke sithi mayihambe iye kukhondaktha lo pro-active comprehensive study ikwazi ukuba sibuyise ingxelo ecacileyo ebantwini bakokwethu.

(h) IDepartment yakwa-Housing isincede njengokuba abantu betshilo yenze i-comprehensive assessment ye-housing projects apha kule ngingqi.

(i) IDistrict Municipality izame ukukhe iphinde iwuphonononge lomcimbi we-monopoly okanye ukusetyenziswa kwezinto zayo ngabantu abathile bebodwa ezithe zadoneyithelwa i-community okanye zanikezelwa i-community.

(j) Siyacela ke into yokokuba iDepartment yamapolisa mayincedisane noMasipala waseNkonkobe ukwenzela ukuba ezandawo sizibiza ngokuba zi-hot spot okanye iindawo ekubonakala ukuba ulwaphulo-mthetho yimihla ngemihla, yindlela yokuphila zibe ziyaqwalaselwa. Kunjalo nje eza zibane zilayita kucace ukuba ngubani lo wenza okuthile ukunika nobungqina kwakubakho lowo utyholwayo zibe ziyamiliselwa ngokukhawuleza.

(k) I-ofisi yeNkulumbuso iyacelwa into yokokuba mayiqhakamshelane ngokukhawuleza noMphathiswa wezemihlaba ingakumbi uKhomishina we-land claims. Kuqinisekiswe into yokokuba kukho ukukhawuleziswa kwenkqubo yokubuyiswa kwemihlaba nokulawula kwezo ndawo zine-disputes kulo mcimbi we-land claims.

(l) Oko kugqibela sicele isebe eli liqinisekise into yokokuba ikhona ngokwaneleyo inkxaso-mali eqinisekisa into yokokuba bonke abantu abazi-ward committees njengoko sivile ukuba bekusele kukhankanyiwe iyalungiselelwa ibhajethi yokuncedisa ooMasipala nabangathathi ntweni. Ukuba uthetha nge-R2 million eqokelelwa eNkonkobe kwi-Ward Committees ze-Ward eziyi-21 times 10, uyakuyazi ukuba sithetha ngamalini na xa sithetha ngolo hlobo. Ithethe ukuthi ke egameni lekomiti siyacela ukuba isebe liye kuwuqwalasela lomcimbi ukwenzela ukuba kungenzeki mbhodamo koMasipala abasele besebenza ngentswelo nokuhamba nzima.

Oko kugqibela le Portfolio Committee ifuna ukuvakalisa ilizwi lombulelo Somlomo ngokukodwa kwindlela esithe sahendilishwa ngayo kwingingqi yaseNkonkobe. Ukusukela kwi-ofisi kaSodolophu ukuya kwekaSomlomo ne-Chief Whip yalapha. Sidlulise ilizwi lombulelo ku-Municipal Manager ne-management yakhe kwizinto esithe siza kuzifuna

nebeziphakanyiswe ngabahlali ekuzilandeleni nasekuziphicotheni. Size sigqibele ngokubulela i-Wards ne-Ward Committees, nabameli bemibutho ebikho ngale mini phaya eholweni abazenza zacaca izidingo zabo nendlela ababona ngayo kwizinto ngezinto. Siba ngazo zozibini mhlali ngaphambili. Thank you very much. [Applause.]

Mr SPEAKER: Siyabulela. Kuphinde ke kwafika ela thuba. Kodwa ke kukho into esiyifundileyo kule gemu igqithileyo. Siza kucela ngoku ukuba sitshintshe kancinci, sibuyele kule yayizolo, siqale ngo-Wadi 1, zilandelelane ngolo hlobo, ingakumbi lomcimbi ubudibanisa nokuhlala apha. So ke sifuna ke i-oda ngolo hlobo. Siza kuqala ngoku ku-Wadi 1. Ndenzela ke ukuba umntu ophakamisayo ngoku ozakuthetha ngu-Wadi 1. Ngena ke Wadi 1.

WARD 1 REPRESENTATIVE: KuSomlomo, isigqeba sonke, abahlali nabo bonke abantu alapha namhlanje. Somlomo ndiyivile ingxelo ebekwa apha ngusihlalo kodwa endifuna ukuthi nene-nene ezinye zezizinto bezithethwe ngabantu nezingumceli-mngeni apha eNkonkobe. Kodwa ke mandiyithethe into ethi zikhona ezinye endiphawulayo ukuthi azivelanga I am ke kukuba bekusele ezele lamaphepha. Ndithi ke mandibalekele kuzo ngoba zezona zingunobangela wokokuba iinkonzo zime ngxi zingabheki phambili. Impembhelelo ke yona yezopolitiko besisele siyichaphazele ukuthi iinkonzo, andifuni ke nokuthi ngumbhodamo mandithi kumiwe eludakeni kulo Masipala malunga neenkonzo.

Okunye okulandelayo bendicela leNdlu ikhe indikhulule ukuba ingaba likhona na ilungelo uMasipala xa ephile kakuhle engena fever ukuba umntu obekhe wabamba uMasipala kukho ilungelo lokokuba angaphinda aqeshwe nguMasipala zikhona phofu izinto angakhange akwazi ukuzifikelela kwiziphumo zenkundla?

Okunye okulandelayo kukho umcimbi obuchatshazelwe ke apha endifuna ukuthi kona-kona ndicela, ndixhasa kanjalo ikomiti lithi malikhawuleze isebe lingenelele. Ebendingavuya nokuba ingakhawulezwa ibe yinto eqala kule veki izayo ngoba umbhodamo ozakwenzeka sakuphuma apha ngongaphaya. Because ixesha sele liphelile and indlela ekuleqwa ngayo nguMeya nesigqeba sakhe baleqela ke andiqinisekanga nokuba bafuna ukutyebisa ezabo na izisu okanye kwenzeka ntoni, kodwa iinkonzo zona zimile. [Applause.]

Okunye okulandelayo bendicela i-transparency kumcimbi kaDora that sikhe sinikwe amanani ncakasane, because i-problem apha amanzi kumane kugityiselwa e-Amathole singaqinisekanga ukuba uRhulumente yena unika malini, mlinganiselo mni na awunika u-Amathole ukwenzela ukuba anike abantu bethu amanzi. And then sikhangele ukuba ingxaki ise Amathole okanye ikule mali inikwa Amathole.

Oko kugqibela ke sihlalo, kukho umcimbi apha ubuphakanyisiwe we-certificate. Ebeyichaphazele ke usihlalo that akulalwa kuvukwe sele

kuqeshwana ezingubeni. [Interjections.] Nam ke ndifuna ukuphinda nditshone kulo kona Somlomo ethi kukho umcimbi apha womntu nje le experience ayikhalelayo endicela u-Local Government kufuneka engenelele, wenza ntoni ngalonto ngoba yona yafumaniseka and kwaphawuleka ukuthi nyani, nyani akuxokwa akukho mntu uleqwayo, akukho mntu unokuze amonele omnye ngomsebenzi but umntu makaqeshwe ngendlela erayiti and enze into erayiti. And le ndawo ke i-strategic kakhulu kwaMasipala le for ukuba kuqeshwe umntu and aqeshelwe mhlawumbi ke erumini … [Interjections.]

Mr SPEAKER: Ubusele uyithethile londawo.

WARD 1 REPRESENTATIVE: Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Siku-ward 2 ngoku, ward 3.

WARD 2 REPRESENTATIVE: USpeaker mandiphinde ndimbulise. Ndingumntu apha wena Speaker obomvu okholwa kukucacelwa zizinto. Umbuzo wam nentetha yam …

Mr SPEAKER: Ungubani? Ukwa-ward bani?

WARD 2 REPRESENTATIVE: Ndikwa-ward 2 eBhofolo ndingoTshisa mna. Umbuzo wam uthi ingaba ooMasipala xa kubanjwe imithingi beyibambe neKhabhinethi ingaba baya babiza na abahlali beze nabo baze kuchaza impendulo? Ngoba ezinye izinto Speaker siyazothuka xa kuthethwa ngoku. Umbuzo wam wokugqibela, xa kusithiwa kukhutshwa imali eBhofolo yintoni imbangi yokokuba uMasipala waseBhofolo asilekishe? Ndisadla amafutha.

Mr SPEAKER: Elandelayo.

WARD 3 REPRESENTATIVE: Ngu-ward 3 lo uDlangule Vuyane. Mna mhlali ngaphambili ndiza kucela umhlali ngaphambili uQhoboshiyane ezi zinto ebezithetha apha ingase zibe ne-timeframes kungathethwa nje. Ndandibuzile ke phaya kuye ndathi kwezindawo bebeye kuzo beliPhondo benze ntoni emveni kokuba beyile? Akandiphendula. Ndingavuya ukuba unokundiphendula namhlanje, ndithetha kuba ekhona ke. Enkosi mhlali ngaphambili.

Mr SPEAKER: Ward 4.

WARD 4 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. Mna ndinguZwelakhe Stofile ndiphaya kwa-ward 4 eBhofolo. Ndiyivile inkcazelo yonke ebibekwa ngusihlalo wakwa-Local Government but kukho izinto ezininzi endiqinisekileyo ukuba mhlawumbi ezinye akazithethanga. Andazi nokuba mhlawumbi uyazifihla na. Mhlali ngaphambili ndinengxaki mna endinayo apha kuNkonkobe nanjengokuba kusithiwa uNkonkobe akanamali. Phaya ingxaki endinayo umaneyija weNkonkobe onguKC Maneli une-cameras azifakeleyo e-

ofisini yakhe, nakwi-ofisi kaMeya kube futhi ekugqibeleni engafakanga kwi-ofisi ka-Speaker. Asazi ukuba mhlawumbi yeyiphi i-criteria ayisebenzisileyo kulonto yezo-cameras. Ndicinga into yokokuba mhlawumbi mhlali ngaphambili ezo cameras zifakwa ngemali yabahlali, le kufuneka iseve abahlali. Ndiyaqiniseka ukuba izinto zininzi angazithethanga usihlalo ….

Mr SPEAKER: Kaloku sikunikile ngoku uyathetha …

WARD 4 REPRESENTATIIVE: Yima ke sukundiphazamisa nawe mhlali ngaphambili …[Interjections.] ..Mhlali ngaphambili apha umaneyija wakwaMasipala onguKC Maneli une-R280 000 ayithatha ngoDisemba washerishana kunye nee-managers zakhe. Kube kusithiwa ke ngaphambili uMasipala akanamali. Esenza ke into ekuthiwa yibhonasi, baya bhonasana ayikhange itekswe lo mali leyo. Ithatha ngokuya straight ezibhankeni zabo bezi managers.

Mhlali ngaphambili umaneyija kaMasipala onguKC une-R11 million ayithathileyo waya kuthenga i-grator ezindala. Nantsi isweleke apha ngoku lo grator andiyazi ukuba uyakuyingcwaba nini na. [Applause.] Mhlali ngaphambili umaneyija kaMasipala ….

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha mhlekazi.

WARD 4 REPRESENTATIVE: Yima, yima mhlali ngaphambili.

Mr SPEAKER: Hlala phantsi nto yakuthi.

WARD 4 REPRESENTATIVE: Mhlali ngaphambili umaneyija kaMasipala ..

Mr SPEAKER: Ndicela uthathe … [Interjections.] ... hlala phantsi, hlala phantsi …[Interjections.]

WARD 4 REPRESENTATIVE: Endicinga ukuba mhlawumbi mhlali ngaphambili lo R500 000 … [Interjections.]

Mr SPEAKER: Mhlekazi, wena uthatha i-mic that lo mic, hlala phantsi mhlekazi … [Interjections.]

WARD 4 REPRESENTATIVE: Akukho nto nisibizela yona… [Interjections.]

Mr SPEAKER: Hlala phantsi. [Interjections.]

WARD 4 REPRESENTATIVE: Ayikho into ebenisibizela yona. Enkosi.

Mr SPEAKER: Siza kukhupha ukuba awumameli. Mamela phambi kokuba unike nabani. [Interjections.] Yima, yima. [Interjections.] Ndiza kucela inzolo. Ndiza kucela kuzolwe apha. Besikhombe into

yokokuba awugqithi kwimizuzu emithathu nokuba ungubani. Kuza kufuneka ke aba bahambi i-mic xa ndithi liphelile ixesha lakhe uthatha i-mic, ukuba akayeki siza kumkhupha. Besitshilo sathi kuza kusetyenzwa ngalo order apha. Ngena ke mhlekazi.

WARD 5 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. NdinguSithembele apha kwa-ward 5. Mhlawumbi mandiqale ndithi ibalulekile into yokokuba xa sithetha ezinye zezinto sibe informed. Ndithetha ndi-informed ke mna. Mhlali ngaphambili nguRhulumente okhokelwa yi-African National Congress lo ekubalulekile ukuba even in the Parliament some of issues ezikhonfuzayo kwi-local municipality zethu sizireyize.

Sicela uMEC wakwa-Local Government adilishane nalo Speaker usebenzela abantu ababini i-COPE ne-ANC. Inokuba niyavuya apho ngaphambili. [Interjections.] [Applause.] Apho ngaphambili inokuba niyavuya niyi-ANC ne-COPE. Because lo Speaker kumane kusithiwa abantu batye iimali nguye lo u-instigeyitha ezi zinto and uzi-instigeyitha ezazi ukuba ixesha lakhe lincinci usendleleni. [Interjections.] Mhlali ngaphambili apha kune mali eyaphumayo yayiququzelelwa nguye kwaya kunikwa isela proven by Auditor General ne-court of laws.

Kwanikwa uMdila i-package kulo Masipala till today singabantu baseNkonkobe asikaboni ntshukumo zithathwayo okanye amanyathelo athathwayo yi-Department of Local Government. Eyesibini, babefudula bekhokela apha unguye ke nala bawo namsusayo kuthiwa nguNgcuka besithi i-wards zizakufumana i-R100 000. Siyacela u-Local Government makaze kuyicacisa. Sabethana ngalanto. Siyichaza ukuba ayikho lento. Siyayicela i-Local Government ….[Interjections.]

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha mhlekazi. Olandelayo? Siku-ward 6 ngoku. [Interjections.] Ngotheni lo uzikhombayo? Ndiza kucela ke …[Interjections.]….Ngena Ward 6. Order! Order in the House! [Interjections.]

WARD 6 REPRESENTATIVE: Enkosi. [Interjections.]

WARD REPRESENTATIVE: AsinaMeya yintlungu, izindlu ze-RDP e-Golf course ziyathengiswa sihleli ezindlini ezimka nomoya ... [Interjections.]

Mr SPEAKER: Ndiza kucela ukuba …..mamelani, mamelani. Ndiza kucela simnike lomama ukwenzela into yokokuba…andimazi ke ngoku njengokuba ehlala phantsi nje. [Interjections.] …Sifuna ukuyiva lento ayithethayo size kukwazi ukumgayida.

WARD REPRESENTATIVE: Bahlekazi bam abahle jikelele nonke. Ndithetha ndisentlungwini. Ndize ndingaphilanga ndivuka ebhedini kwakuthiwa iPalamente ikho. Ndifuna ukuza kucaciselwa ngamadoda amakhulu okuthetha ukuba izindlu ze-RDP ziyathengiswa na? Eziya

zokuqala ziphi itayitile zazo? Okwesithathu nokwesininzi ininzi into eyonakeleyo eGolf Course eDikeni andifuni kuya kwinyunyu yakwaMasipala, inyunyu andiyi kuyo. Ndiya kula ndawo ndihleli kuyo eGolfini … [Interjections.] ... asinaMeya asina-Councillor asinayo … [Applause]

Mr SPEAKER: Sisalandela la oda kodwa ke besingayazi ukuba umntu omkhulu lo ususwa yintoni na. Ndiza kucela ke abatsha abantu abalapha bangayilinganisi lanto, ndiyacela ntlanganiso, ngoku size kunimamela kufuneka siyihombele le yokokuba simanyelwe because xa sithetha sonke asizokuniva. Aba bantu nibhekisa kubo asindim, nibhekisa kwaba bantu kuza kufuneka beniphendule, so kufuneka nivakale. In other words akukho nto singafuni kuyimamela apha mhlawumbi kukho lonto abantu bangakhe bacinge ukuba hayi lo akafuni kuyiva le. Kodwa sifuna ukuyiva nawe zi-priyorothayize izinto ofuna ukuzithetha. Ngena ke mhlekazi.

WARD 6 REPRESENTATIVE: Enkosi Somlomo. Ndisuka phaya kwaNtselamanzi ndinguThemba Bangani ndimele u-ward 6. Oko kuqala tata ndifuna ukuya phaya kuqala kula ngxelo ibisenziwa ngutata uMlibo lo ebemele isebe. Kula ndima ye-tenders ibivelile phaya kwi-findings but apha kwi-recommendations andiboni nto phaya ivelayo ukuba isebe eliya li-rikhomenda ntoni na malunga nalanto yeza-tenders zikhutshiweyo phaya ngobutshomi.

Okwesibini ke tata, kukho le meko yale mali kuthethwa ngayo apha ingange-R200 000 le ingene ngo-back door ebankeni le kuthiwa ayi-tekswanga. Yayivelile phaya kutata uMlibo phaya eholweni e-Happy Rest but ngoku ndicinga ukuba ayikhange ivele apha, akayibekanga. Kubekho lemeko ke ngoku ilizinyo eliqaqambayo kule Nkonkobe yonke ye-ward committees. Le ke avele nje in passing angakhange aze ne-details because besicinga ukuba uzakuza nazo i-details apha. Ebezile apha utata, andazi nokuba nguGqobana okanye ngubani na la tata, wayichaza lento yezi-ward committees ukuba ihamba njani na. Yakhona i-document ebekwayo eqale kulo nyaka uphelileyo ngo-Okthobha or Agasti ..

Mr SPEAKER: Yintoni ingxaki nge-ward committees? Ukwenzela ukuba siyive apha kuwe.

WARD 6 REPRESENTATIVE: Ndiya kuyo tata. Ingxaki nge-ward committees, i-ward committees ngokwala document ibiyenziwe ngo-Okthobha yagazethwa bezifanele ukuba zinesibonelelo ezisifumanayo ukusukela ngo-Okthobha kula nyaka. Ithe la document mayi-aplaywe with immediate effect, itshilo. Kodwa bona ngoku sibona kurhuqwa iinyawo. Bayasibiza basibizele ezimithingini ba-dikteyite phaya bathethe izinto zabo, sihlale ke kuba kaloku sizi-ward committees, sime ngabahlali thina sakubalinda xa befika phaya ekuhlaleni. Ibuhlungu ke tata ngoba yonke lento iphakathi kwezi councilors zethu idistebhelayiza

i-service delivery. Akukho service delivery iya ebantwini, abantu balindile, kudala belindile.

Nathi sithi nguMasipala nankuya asikwazi kwenza nto. Bayaya bazimamelele ezimithingini kuyaliwa, kukho ii-sections apha eNkonkobe. Kuyabethwana ngezitulo kwenziwa yonke into apha. [Applause.]. Kwaye ezi zinto nani niyaziva niliPhondo nivele nithule ningezi, kwezinye nibekhona niphinde nifike nithule nithi cwaka. Ndifuna nindixolele andinibethi, umbutho wam ndiyawuthanda.

Mr SPEAKER: Enkosi ke. Ward 7?

WARD 7 REPRESENTATIVE: Enkosi hon Speaker. NdinguNandipha Payi mna phaya eNxukhwebe ndingu-ward committee. Ingxaki yam mna okokuqala apha eNkonkobe, mandiqale kula mcimbi ka-Speaker ndikhe ndenze i-clarity. Izothe lika-Speaker apha eNkonkobe kukudivelopha i-ward committees, laqala apho eli zothe. Ndiyabona ke ukuba i-ward committees we are being undermined thina akufunekanga thina sidivelophwe, akufunekanga sibe nazi-skills. Ndigqithe apho bendifuna ukwenza nje i-clarity.

Ndibuye ndize kumcimbi we-creation of jobs ezenziwa apha eNkonkobe ezenziwa ngu-Municipal Manager lo wethu. U-Municipal Manager ukhriyethe i-jobs apha recently kwathiwa kwenziwa i-interviews ze-peacemakers apha. Andazi ke umsebenzi we-securities ukuba yintoni na phaya kwaMasipala xa kuza kuvele ku-khriyethwe i-jobs and ke phofu bonke aba bantu abafakayo ngabantu abakwi-section yakhe.

Sibuye size kumcimbi we-IDP. Ayisincedisi thina i-IDP apha eNkonkobe ngoba i-IDP siyigqibela mhla iprizentwa akukho niks evelayo or ebuyayo eza kuthi. Thina ngoku ufumanise ukuba singamaxoki ebahlalini. Ngoba kaloku ngala mini i-IDP iprizentwayo bayabizwa abahlali. Babuze kuthi abahlali ukuba ziphi eza zinto benizithetha. Asikwazi kuphendula because inonkala uxinge etyeni.

Mandibuye ndize kumcimbi we-development apha eNkonkobe. Uyabona ke ukuba uthetha ngendawo ene-development, hayi i-Alice shame inayo i-development. Uyabona iBhofolo, i-Seymour, iXesi kuba kaloku ezo ndawo zona, uMM uphuma apha eDikeni. Ndingakubalela zibe mbini. Ngapha e-happy rest kwenziwa izitalato hayi kuhle mntakwethu kuyagutyulwa. I-town hall yaseDikeni iyagutyulwa. Azisexwebe ezaseBhofolo. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Bekukhe kwathiwa ke mandininqande ningaqhwabi, ndayidelela lonto. Kodwa ndiyayibona ngoku xa sithetha ngezalapha ku-local government. Ndiyayicela ke ukuba inganyuki kakhulu lento yokuqhwaba kuba idla ixesha. Ward 8?

WARD 8 REPRESENTATIVE: Ndibulisa kuwe mhlali ngaphambili nesigqeba neNdlu yonke ngokubanzi. NdinguMlungisi Ngcuka apha

kwa-ward 8. Mhlali ngaphambili thina apha izindlu, umbane asinazo ezo zinto thina. Kangangento yokokuba sizinqwenela ukufa. Sisatya emlanjeni thina amanzi. Kufela iinkomo, izinja intoni ayaselwa ngabantu. Iminyaka mihlanu ngoku sisalindile. Nakuceba salinda amatenki aseza nanamhlanje. Enkosi.

Mr SPEAKER: Enkosi. Ward 9?

WARD 9 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. Siza kuthetha nge-development thina apha. Mhlali ngaphambili la ward 9 uzi-village eziyi-17. Kodwa ukuba uyaya phaya uyakufumanisa ukuba umbane ukwi-villages ezintathu kuphela, i-14 yonke ayinambane. Siyafuna ke ukukhe sijongwe kule ndawo yombane.

Amaholo kuse nabantu abasahlala imithingi ngaphandle ezindlwini, phantsi kwemithi. Ukuba uya eDyhala, uye e-Filington, uye nase-Maasdorp. Uphinde uye kumcimbi wamaholo e-Rietsdale, nase-Blackhood kulusizi, ebesanda kwakhiwa kodwa ungathi ukuba unokuya ungacinga ukuba ane-50 years ubudala bawo, ayawa.

Mhlali ngaphambili kunento ekufuneka sincedwe kuyo ngu-Local Government, yi-role ye-CWUs. Ngoba into esibethayo thina, esinayo phaya kuthi i-CWU iyi-politician more than ukwenza umsebenzi we-development. Siyafuna ke ukuba sikhe siyazi lonto ukuba kwenzeka ntoni na. Sinento ethi thina sipopoza into ethi i-CWU mazi-feyizwe out kuyekwe i-ward committees zenze umsebenzi wazo.

Oko kugqibela mhlali ngaphambili, kukho umcimbi waseKolomane wenkosi phaya emosha i-development. Into eyenzayo nayiphina into eyayo phaya iyaba divayida abantu baphaya. Abanye ibathathe iye kubavotisa e-Queenstown. Siyafuna ke ukuba uMEC njengokuba eyazi nje lento kudala kusiyiwa phaya kuye but akukhonto ayenzayo ngalonto, makabone iplani. Enkosi.

Mr SPEAKER: Enkosi. Ward 10.

WARD 10 REPRESENTATIVE: Somlomo obekekileyo neNdlu ngokubanzi ndiyazibulisela. Ndilapha kwa-ward 10 ndiphuma kula mhlaba wase-Hogsback ndingokaMkhwayimba. Apha kwa-ward 10 Somlomo sinengingqi endicinga ukuthi zilishumi elinanye. Apha ke kuzo ezilithoba zinawo umbane kwezi ke zingenawo umbane sinengxaki ne-Carthcath Valley. I-Carthcath Valley into eyenzekayo kwathi i-title deed mayisiwe kwa-ESKOM kunanamhlanje ke awukho umbane phaya sisalindile.

Okunye ke mhlali ngaphambili, sinelali ezifana ne-Hala, ne-Gilton. Into eyenzekayo ke phaya kweza lali zethu kukho iindawo ezingenawo umbane. Amanzi ngelinye ixesha wona akhona kodwa ufumanise into yokokuba akude ngelinye ixesha ebantwini. Enye ke esehlelayo sinomcimbi wase-Hogsback apho ke i-tribunal yagqibela kuNovemba

ophelileyo isithi iza kuzisa iripoti emalunga nomcimbi womhlaba ukwenzela into yokokuba abantu bafumane iindawo zokuhlala. Abantu abaMhlophe ke kula mhlaba babakhuphela ngaphandle abantu abaMnyama. Bathi abanalungelo lokuhlala kula ndawo, yindawo yabaMhlophe kuphela leya. Kangangokuba bade bazi-ofarisha bathi baza kubafunela ibhasi mabahlale ngaphandle kula mhlaba. Lomcimbi ke Somlomo kufuneka into yokokuba uselwe iso kuba ke ….

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha nto yakuthi. Yithi enkosi uhlale.

WARD 10 REPRESENTATIVE: Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Ward 11?

WARD 11 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlekazi. Igama lam ndinguMqapheli Nyangintaka kwa-ward 11. Ndiza kuchaphazela nje iindawana ezimbalwa kwiripoti ebisenziwa yi-Portfolio Committee. Indawo yokuqala ndiza kubetha kwindawo yokunqaba kwe-structure zikaRhulumente ukuqala ku-councilor, ward committee. Sabenyula kodwa ukuhambela iilali zethu yeyonanto inqabe kakhulu leyo, sabagqibela ngoko. Ukubakho kwabo bakhona for iziqu zabo. Ndisuke apha ndiye kwicala le delivery. Njengoko bekusele kutshiwo akukhonto isinqabele nengaziwayo ngabantu njengento ekuthiwa ngumbane wamahala. Iripoti kudala sizifuna azenzeki.

Ndisuke kulo ndawo, ndithi imo yopolotiko ezisetyenziswa ngayo ezo-structure ukuqala ku-councilor, ukuya kwi-ward committees. Ziyibethe abazi nokuba kuqhubeka ntoni na abahlalo kangangokuba kunzima abayazi nokubangaba kukho le Palamente ilapha kule ndawo. Enkosi.

Mr SPEAKER: Enkosi. Ward 12?

WARD 12 REPRESENTATIVE: Somlomo, iPalamente yonke iphela. NdinguHlomela mna, uMqwathi isiduko kwa-ward 12. Ndilapha ke mhlali ngaphambili ubawo uQoboshana akaphumanga nezinto zonke ebesimyaleze zona, izindlu zaseMsobomvu endingazivanga ezichaphazela apha.

Ndiye kule ndawo yesibini, kukho ithoyilethi phaya eMsobomvu ezazisakhiwa yikontraki kaMagedlewula ngo-2005. Ezo thoyilethi ezinye azizange zigqitywe. Wathi uzakubuya saya kukhansila wethu sathi makambize uMagedlewula akagqibanga. Enento ke uMagedlewula ayenzayo apha usibhatalisa imali yokomba imingxuma uphinde uzithuthele. Umngxuma ke yi-R150. Into ethetha ukuthi uMasipala akasakhelanga ezathoyilethi sizakhele ngoku kwethu.

Ndiye kule ndawo kamama uMajodina esithi asizilandeli ikontraki, zikhona i-steering committee. Xa kufika ikontraki uMasipala akaphumi, kuphuma ikontraki yodwa ifune i-steering committee. Lomntu ke uqeshelwe ikontraki akazokuhoya kuba akaqeshwanga nguwe,

noMasipala akaphumi. Akahoyi uMasipala kwezi kontraki. Wathi uMasipala xa sibalisa le ndaba kwi-ward committee, yathi ikhansila hayi ngumthetho kaRhulumente kuthiwa nani doneyithani. [Interjections.] Zatsho ezikhawunsila zalapha eDikeni zathi masidoneyithe nathi kuRhulumente xa esinike into. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha ke mhlekazi. Ward 13?

WARD 13 REPRESENTATIVE: Mandibulele kakhulu kuwe Somlomo. IsekwanguThobeka Mjo phaya kwa-ward 13. Ingxaki enkulu ke thina esinayo phaya yeyokungabikho kwamanzi kwa-ward 13. Nalo traka torho ke imane isiza hayi lusizi. Nangoku ziveki zintathu asinawo amanzi okusela. Siyacela u-Local Government ayiqwalasele noko lentlungu sikuyo.

Okunye okulandelayo ngumcimbi we-sanitation. Asinazithoyilethi kula wadi, kubuhlungu sisasebenzisa landebe indala yokubheka ehlathini. Silwa nezempilo ke ngokwenza ngolo hlobo. Siyacela angenelele u-Local Government.

Masimbulele ke simqhwabele izandla uRhulumente wethu kumcimbi wombane ngoba siyalayita phaya kula wadi. Kulayita-kulayita neefama, inye nje ifama engalayitiyo yeyaseKrwangini kodwa zonke iifama ziyalayita. Masimbulele ke uRhulumente wethu ngalonto.

Siphinde size kumcimbi wamaholo, sinengxaki mabini qha phaya kula wadi out of 18 villages. Iyasithwaxa kakhulu lonto xa kunetha siza kuhlala iintlanganiso zabahlali. Kwakhona sinomcimbi we-CDW esingenayo thina phaya kwa-ward 13. Siyacela u-Local Government makakhe ayiqwalasele lento. Yayeka phakathi umsebenzi ndiyabona ukuba idikiwe yile mali. Siyacela noko kukhe kwenziwe i-interviews kuqeshwe umntu endaweni yayo.

Oko kugqibela ngumcimbi we-disaster. Umcimbi we-disaster unayo indawo esithwaxayo. Kukho abantu baka-1997 abangazange bazifumane ii-materials zabo babemkelwe zizindlu. Sine-families zethu ngo-2001 ezabhubhayo ngenxa ye-storm esasikhona. Siyacela ukuba lonto iqwalaselwe. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Ward 14? Kutheni ezi ward zilapha ngaphambili zonke? [Interjections.] Mnike. Ward 14?

WARD 14 REPRESENTATIVE: Somlomo ndinguNtlanganiso Qhomfo mna ndiphuma phaya kwa-ward 14 eXesi. Iingxaki zethu zininzi noMasipala wethu. Indlela ekuhanjiswa ngayo iinkonzo zasebuRhulumenteni zikhetha o-wani ko-nothi. Mandikhe ndiyithethe ngale ndlela, phaya emaXhoseni kubakho amaxesha kuxhelwe inkomo phaya ebuhlanti. Xa kutyiwa inyama ke phaya kuya lunyelwa kulunyelwa amakhwenkwe. Uthi ngoku ulapha ngaphambili isandla siqatyaniswe ngaphaya kwakho, ina kwedini kaJinoyi, ina kwedini

kaNobanzi uze uxelele unyoke ukuba ndikulumele. [Applause.] Bantu bakowethu yinkathazo le sikuyo. Uthi ngoku ububhalise kuqala ukuba ufuna le nale itsityiswe ngapha kwakho kuye kunikwa umntu ongapha kwakho, uxwebe umlomo wena ngelo xesha elo. Yingxaki enkulu ke leyo.

Kwakhona kulo mcimbi wamaholo. Uhamba ngolo hlobo nawo ngokwawo. Phaya kwaQhomfa apho ndihlala khona iintlanganiso sizingenela phandle, kubanda, kunetha, kusithini. Ndiyanqwenela ukuba umntu ndikhe ndimbizele phaya entlanganisweni kwaQhomfa kunetha kunjalo akhe ave lento sikuyo phaya. Enkosi.

Mr SPEAKER: Ward 15?

WARD 15 REPRESENTATIVE: Enkosi kakhulu hon Speaker. NguNanzi Rhulase lo phaya kwa-ward 15. Ngamanye amaxesha kuya funeka into entle inconywe kungasoloko kwagxekwa. Siza kumbulela thina u-Municipal Manager noMeya esinaye apha eNkonkobe because they have made a change in Nkonkobe. [Interjections.] Okwesibini mhlali ngaphambili … [Interjections.]

Mr SPEAKER: Kaloku bahlali lento kuthiwa yi-democracy ithetha into yokokuba wonke umntu uvumelekile athethe ayifunayo nongayifuniyo.

WARD 15 REPRESENTATIVE: Thina ke kwa-Local Government hon Mlibo uncede utshekishe into ye-tractors ezathi zeza noMeya wase-Amathole ubhuti Sakhi zaya kuphelela kuNgcuka. Uyitshekishe lonto leyo ngoba abantu abalimayo ngabantu be-COPE. Oko kugqibela ndiza kuya kwaMasipala ndizakuthi kulo mcimbi wokuqeshwa kwabantu. Sibuyele phaya kwi-managers zethu ndiyabona into yokokuba i-managers nazo siziqeshe ngokwenyusa isandla njengo-councilor bethu, sibuyele emva kwi-managers zethu kutshekishwe ukuba ziqeshwe njani na ku-Section 57. Xa ngaba zikhona i-officials ezithe zaqeshwa ngokuphakanyiswa kwesandla ne-managers nazo ezithe zaqeshwa ngokuphakanyiswa kwesandla. Enkosi kakhulu.

Mr SPEAKER: Ward 16?

WARD 16 REPRESENTATIVE: Enkosi hon Speaker. Ndiphaya kwa-ward 16. U-ward 16 ke liXesi idolophu, neelali ezisibhozo ezingqongileyo zenza ibeyi-9 villages ke leyo. Oko kuqala iXesi eliya li-under developed. IXesi labakho phaya ngo-1947 kobawo nobawo mkhulu. So into ebendiyicela yinto yokokuba at least, sine zindlu phaya ekuthiwa kuseGugulethu. If you go to that place uzakufumanisa ukuba eza zindlu ezinye zokhiwe ngo-1905, zivandalayiziwe, zihlala izigebenga.

Now kwaphaya ecaleni kwayo la area kukho i-sites phaya ebezifuna ukuthiwa re-view zize ezi-sites zakhiwe. Sinalo tolongo iphaya abantu abazi-civil servants bebenokwenza iXesi liphucuke lize kuba ne-rates

lifane neDike neBhofolo. Now akukhonto injalo phaya bambalwa abantu ababhatala i-rates phaya. If you go ke ezilalini, hayi phaya kuleya ilali yaseCilidarha kukho iholo eliphaya ebekuthiwe liza kurenoveyithwa ide yagoso i-material ebuhlanti kokwethu. Singaya kwenza i-inspection in law now. Yingxaki nje enjalo andifuni kunaba kakhulu, konele. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Ward 17?

WARD 17 REPRESENTATIVE: NdinguMbuyiseli Venene ndiphuma kwa-ward 17. Oko kuqala ndifuna ukunyathela kulento yezi-factions zithethwayo. I-factions ziyasibetha apha eNkonkobe. Kukho lomcimbi we-community halls, phaya kwaNgwenya besiqinisekisiwe yi-ofisi ka-MM into yokokuba ngo-Meyi zakube sele zikhona izitulo phaya kula holo yakwaNgwenya. Kudala yakhiwa kangangento yokokuba sele igqitywa kurenoveyithwa ngenxa yemeko ekuyo ayizange ibenazo izitulo. Asazi ke ukuba kwenzeka ntoni na kuba sivile into yokokuba izitulo bezilayishiwe zisiwa kwapha. Asizazi ukuba ziphelele phi na.

Okulandelayo, sinengxaki ne-Amathole kulo mcimbi we-disaster ezindlwini. Kukho abantu abawelwa zizindlu kudala kodwa use ubone kukho abanikwa i-material bebewelwe mva bona zizindlu kodwa azikafakwa ezi zaba bebewelwe zizindlu kuqala. Kukho ithoyilethi ke esingayaziyo ukuba kwenzeka ntoni na oko zime kulali enye kwaNgwenya azikakayi kwezinye iilali apha kwa-ward 17. Nazo ezo ziyaguga azikagqibeki nazo.

Iholo kukho iilali ezimbini ongathi xa unokufika kuzo unganentloni. KukwaGqadushe nakwaSityi. Abantu bakhona ukuba kuyanetha akungeni ntlanganiso. Ukuba kuyaduduma bayayichitha intlanganiso nokuba bebezakuyihlala ngoba bahlala phandle.

Andifuni kuwushiya ke lomcimbi wezi-R100 000 noxa sele ingathi awaziwa namhlanje. Lento yezi-R100 000 kwakuthiwe iya eziwadini iyasithelekisa nabahlali because sasiyithethile ngoku abahlali bafuna ukwazi ukuba iphina. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Ward 18?

WARD 18 REPRESENTATIVE: Mandithathe eli thuba ndibulise kumhlali ngaphambili. Ndiyabawela nangona utata ebesele etshilo phaya ku-ward 17, ndiyafuna ukuba le Palamente ibe ne-picture yawo lamcimbi weziya zindlu u-phase 2 ngokwaphaya eXesi, entla kwase-prison. Uyayazi Mphathiswa ukuba unokuya phaya, ezinye izinto kufuneka sizithethe nikhona. Ayikho ungekho nomthetho othi umntu makathathe indlu ahlale ngaphakathi zingakhange zigqitywe izinto ebezifanele ukuba ziyenziwa. Ukuba unokujonga phaya ungafumanisa ukuba abantu baphaya xa kufuneka bezisevisile ibangathi babheka emlanjeni bayokukha amanzi, ngokuba ayikho i-sanitation.

Okwesibini, eza zindlu kuba abantu bethu bemthanda loRhulumente we-African National Congress instead of izindlu zivandalayizwe, ziphele bezijongile babona ukuthi masithathe ikharibhoksi zethu sivale iifestile. Nalapha phantsi kweminyango sifake ezangubo zingasasebenziyo in order sikwazi sihlale ngaphakathi ezindlwini, kuba sinethemba into yokokuba uRhulumente wethu ngelinye ilanga mhlawumbi uyakuba nosizi. Up to now azikagqitywa eziya zindlu.

Kunjalo nje Mphathiswa ibuhlungu lanto yaphaya ngoba akukho nombane. And ke iinyoka ziya zingenela, umntu elele nje endlwini kanti kukho irhamba elikhona apha. As a result sele eyihlalile londlu afune ukuyishiya. Ndingabambezelanga xesha ndifuna ukukunika enye ye-reference ….

Mr SPEAKER: Kodwa ke liphelile ixesha lakho.

WARD 18 REPRESENTATIVE: Oh yintoni na Mphathiswa oko kugqibela.

Mr SPEAKER: Thetha nje lonto yodwa.

WARD 18 REPRESENTATIVE: Ndifuna nje ukukunika i-reference kulento sigqiba kuyithetha ngoku. Ndiphaya mna e-Anshor mna kune zindlu currently ezakhiwayo, zakhiwa ngulo Rhulumente wethu simvotelayo. Sikhuphelene imipu ke phaya, ndifuna ukuyithetha lonto nize nithi niphuma apha nigqithe kula lali ndihlala kuyo. Kwakhelwe abantu abahlanu asiyazi i-criteria esetyenzisiweyo into yokokuba aba bantu boyi-5 bakwazi ukufumana izindlu. Lo lali ke yilali yaseSixekweni apho u-former President wethu umama uNgcuka ahlala khona. Ndifuna ke niyisele iliso into yokokuba ezi zinto siya zithetha apha azilungiswa ….

Mr SPEAKER: Enkosi. Ward 19?

WARD 19 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. NdinguThembinkosi phaya kwa-ward 19. Umcimbi endizakuhlomla phantsi kwawo owokuqala ngulo we-renovation yamaholo. Kuba into eyenzekayo phaya amaholo ahamba ngokwe-phases xa kurenoveyithwa asizange sayibona ke lonto leyo kwi-renovation yamaholo isenzeka. Ndiyaqala ukuyibona isenzeka phaya kula wadi ndikuyo into yokubangaba kuthiwe kukho i-phase ethile ngoku kukhe kumiwe. Iyalibazisa ke lonto mhlali ngaphambili, ayisiqhubi kakuhle nomsebenzi awuhambi kakuhle.

Okwesibini, ikliniki yethu phaya kwa-ward 19 isesasakhiwo sakudala ayinayo nendawo le yokunceda oomama xa bekhulelwe. Kufuneka bahambe kula ndlela imbi ukuya eDimbaza bedlikidlwa zimoto. Asiyonto intle ke leyo.

Indawo yesithathu yilento yokubangaba thina asinazo nethoyilethi siyazibona zisenzeka kwezinye iwadi, thina asiboni nto, akukho nelali enye phaya kum endinokuthi hayi ithoyilethi ikhona. Iyabachaphazela kakhulu ke abantwana lonto kuba baphathwa zizisu.

Ndize kule ndima yezikolo, izikolo zethu nazo zidala kakhulu. Noko uRhulumente wethu makenze into. I-lab azikho. Siyayifuna ke into yokubangaba imfundo yethu iphucuke apha emakhaya. I-rural development ibeyinto ehoyiweyo kakhulu mhlali ngaphambili ingapheleli nje kwinto yokokuba ishunyayelwe ngemilomo lonto.

Mr SPEAKER: Enkosi.

WARD 19 REPRESENTATIVE: Umba wokugqibela ngulo weholo. Kukho ilali phaya engena niks engana-sharing shed abantu bayanetha xa behlala ezimithingini. Iyababetha kakhulu lonto mhlali ngaphambili ….[Interjections.]

Mr SPEAKER: Kuthiwa yintoni lo lali? Uhlale phantsi ke mhlekazi.

WARD 19 REPRESENTATIVE: NguNtonga.

Mr SPEAKER: Hlala ke. Enkosi. Ward 20?

WARD 20 REPRESENTATIVE: Mandizibulisele kuwe Somlomo. Thina phaya siseKhwezana ngapha ngaseBhofolo u-ward 20. Into eyenzekayo asinamanzi, sizicelela amanzi. Asinazindlu, siyazicelela izindlu, umzi nomzi. Siphinde sibuye sicele ithoyilethi, asinazithoyilethi kuhamba iimpukane kwithoyilethi esinazo. Sabona ukuba siza kuba nezigulo.

Iinkomo zethu ziyafa, asinakutya kwenkomo. Ndiyazicela ke apho kuwe Somlomo. Kwakuthiwe masenze ukoporotyeni kodwa ke kwenzeka okokuba masibanjelwe iinkomo etheni, iinkomo zoluswa ngaphezulu ngokuhamba ke kwenkomo kwathi kanti zibheke etheni zathathwa khona apho zaya kufakwa e-Stutterheim. Mna ngoDisemba andizange ndifumane nekrisimesi ndalala kuba inkomo yam yathathwa njengokuba injalo ngabelungu base-Stutterheim, bayithatha yonke nalo mali bezithengisela zange ndifumane nesenti. Ndabuza niyithengisa njani na into yam ndingandiniki kuba kaloku kungekho stokvel apha eDikeni.

Sicela i-stokvel apha eDikeni. Nenkomo leyo yam zange ndifumane nesenti bazithathela abelungu bazithengisela nge-R1 850.00 kwathiwa mna mandibheke kwaRhulumente ndiyibhatale kwaRhulumente i-R200 yokufumana imvume yokubheka e-Stutterheim. Ndafika e-Stutterheim kwathiwa ngula mlungukazi yonke le mali yakho asiyithengisi nge-R3 000, siyithengisa nge-R1 850 wena faka i-R200 apha, andabinayo i-R200. Ndabuza ndiza kugoduka ngantoni ukubheka e-Alice? Kwathiwa uya kuzibonela hamba uye kuthetha kuRhulumente. Inkomo yam

yathathwa njengokuba injalo …[Interjections.] …zange ndafumana nto. Ndithi khanikhe nindijongeleni lonto, andisaphangeli ngukoporotyeni wam lona bendizenzela yena. Ngela xesha ndandifumana umhlala-phantsi eFort Hare saphelelwa ke ngumsebenzi ngukoporotyeni wethu lo besizenzela yena. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Enkosi.

WARD 21 REPRESENTATIVE: Ndingu-ward 21, ndingumama uGanto eBhofolo …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Mhlekazi khawume, khawume kuthetha lowa. [Interjections.]

WARD 21 REPRESENTATIVE: Mhlali ngaphambili ….

Mr SPEAKER: Awunakulwa nomama hlala phantsi kuthethe umama.

WARD 21 REPRESENTATIVE: Ndikhathazekile kwinto yokokuba kuthethwe ngoMeya, kuthethwe ngo-MM abangene izolo. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Siza kunikhupha nokuba aniphakamisanga ukuba niyangxola apha.

WARD 21 REPRESENTATIVE: UMeya yena sava kusithiwa ukhutshwe ngefestile zi-councilors ezazikhona ngoko. Iyandothusa ke ngoku into yokokuba kuthethwe ngaye ngoba kaloku yena ukhutshiwe nguJoe Ndlebe, wakhutsha ngusisi Winnie Nxawe. Zi-councilors ezazikhona. [Interjections.] Emva koko kulahleke i-laptops …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Ndicela simamele.

WARD 21 REPRESENTATIVE: Emva koko kulahleke i-laptops eBhofolo zifike ngoLwesihlanu late ngoLwesihlanu zalahleka kodwa i-security ikhona. Emveni koko kwalahleka i-trucks kodwa i-security ikhona. [Interjections.] Kucelwe intombi katata uMdlane uQueeny waya kuthathwa e-Joburg kwathiwa makaze kungena kwindawo ka-MM. Samxelela singabantwana baseBhofolo ukuba uyekuthathelwa ukusayina. UQueen Williams uphume enetyala lokutya imali kwaMasipala. Wahamba waya kuhlala e-B&B eshiya ikhaya lakhe. Watya imali engange-R52 000 ebengekho u-MM ngelo xesha. Uphindile, kwalahleka i-R19 000 yethu bantu baseBhofolo esibhatala irente khange sive kusithiwa kubanjwe mntu. I-security kuthiwa iyileyo …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Ixesha.

WARD 21 REPRESENTATIVE: Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha. Masimamele ke. Thathani yonke imiboko ngoku, sanukunika bantu yibambeni kuni. [Interjections.] Mamelani ke. Kukhona isikhalo esikhona apha sokuthi kukhona abantu base-Amahlathi abaphaya ngasemva. Ngoba ngoku sise salandela le nkqubo ye-wadi sase sayenza into yalapha kanti sibabizile nabo. Siza kucela ke ngoku ngembeko, andizokukwazi ke phaya kubo ukulandela i-wards. Mabaphakamise izandla. Owase-Mahlathi simkhombe, siza kubala nje noko inani elivakalayo. Uzakungena wena mama apha ungu-1, ubengu-2, ubengu-3, [Laughter.] Awusiva kanene isiXhosa, you are number 3, wena ungunamba 4, wena ungunamba 5, namba 6 ungowokugqibela. Masikhe singene ke kunamba 1.

WARD 2 REPRESENTATIVE (AMAHLATHI): Enkosi Somlomo. Ndiphuma phaya e-Amahlathi Municipality kwa-ward 2. Ndiziva ndimncinci kakhulu ngale mini yanamhlanje kodwa ke ndibulela ukwamkeleka. Siphetheke kakuhle apha eNkonkobe ukusukela ngoLwesibini, sukela oko yaqala le ndibano. Besisiva sibancinci siyi-Amahlathi kuba akukhonto ithetha ngathi kodwa besimenyiwe, siyabulela ukuba ude usinike elithuba ngalo mzuzu wokugqibela. Uthethile phaya uMphathiswa ngezindlu zePhondo neze-National. Phaya edolophini, idolophu yaseQoboqobo imdaka. Inezizindlu ke ze-Province neze-National. Ndimvile ke esithi kuza kuphayilothwa kodwa andimva esithi e-Amahlathi nakwezinye iindawo. Siya renta ke thina ke phaya oma-R500 noma-R750 kwezi zindlu ze-Public Works. Kudala ke abazali abanye bade babhubha abantwana bathe mpa irisiti. Sifuna ke umkhomba-ndlela ukuba ithiwani. Ndimvile ethetha ngepolisi kodwa wathi Nkonkobe. Ndifuna ukuqonda ke ngoku ukuba phaya koma-Kieskammahoek nakoma-Stutterheim zithini ezi zindlu kanye-kanye ze-Public Works?

Ndigqithe ndikhawulezile, ndize kulento yeNkosi. Sinotata phaya ongasekho utata u-Ulana endaweni yakhe ke besicinga into yokokuba kuza kungena utata uNdlovu. Sive sele kusithiwa kufungiswa i-traditional councils engekabekwa utata uNdlovu. Sinengxaki ke thina phaya e-Kieskammahoek yokokuba nyani ke ekugqibeleni xa kubekwa aba bantu kuthiwa ngabantwana begazi bangabekwa bangabegazi ncam-ncam kubekwe iitshomi. Ibisenziwa ngutata u-Ulana ongasekhoyo ke lonto phaya e-Kieskammahoek. Isibulele iintliziyo ke tata kuba nakulento ye-traditional council asikhange sithathe nxaxheba thina wayithatha wayisa eGwili-gwili. Sele sisiva kusithiwa 3 weeks back ebefungisiwe. Sasithe ke kuMphathiswa siyayifuna i-clarity ke kulanto. Siya cinezeleka ke thina asithathi nxaxheba kulento ye-traditional councils kunyulana iitshomi. Siyacela ke utata uNdlovu lo wonyuliweyo ngabantu base-Qoboqobo ne-family yakwa-Ulana makade abekwe ngokusesikweni ngoba yena uzimisele ukusebenza nabantu. Enkosi kakhulu.

WARD 1 REPRESENTATIVE: Hon Mr Speaker and members of the House, my name is Henny Lombard and I am from Ward 1 Inquba. I

would like to request the Government to investigate the non-performance of the ward councillor for this ward, in his primary function of being a ward councilor. This matter has often been taken up with the Municipal Manager and even an intervention from the Speaker has had a very, very limited effect. A salary of R18 000 per month is paid for very poor service delivery in this regard. We were once again sidelined regarding this wonderful occasion today by not even being informed or invited, we had to find it out for ourselves. An unbelievably poor report from the Auditor General for 2008/09 found 96 points of non-compliance amongst other wasteful, fruitless, irregular expenditure to the value of plus/minus R600 000 due to amongst other things penalties and interest on late VAT and tax submissions. These figures were not even mentioned in the financial statements. No recovery plans are in place. Leave and attendance registers are not maintained. R33 million worth of debt has run up due to the Municipality not collecting funds due to them. An amount of plus/minus R11 million was highlighted for which no receipt could be provided.

Mr SPEAKER: Time up.

WARD 1 REPRESENTATIVE: And lastly we have organized a match in partnership with various indigent groups and handed over a petition which was faxed to Bhisho on 20 June 2010 ….[Interjections.]

Mr SPEAKER: Time up. The next one.

WARD 10 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. NguNobhotoma Gwaxaza ngu-ward councilor phaya e-Amahlathi ku-ward 10. Zimbini qha ezi zinto, ndicela sikhe sincediswe phaya kwa-ward 10 sinebango esasilenzile. I-problem ke siyinikwa yi-land claims commission. Kukhona ukudlala ngathi xa kukwesi-stage kuba lina-14 years liphandiwe lagqitywa kwathiwa hayi kufuneka i-second opinion kwakulo nyaka uphelileyo ngo-Okthobha kwathiwa ke basabanjwe yibhajethi, wafika u-Epreli wegqitha. Itshalenji esinayo ke ngoku xa sibafowunela kuthiwa umntu uselivini, unomphanga, xa uphinda ubuya kuthiwe bamba, uyakubamba ke ide iphele i-airtime. Ukugqibela kwabo ke saside sabachukunyiselwa yi-ofisi ka-Premier ukuze beze. Nangoku ke sinethemba ukuba leNdlu izakuphinde isichukumisele.

Oko kugqibela ke ndicela uMasipala waseNkonkobe asenzele i-clarity nge-announcement ayenze izolo yokuthi i-ward committees mazibhumithe i-account numbers. Ukwenzela ukuba abethu oMasipala bacacelwe ukuba yimali yantoni le izakufakwa phaya. Kuba asilali ngoku kufunwa ukuqondwa la mali ifunyanwa zezi-ward committees zaseNkonkobe. Uyicacisile ke utata uQoboshiyane ukuba ayikapasi. Ingase ke ngoku bayisuse nje ukuba hayi ayisichaphazeli thina nezethu i-wards nabethu oMasipala lanto yala account, size kuphumla. Enkosi mhlali ngaphambili.

WARD 1 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. Ndiku-ward 1 kwilali yaseNgxondorheni phantsi koMasipala i-Amahlathi kwaQoboqobo. INgxondorha yilali yokugqibela kwilali zakwaQoboqobo, yilali elapha ngakwa-Amathole eNkonkobe. Kula lali ndihlala kuyo kukho ibhrorho. Sinabantwana abawela kwezi bhrorho ukubheka esikolweni. Kangangokuba phantse zonke iilali zakwa-Amathole zigqitha kule bhrorho iseNgxondorheni. Abantwana baseNgxondorheni abanayo i-transport bafunda eMkhubiso High School. Ukusuka eNgxondorheni inokuba yi-10 kilometer ukubheka eMkhubiso. Amanzi asinawo sitya amanzi omlambo. Ikliniki eNgxondorheni asinayo sisapotwa yi-mobile esika e-SS Gida efika kube kanye ngenyanga, ukuba kuyanetha ayifiki.

Ndichaphazele nakwisebe lezempilo kukho into ekuthiwa ngonompilo, u-homebased, o-door support ezilalini ekumane kusithiwa bafumana i-stipend ngenyanga, abade baqeshwe. Kuthiwa xa kuthethwa baku-Persal, u-Persal not owamanyani. Ngowuphi u-Persal wamanyani? Ndingunompilo waseNgxondorheni osebenza ubusuku nemini. Ngowuphi u-Persal wamanyani? Kuba into eyenzekayo ungunompilo elalini uphakanyiswa nango-10h00 wasebusuku kuthiwe biza i-ambulance kuyagulwa. Uphakanyiswa naxesha liphina kuthiwe nanku umfazi elunywa, kufuneke ubelekisile. NdinguNokhuselo kaBatyi ukuba uyalunywa ndiyambelekisa kodwa ayikho imali, kumane kusithiwa siyancazelwa. Kunyaka ophelileyo ngoSeptemba kwathiwa siqeshiwe. Ayikafiki imali nanamhlanje kwisebe lezempilo eya konompilo. Ndiyabuza ndifuna nikhe nisibuzele kuthetha ukuthini xa kuthiwa siqeshiwe singonompilo kanti asibhatalwa? Kuthiwa sifumana i-stipend, kuthiwa siyancazelwa. Enkosi mhlali ngaphambili.

WARD 14 REPRESENTATIVE: Enkosi Somlomo. NguXolela kaRoji lo kwa-ward 14 phaya e-Amahlathi. Zimbalwa torhwana izinto endifuna ukuzitshekisha mna mhlawumbi zimbini. Oko kuqala kwizinto ebezikhankanywa apha kukho umcimbi odibanisa nendlela. Kunendlela endala inokuba ndandisakhula nam ephuma apha edolophini eCumakala ukuya kutshona eTsomo. Kwakudala kusithiwa izakwenziwa ibe yitha road kodwa xa kuqala lonyaka kuye kwathiwa ibhajethi yayo ikhona ingange-two hundred million, four hundred thousand rand. Kushota into yokokuba kubekho ikontraka ezakuyenza kusakhutshwa ithenda. Ukusukela ngoko oko silindile akukhonto siyifumanayo esuka ngasebuRhulumenteni ethi indlela iqala nini. Xa siwutshekisha lo mcimbi kuthiwa ibhajethi ikhona kodwa akukho zi-timeframes. Now sinida ukuncediswa ke kulonto leyo.

Okwesibini, kule ndlela ke isuka edolophini ukubheka kweziya lali, sinale ngxaki yecingo. Iinkomo phaya kwenzeka nje into esingayaziyo because akukho cingo ziyalahleka, ziyabiwa, zenza iingozi. So zezo zinto zimbini ebe ndisithi mandizireyize. Enkosi kakhulu.

WARD 3 REPRESENTATIVE: Enkosi mhlali ngaphambili. Ndingumama uNqobe mhlali ngaphambili ndihlala eBedford eNxuba.

ENxuba ikhona ingxaki mhlali ngaphambili, iza kuba ngathi sithetha int enye. Ukhona uMeya wethu okhoyo phaya ulapha e-Adeliade. I-Bedford imbi kune-Adeliade, i-Adeliade iyaphuhla. Lo Meya usuka ngexesha elithile ahambe aye phaya kuthi e-Bedford athelekise, athelekise. Unabantu bakhe abaseza utywala ababhrayelayo athi nize nenze lento ….[Interjections.] …hayini mani khanimeni. Unabantu bakhe abasezayo phaya ukuba bamlandele. Une-CDW ahamba nayo. Abahlali baseNyarha ba-confused ngoku nokuba sele kusithiwa yintlanganiso ngoku abayi ezintlanganisweni bayoyika, une-CDW ayisebenzisayo ebiza imithingi anytime. So uMeya uyasi-misiyuza eNyarha, uyasithelekisa. Mna ndikwa-ward 3, kukho u-ward 4 no-ward 3. Ibihlungu into ephaya eNyarha. Bendinewari ngoku besingaphakami, ibuhlungu into esiyenziwa ngula Meya. …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Hayi sikuvile …

WARD 3 REPRESENTATIVE: Side sabiza igqiza lalapha eBhisho alikhange lize. [Interjections.] Enye into endifuna ukuyiphakamisa mhlali ngaphambili, ndingumama uNqobe a community builder, ndiwinile eBhayi e-Summerstrand …[Applause.] ..ndafumana imali engange-R6 000 ngo-2008 ngee-project ke phofu. But imali ayiveli i-certificate ne-trophy zikhona. Imali ayiveli kudala ndibhalela kwa-Social Development, noPremier naye ndimbhalele, imali ayiveli. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Hayi baza kuyivelisa.

WARD 3 REPRESENTATIVE: Ndiphinde ndawina kwakhona …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Sicela uhlale ngoku ixesha lakhho liphelile. [Interjections.]. Unamba 6, ubengenelela umama lowa.

WARD REPRESENTATIVE: Somlomo mandibulise. NguMakhunga ngumzukulwana phaya e-Amahlathi. Somlomo ndifuna ukukhe ndinyathele ndibeke ubhontsi koluphuhliso lwasemaphandleni. Hayi Somlomo sihlala ezilalini kodwa kudala sathenjiswa unanamhlanje akukho nto yenzekayo. Umama walapha eNkonkobe ukhalile phaya, ekhalela inkomo yakhe ede yanyathela etheni yade yaya kuqabela e-Amahlathi. Somlomo benisithembisile nathi iikampu zobawo niza kuzibiyela, kunanamhlanje sisalinde izithembiso.

Somlomo umbandela wezindlu jikelele unjena kodwa hayi noko ingathi kule yam indawo u-worse. Khaniwunyathele niwuqaphele. Ndibalekile apha elalini ikhona indawo ekuthiwa kusemakhalathini, uxolo ukuba nditsho Somlomo. Isikolo saphaya indlela abantwana abaphumelela ngayo. Utata uDerick Hanekom ukukhe wafika komnye unyaka wathembisa esithi ndiza kusihambela esi sikolo. Hayi Somlomo zezazindlu zakudala ivele igqabhuke apha esithubeni. Yindlu yeplastiki okanye yindlu yekhadibhodi Somlomo.

Ndidlule apho ndifuna ukuya kumbandela othetha nge-ward committees. Ikhona ingqungquthela kazwelonke eyayibanjelwe phaya e-Amahlathi kusithiwa silontsha i-ward committees. Sithe sathenjiswa ke Somlomo ngalo nyaka sizi-ward committees kwathiwa nize nisondele koceba benu, nincokole nabo. Ewe siyeva ukuba iNkonkobe noko ingathi ikhona into, asazi mhlawumbi iyakuba khona Somlomo. Sithi khanisipheni icebo nathi ke e-Amahlathi njenge-ward committees ngoba izihlangu ziphelile. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Hayi ke sigqibile ke ngoku, siza kubuyela kwikomiti. Amazwi komiti.

Mr M QOBOSHIYANE: Enkosi Somlomo. Mandiqale ndicacise ngembeko yakho Somlomo into yokokuba zininzi ezintetho ziwileyo, ndiza kukhetha nje ezimbalwa nezithe ngqo into yokokuba savanna ngantoni kula ntlanganiso. Eyokuqala yinto yokokuba le Portfolio Committee yayiye kudibana naba bantu sayibeka ngokucacileyo into yokokuba asikwazi ukuya kupromowutha i-factions kuba abantu abazityi zona. Savumelana kula ntlanganiso kwinto yokokuba abantu mababeke izinto ezizakubenza luchume uhlanga bakwazi abantu ukuphila. Savanna ngalo contract. Yiyo ke lento ndiza kuma apha ndizazi izinto abazireyizileyo.

Mandiqale kule ingathi asiyivezanga. Noko bendingenakufunda yonke into ngenxa yexesha enisisikele lona Somlomo. Kodwa lomcimbi we-suspect qualification. Ndicinga ukuba u MEC uyakukwazi ukutsho kuba ikhona apha kwiripoti i-allegation yokuba kuhlala i-councilors ezithile kwi-selection panels. Siyibhalile apha black and white. Ukuyipruva nje ubunyani nokungabikho bunyani kwalonto. Sayicacisa ke naphaya into yokokuba xa ubiza igama lomntu ne-allegation kufuneka uye phaya e-police station uye kuyimangalela ukwenzela ukuba ukwazi yakupruvwa ngolu hlobo ungaboni ngalo ukuyimela in future. Kodwa into esiyitshoyo kukuba i-Department mayenze ukulandela kwimeko zengqesho nee-contracts zo-Section 57 nabasebenzi abangaphantsi kwelo khabathiso. Izakwenziwa ke lonto zibhentsiswe ke izinto ezifanele ukuba zicace.

Okwesibini, iKolomane ngokomthetho okhoyo we-Demarcation Board okanye i-Demarcation Act ifolisha eNkonkobe Municipality not eLukhanji, full stop. Yintlonti ke le yenziwa yiNkosi yaphaya ebona kukufutshane eLukhanji imandelwe kukumane intlonta abantu bala ngingqi. Nakule i-demarcation ethe yagqitywa nee-delimitation yazo ezithe zaphakanyiswa nge-1 September 2010, la area ifolisha kulo Masipala akukho confusion kulonto. Into efuna ukulungiswa yila meko yalaNkosi xa sisele sihleli neza-traditional council siwubeke nakwiNdlu yeNkosi into yokokuba makungasetyenziswa abantu bakokwethu ngendlela engekho right.

Lo Masipala uyibeke ngokwakhe, uSodolophu Somlomo into yokokuba amanzi, i-water authority ne-water service provisioning le yokunikezelwa kwawo ebantwini abaza kuwasebenzisa yi-competence ye-district yase-Amathole hayi lo Masipala. Nabo ngokufanayo naba bantu bakhalazayo bathi ukuba ufuna umntu ozakuza kulungisa ugqabhuko lwamanzi ungangamfumani nge-weekend kuba uhlala eMonti. Yi-reaffirmation ye-statement esithethwa ngabahlali akukhonto ke ithi asiyiqaphelanga into yokokuba lo mcimbi awukho kwakulo Masipala waseNkonkobe uphantsi kwe-district. I-water cut efaneleke ukuba zijikelezisa amanzi ngexesha lezingcwabo nemicimbi yabantu zonke ezo zinto ezo saziphawula into yokokuba zenziwa nguMasipala ombhaxa we-district. Nayo lonto leyo clear isinikile iripoti, sayibhala apha black and white izinto ebezifanele ukuba ziyenziwa phaya. Nalo mcimbi we-disaster ndicinga ukuba noko.

Mandize kulento ka-Auditor-General, siza kubulela Somlomo. Sifike sayichaza phaya emithingini into yokokuba siza sisazi iripoti ka-Auditor General ngoMasipala waseNkonkobe, siyazi i-annual report nee-oversight reports zalo Masipala. Kodwa sithe xa sifumanisa kwi-fine lines zika-AG akukhange kubekho unauthorized expenditure kulo Masipala in the year under review. Kodwa into ephawuliweyo nathi esifuna ukuzigxininisa ngoku silapha ekhona noMphathiswa. Xa usiya kuthenga isonka ngemali kaRhulumente buya nerisiti qha. So zezi zinto kubonakale lo Masipala eqhwalela kuzo is to prove the expenditure of items purchased by the institution. So kuya funeka ke sikwazi ukuzigqala siziqwalasele ezo meko zilolohlobo. Siyacinga ukuba ezinye uMphathiswa wesebe uzakukwazi ukuba aziqokelele aziqoqoshe ngendlela esemgaqweni. Thank you very much.

Mr SPEAKER: Mphathiswa.

The MEC RESPONSIBLE FOR LOCAL GOVERNMENT AND TRADITIONAL AFFAIRS: Enkosi Somlomo. Ndibulise kogxa bam, ndibulise amalungu …[Interjections.]

Mr SPEAKER: Order, hon members.

The MEC: Enkosi Somlomo kakhulu. Oko kuqala mandiqale ngalo mcimbi we-computers ekubonakala ukuba zaduka. Kumele ukuba kubekhona umntu onika ingxelo yokokuba bakhona abantu ababanjelwe lomkhuba. Iyazeka into yokokuba zathathwa zintsha zinjalo zaya kubekwa eBhofolo. Zathi sele ziseBhofolo zabuyela e-Alice. Zahamba zaya eBhayi for ukuya ku-rejistarishwa zaphinda zabuyela e-Alice. Wathi nongcaphephe wazo ochophele ukuhamba kwazo ehlala e-King wangayazi ngale mini kuza kukhala isabhokhwe ukuba kufikiwe. Kwaba ke udidi lokuqala lubanjiwe, kusezakubanjwa. [Applause.]

Okwesibini, lo mcimbi womntu ekwaphuma kwi-Daily Dispatch etyholwa ngokokuba akanazimfanelo zokuba aphangele kule ndawo aphangela kuyo apha kwaMasipala. Siwuphethe nabafana abachwepheza

imicimbi yokuphatha izinto ezingalunganga. Ngoba siyifumene iripoti. Thina sikhangela nje ubunyani nokungabikho nyani kwalonto, ukubangaba kuyinyani siyinikezela kubantu abasingatha imicimbi eyinyani eyenziwe ngendlela engalunganga.

Lo cimbi wokugaya abantu baze kuphangela kuRhulumente. Ikhona inkqubo uRhulumente ayilandelayo, uyayichaza neemfaneleko ezifuneka ukuba umntu abe nazo ukulungela eso sithuba sipapashiweyo. Ukuze kubekwe iikomiti ngokusemgangathweni nazo azibekwa nje ukuba ungavuka kusasa ucinge ngobani. Ngoba kaloku lo nguRhulumente olandela imithetho enento yokwenza nendlela ekufuneka kukhawuleziswe ngayo ukusa iinkonzo ebantwini, ngabantu abalungele olohlobo lunjalo lomsebenzi. And ukubangaba ke ninobungqina obubambekayo bokokuba kukho abantu abangene ngondlela mnyama kwingqesho kuMasipala singavuya ukuba singagoduka siphethe lo maxwebhu ngoku. Siza kubakhangela.

Thina sakuva nje phaya, nje ukuba sive kungekuba sifuna ukungenelela kwinkqubo kaMasipala. Mhlawumbi kukho into engachazwanga kakuhle ukuba kunjalo kwizinto ze-camera nezinye izinto ebekuthethwa ngazo apha nezinye izityholo. Ngoba thina sikholelwa kwinto yokokuba ukuze siphande siyi-Department kuxa sibhalelwe kwakho umntu owenza ezo zityholo siye kumncina phambi kokuba senze lonto sakugqiba sixelele uMasipala ukuba sifumene ezi zityholo ume ndawoni ngazo. Akuphendula uMasipala, ukuba asaneliseki simxelele ke ukuba ngokugunyaziswa lisolatyana elithile lomthetho sicinga into yokokuba masikhe sizivele.

Sicinga into yokokuba ke kuba ithethwa nje kwintlanganiso engaka kukho mntu oligokra onokukwazi ukuzisa iimpepha-mvume okanye amaphepha achaza lombono ubuzotywa apha. Asizokukwazi ukuqhubekeka nokuyilandela lonto. Kodwa kwindlela esisebenza ngayo noMasipala ukuba ufuna ukuyicacisa kuthi nathi sifuna ukucaciselwa uzakusicacisela ngoba ngamaxesha ngamaxesha siyakwazi ukuthi xa sidibana nezinto sikhe simamele kuye ukuba hey kukho lanto ebikhe yaphakanyiswa kwenye indawo khanisicacisele kwenzeka ntoni. So ukubangaba ke bebenokuba nelo thuba nalapha kodwa ke kuba ingowe-Legislature lo mcimbi ebengasinceda ukusityebisela, kutyetyiselwe nabanye mhlawumbi abangathi kanti abanalwazi luphangaleleyo ngalo mcimbi.

I-ward committees. Unyanisile ubhuti ndiyacinga ukuba ngowakwa-ward 1. Bendikhe ndalapha ndathi sele ndiliqule ndaligangatha ndathi xa ndijonga imeko yala ntlanganiso bendibizwe kuyo ndabona ukuba mandibuye umva. Into ebangele ukuba ndibuye umva ndimxelele noPremier ayikukuba bendiza kuthetha into engekhoyo kodwa into efike yandimangaza yinto yokokuba lento ndiza kuyithetha ndicinga into yokokuba iyaziwa ngoRhulumente bonke kumanqanaba abakuwo. Ndafika ingathi ayaziwa. Ndabona ke into yokokuba awu, singangaphumi sonke kule holo.

Nantsi ke inyaniso engenaqhakuva. Unyanisile la bhuti kwakhona, ndandingaliphethanga ela xwebhu ndathi malithunyelwe kuba ndibona ukuba kukho ukungabaza bokungayiqondi into yokokuba uRhulumente kaZwelonke wasithatha kudala isigqibo malunga nomcimbi we-ward committees. [Applause.] Nakukhumbula into yokokuba mna ndandingekabinguye noMphathiswa ndisengumthunywana nje ojikeleza phaya ukuqokelela nokutshayela inkunkuma. When uMphathiswa uShiceka wayekweli Phondo ezidibanise zonke i-ward committees wayichaza ngokwakhe. Thina xa singena singena sibeleka lonto, sabe singayazi nento yokokuba yayithethwe kuba yayisuka phi na. Kuthe emva koko walandelisa ngexwebhu i-Government Gazettee evumeleke nakubani na angayikhangela ayifunde ayive ukuba ithini na echaza umcimbi we-ward committees.

So iyinyani ke lento umhlekazi ubeyichaza ukuthi phaya kwi-Government Gazettee lanto yayithethwe nguMphathiswa uShiceka uyibhale phaya ukuthi i-ward committees per member mazifumane i-R1 000. Lo bhajethi ye-ward committees ithathwa kwi-equitable share and other government grants that are allocated or given to each municipality. I have raised that with all Speakers, I have raised that in all othe meetings zoMasipala apho sidibana khona. Kodwa ndathi ke kuba ndibona isimo sala ntlanganiso ndayibona nje into yokokuba ndakuba irresponsible ukuba ndinga….kodwa ndabashiyela i-document bamele ukuba noko ngoku bakumhlaba obanzi wokukwazi ukumelana nemibuzo engaba iyeza. Andizokuba sayidalangca ke ukuba ukuya ku-R1 000 kusplitwe kwintoni nantoni. Kodwa banalo oloxwebhu ngoku phaya siye sabaphathela saba sayinisa.

Lo mcimbi wamathenda kufanele into yokokuba njengokuba ingqungquthela yase-Durban ibitshilo. Ukuba siyayazi into yokokuba ayikhutshwanga ngendlela kufuneka singabi zotshomi kulonto. Kufuneka sibabi zotshomi kulonto. Ngoba into emayihlale kuthi nemayisihonte xa sithatha izigqibo zento yokokuba masingayisi kulendlela kumele ukuba iya kuyo yinto yokokuba azi ukuba aba bantu bazimpula-zikalujaca xa ndisenza lento bandawoni bona. Ndiyacinga ukuba ke ungaba nombilini xa uzibuze lombuzo ube usazi ukuba awuzokuyenza ngale ndlela ekumele yenzeke ngayo lonto. So kubalulekile ke into yokokuba lomcimbi we-tenders ekubonakala into yokokuba ziyazama ukulichiva ilizwe eli siwusondele ngendlela enentembeko siwenze nangendlela enobunono ezakusenza into yokokuba singade sibulalane.

Unyanisile obekekileyo uQoboshiyane, umcimbi wamanzi ingakumbi kweliPhondo uwudibanise nomcimbi we-sanitation nombane ngumcimbi esiwusondeze ezifubeni zethu ngolona hlobo lungumangaliso. Siwusebenza kunye nabantu abanamagunya wokuzisa amanzi ne-sanitation nemibane kuni nina boMasipala balapha ezantsi. Awukho kubo oMasipala. Kunjalo nje sizama into yokokuba usiwe

koMasipala baze kuphumla kwezi zityholo nokungakwazi ukuwenza kuba amagunya okwenza oko awekho kubo ukwi-districts.

Now yiyo lento ubona nento yokokuba kune-tension. Kukho ukungavani kakuhle kooMasipala kunye nee-District ngenxa yento yokokuba oMasipala becinga into yokokuba kunezizathu zangabom zokokuba amanzi kwindawo zabo angaziswa okanye into ye-sanitation ingeziswa. Siyayazi ke ngoku into yokokuba kuba i-sanitation ibikwi-Water Affairs Department isusiwe ngoku kuRhulumente kaZwelonke ihamba kunye no-Human Settlement ngoku, elasebe likamama uMabandla. So xa sizakube sixambhulisana nge-sanitation ngoku kufanele sazi into yokokuba iDepartment ezakuba nempendulo yile Department yakwa-Local Government isebenza ne-Department yakwa-Human Settlements.

So lonto ke ngoku iza kusenza into yokokuba le function kubonakala ukuba iyasilwisa kuba i-Department yayo isePitoli asinayo apha kwezi Department zikamama uMamBhele kufanele ke ngoku siyazi into yokokuba at least i-sanitation le siyifaka kwi-Department ekhona apha ekuhlaleni. Kanti even nangona kunjalo into yokokuba amanzi abe akakho apha ePhondweni ngokwe-Department lisetyana nje elikhoyo siwuthathele kuthi umcimbi wezamanzi. Ndithetha nani nje besifumene ingxelo ethi xa besi-alokheyitha i-rain water haversting tanks sizama ukunika on an equal basis ooMasipala 200 ngoba besikwe 2 000, sanqandwa ngu-Water Affairs wasivezela into yokokuba indawo ethile babanikile imali for ukuthenga eza-tanks.

Sabuza azakubaphi la manzi xa nibanika ii-tanks ezingena manzi. Kwathiwa hayi imali ikwi-districts njengendawo ezinamagunya okuzisa amanzi for i-water cutting le ebethetha ngayo obekekileyo okaMlibo. Ukwenzela into yokokuba kuthathwe kula mali ii-districts zifake amanzi lomzuzu imvula ingekeni. Ingxaki ye-electricity. Esisele siyifumene kwintlanganiso esihlala kubazo kukuthi ewe iyiqhuba ukufakwa kwindawo njengokuba abanye omama notate bebesitsho apha. Ingxaki enayo i-Department ye-Energy yibhajethi. Akakwazi ke kuba i-Provinces azithagethileyo yi-Eastern Cape, KZN ne-Limpompo.

Now akakwazi ke ukuhamba ngesantya, ukukhawulezisa umbane ngoba ubotshwe inyawo nezandla kukungabikho kwezimali. Now sathi ke ku-Premier siwubeka e-ofisini yakhe lo mcimbi wokuzakuzela into yokokuba makubekho indlela yento nokuba udibana noMongameli, nokuba udibana nabanye abaPhathiswa basingathisane ukhawuleziswe umcimbi wombane ngoba kukho ukuzalana phakathi kwento yamanzi nombane kwezinye indawo. Xa kunqongophele amanzi okanye sele efakiwe umbane kuse kukhathisheke namanzi if you go to areas like KSD nezinye i-areas eziphaya ngaphesheya.

Ndiyayinowutha lento ibithethwa ngomnye umama kwenye iwadi. In fact into ebibangela into yokokuba singayi implimenti okanye singabaqeshi o-CDW, one ward one CDW as ipolisi isitsho. Besisabanjwe ngumcimbi wemali kodwa now that ngoku bukhona

ubuncikanana esibufumeneyo nase-Buffalo City izolo kwi-ward committee conference phaya ne-CDW uye wavela lomcimbi. Sivene ke namagosa asingethe lomcimbi ukuba masikhe sizame ukufilisha ke ngoku ezi-vacancies okanye izithuba ezikhona kwezi-ward zingena CDW ukwenzela into yokokuba sikwazi ukuba nabantu abazakunceda babeliqhakamshela phakathi koRhulumente nabahlali. Kodwa ezi ziyilibeleyo into yokokuba zabakholo ntoni, sinikeni iinkcukacha zabo bantu bakuthi sanukube niziqhekeza intloko. [Applause.]

Somlomo ezi ziphezulu zidibeneyo ndizidibanisile amanzi, sanitation ne-CDW. Kulo mcimbi wezindlu okanye izindlu ezehlelwa yintlekele ngo-1997 ingathi kukho umama obesitsho. Naliya igosa eliphethe le micimbi kunye ne-district yase-Amathole. Ndiyathemba ukuba liyivile le wadi inalengxaki. Akufuneki ke nto kaHlazo iphele le veki ungayanga kula wadi uye ... [Inaudible.] …

Ndikhe ndeva esinye isithethi [Inaudible.] … ngexesha enza umsebenzi kaMasipala. Iindleko ezi athi zafunyanwa nguMasipala ngokuhlala kwakhe phaya ingaba zazisemthethweni na? Iripoti esele ithebhulishiwe kwi-councilor nesele ikhona phaya phakathi kwezinto eyayizifumene yayiyinto yokokuba indlela awayehleli ngayo phaya and therefore nemali eyabhatalwayo yayingekho mthethweni. Ngoko ke uMasipala ngesandla sika-Municipal Manager makanze lasisi okanye bhuti abuyise imali ekunyinge wamashumi amahlanu amawaka avisayo. Kumele ke into yokokuba lonto ikwi-process yento yokokuba mhlawumbi xa bevumelene naye kuba engazokuba namandla okusuka ayibuyise isesosambhuku, kukho inkqubo ethi uyayibuyisa lomali ngokokuba yayinguye owayephethe nowaye zibhalela ukuba makabhatale le ndawo akuyo ngendlela erongo.

Eyesibini ingxelo. Yayiyingxelo enonto yokwenza nendlela ekwakusingethwe ngayo iimoto zikaMasipala. Nakuyo longxelo ikhona kwaMasipala. Nakuyo enye yezinto eyafunyanwayo yayiyindlela engekho mthethweni yokusetyenziswa kwemoto zikaMasipala zimbi zazo zingenazo ne-licences.

Ingxelo yesithathu nesingekayizisi ke kuye uSodolophu. Inento yokwenza nokusetyenziswa kwe-municipal infrastructure grants projects. Ndingatsho nje nangona ke ndiyazi ukuba ingandibethisa ngokwenkqubo zakwaMasipala naseburhulumenteni. Nayo leyo inayo inkqubo ebonisayo ukuba babukhona ubugqwithi-gqwithi nokubangathi ngunonkala like ukwenziwa kwezinto.

Kodwa ke andifuni kuyibhengeza ngoku ngoba kaloku ngokwenkqubo yobuRhulumente nangokwenkqubo ye-cooperative governance kufuneka ndiyi-rispekthe i-fact yento yokokuba uMasipala andikayisi kuye langxelo and therefore andinakuza kuyithi paha here without going through that process.

Somlomo mandivale ngokuthi, zonke ezinye izinto njengokuba bekukhe kwabuzwa nge-timeframe siza kukhupha igqiza lamagosa achaphazeleka kwezinye zezinto ebeniziphakamisa apha eziphaya kwi-Department baze kudibana namagosa kaMasipala kuvanwe ngendlela emakwenziwe ngazo, nemakudilishwane ngazo nazo.

Bendisele ndivile into yokokuba amanye amagosa kaMasipala anoqhakamshelwano olundilisekileyo namagosa e-Department. Kodwa ndicinga into yokokuba malukhawuleziswe ukwenzela into yokokuba ukuba kukho izinto ezisemandleni ethu, ndivile ezinye izinto sihlalo wekomiti zizinto ezisemandleni kaMasipala. Ndiyaqonda ke mhlawumbi inokuba zi-councilors ezi bezithetha eza zinto bezilibele ukuba luxanduva lwazo ukuzenza. Siza kusebenzisana nabo ke ukwenzela into yokokuba kukhawuleziswe ukwenzela ukuba abantu bakuthi bangaxhwaleki ngale ndlela simamele ngayo apha namhlanje. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Phambi kokuba ke kuqale nayiphina into kukho isiphakamiso esikhoyo apha, ngu-hon Mtitshana. Sakunika yena elo thuba.

Ms E MTITSHANA: Mandibulele Somlomo, ndibulele nalapha kwiNdlu Yowiso-Mthetho, ndibulele nakubantu baseNkonkobe. Asukuba namhlanje siwongekile singamalungu eNdlu Yowiso-Mthetho. Sinqwenela ukunazisa namhlanje sivuyisane nomnye we-Presiding Officers zethu lowo ke nguSekela-Sihlalo wosihlalo ukuba namhlanje uyazalwa. [Applause.] Lowo ke nguMamSukwini inkosikazi yakwaThangane uNoxolo, Noxie Abraham Ntantiso. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Siza kucela nenze into eniqhele ukuyenza ukwenzela ukuba siza kugqitha kulo mcimbi. [Interjections.] Siya vuyisana kakhulu ke naye ngokuzalwa. Bendiba ke le ngoma izakwenza ukuba aphendule. Hon members bendiba lengoma, kuba iba ne-question.

[Business interrupted at 14:35 and resumed at 15:00]

Mr SPEAKER: Inkqubo ke iza kutshintsha kancinci. Kwelo cala ke ngoku nibukele, ibe ngamalungu la aqhubayo. Senzele into yokokuba kweminye iminyaka ezayo amalungu azakuphuma kwelo cala. So inkqubo ke izakutshintsha. Siza kucela ke ukuba siyihloniphe njengokuba nawo amalungu ebenihloniphile. Yinxalenye ke yale nkqubo yethu namhlanje.

CONSIDERATION OF REPORTS OF PORTFOLIO COMMITTEES ON EDUCATION, HEALTH, TRANSPORT, AGRICULTURE, ECONOMIC DEVELOPMENT AND ENVIRONMENTAL AFFAIRS, ROADS AND PUBLIC WORKS AND LOCAL GOVERNMENT AND TRADITIONAL AFFAIRS

Mr SPEAKER: Siza kucela ke uhon Mpushe ngokuba kubhaliwe apha kule ncwadi yam, egameni le-ANC.

Ms P MPUSHE: Mandizibulisele kuSomlomo, ndizibulisele kumalungu abekekileyo aleNdlu Yowiso-Mthetho, ndizibulisele kubaxhasi baleNdlu Yowiso-Mthetho, ndizibulisele kubahlali ngokubanzi, ndingalibelanga ukubulisa amalungu abekekileyo asuka esigqebeni solawulo lukaMasipala wale ngingqi yase-Amathole nezithili, neziphaluka.

Ngemvume yakho Somlomo mandiwenze umbulelo ongazenzisiyo kubahlali bengingqi yaseNkonkobe ngokubanzi. Ngenkxaso abathe bayinikezela nangokuzinikela kumsebenzi wokuphula iimeko zokuphila zabantu ngokubanzi. Phantsi kwemeko zokungafumani ntsebenziswano iyiyo kumagosa amasebe anikwe uxanduva lokuthi ajongane nemfuno zabo, kwaye benikezele iingcebiso kunye nenkxaso ekuqinisekiseni ukuba iinjongo nembono zombutho wesizwe ziya fezekiseka. Oku kuthe ke kwabonakaliswa ngexesha lotyelelo ngamalungu ekomiti yenkqubo yezemisebenzi, yesebe yezoluntu, kunye nezinye iikomiti ekulungiseleleni ukuhlala kwale Palamente apha kule ngingqi yase-Amathole.

URhulumente okhokelwa ngumbutho wesizwe i-African National Congress unemigomo nezindululo ezisekelezelwe ekwalulekeni amagosa amanjalo. Kukho abo babekwe kwi-position of responsibility who do nothing either through incapacity or unwillingness to address the concerns of the people they are meant to serve. Where people are found to be incapable of performing the tasks assigned to them, we must work with speed either to capacitate them or replace them with more capable people. To be a public servant means service to the people and a caring attitude in dealing with citizens.

Siyavuma singumbutho wesizwe ukuba uRhulumente wethu unakho ukuqhwalela pha na pha ngokwenziwa yi-lack of commitment by those that are charged with a responsibility to administer the delivery of services to the people. This is evident in a manner in which some of our departments have irregular expenditure even though xa kubhajethwa uzakufumanisa into yokokuba ibhajethi esiyifumanayo ayizilingenanga iimfuno zethu. Kodwa uthi xa ufika kula maziko siwatyeleleyo ufike kune mali ezisetyenziswa ngokungekho semthethweni. Lento ngesilungu abathi yi-irregular expenditure.

This is also evident when it comes to implementing of government policy. We must ensure that all cases involving bridge of legislation are thoroughly investigate and dealt with. And all involved in corruption regardless of their position or status in the public service and society are severely dealt with in accordance with the law of our land. Resolutely preventing and punishing corruption is therefore a major political task the ANC must attend to at all times.

As the African National Congress we are committed to the creation of decent work which is evident at the centre of all our economic policies. Decent work encompasses consideration of sufficient number of jobs, the quality of available jobs, social dialogue and social protection. On local economic development we must move away from micro project finance to a coordinated economic development based on the value chain per Municipality in order to maximize value for money and impact positively on job creation.

The ANC remains, together with the people of this country, the only organization able to tackle our challenges and bring about a better life for all South Africans or all the people of the Eastern Cape. Particularly because we are a national liberation movement and not subject to a narrow or exclusive interest of one class or race or particular group of people. We are in the best position to give effect to the hopes and aspiration of all our people. This is what distinguishes our organization from all other organisations. It defines the sole and character of this revolutionary and democratic movement of the people.

Ndicinga ukuba yilonto silapha nangoku kule ngingqi yaseNkonkobe ekusondezeni uRhulumente ebantwini.

Ndithi mandiyicacise ke Somlomo indima esinoxanduva lwayo siyileNdlu Yowiso-Mthetho khon' ukuze xa siphuma apha leNdlu Yowiso-Mthetho ikwazi ukukhuseleka eluntwini. SiyileNdlu Yowiso-Mthetho our major task is that of ensuring effective and efficient services, service delivery and that Departments are implementing accordingly by conducting robus oversight. Lonto ke ithi thina siyileNdlu Yowiso-Mthetho okwethu kukulandelela amasebe khon' ukuze asondeze iinkonzo nanjengokuba izinjongo zombutho ophetheyo ukuba iinkonzo zifikelele ebantwini.

We need to speedily strengthen the process of building a developmental state with a strong planning capacity and the ability to intervene in strategic areas. This is not a state that micro manage all aspects of Government but rather that acts as an effective system of ongoing co-ordination monitoring and evaluation of the implementation of Government programmes and projects.

Central to the building of a developmental state has been the process of creating a planning commission and monitoring and evaluation capacity in the office of the Premier. An important aspect of a successful developmental state is the capacity of public servants to execute the tasks with which we have been entrusted. The ANC initiated these developments in order to build strategic coherence within Government and ensure that the state provides effective and strategic leadership to the economy and society. This year we expect that all elements of strategic planning as well as monitoring and evaluation are put in place. This means that the right personnel should be placed in the correct positions.

Lento ke iza kudila nalento besikhe sathetha ngayo kwezi ntsuku zidlulileyo enento yokwenza nento yokokuba kula masebe ethu isikakhulu xa sifika apha kwizithili ndingathi ayenzeki nakwi-province into yokokuba kubekho abantu ababambeleyo abangaqeshwanga isigxina ngenxa yemeko ezithile.

Ndidlulele ke kumba obuthe wabekwa uPublic Works ukuba aze kufikelela kutyelelo apha eNkonkobe. The June 2002 policy conference of the African National Congress resolved that there should be a large scale expansion of the use of labour intensive construction methods to alleviate unemployment and to address the backlog of infrastructure in previously disadvantage areas. The Government has decided that we should launch an Expanded Public Works programme so as to ensure that we draw significant numbers of the unemployed into productive work and that these workers gain skills while they work and thus take and important step to get out of the pool of those who are marginalized.

Uyabona ke xa usehlela apha ngezantsi ubheka ngaseDimbaza uzakufika phaya ubone into yokokuba kwakukhe kwakho into engathi yayizi-factory apho abantu bakuthi babenokuncedakala khona bafumane itorho…

Mr SPEAKER: Two minutes left, hon member.

Ms P MPUSHE: Ezi nkqubo ke ze-Expanded Public Works they are get towards ensuring that abantu bakuthi bafumana amatorho. Ngenxa yokuba kuqapheleka uninzi lwabantu bakuthi basebenza kwindawo ezinjengokuba bazincede ngoku nokwabo bazenzele, eziteksini, ecaleni kwendlela, NGO's nakwi-cooperative. It is our call therefore to the Government that ancedisane kunye nabantu bakuthi nanjengoko si-andastenda into yokokuba sithwaxwa yi-recession eyenza into yokokuba sixhomekeke kakhulu kurhulumento.

Expanded Public Works has created quite a number of job opportunities. In 2009/10 75 000 jobs have been created through EWP. Young people that have benefited are 30 155, women and disabled 35 815. Xa ndiza kuhlala phantsi ke Somlomo as the Government led by the ANC we are saying it must change the fact that rural development and agrian reform is an integral to the struggle to create a better life for all. The fact that the rural situation in our Province is still characterized by divisions there are those that are well developed areas and former homelands and others deep rural areas were majority of our people continue to live in condition of degraded and poverty. The current programme should be geared towards ensuring that all Government Departments take on rural development. Rural development needs all stakeholders, all governmental departments to take part.

Yilento uzakufika ku-Human Settlement ethetha nge-rural houses, ifike ethetha nge-farm houses. So are all other departments - they must

ensure that zithatha inxaxheba kwi-rural development. Also on the issue of roads we edge Departments to work with Municipalities in ensuring that services ziyafikelela ebantwini. Lento ye-access roads zikhe zenziwe zigreyidwe zibe semgangathweni.

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha hon member. Phambi kokuba ndibize isithethi esilandelayo ndicela ngembeko yaleNdlu ukwamkela ukuba sinendwendwe ezibalulekileyo apha. Abantwana besikolo iGobizembe High School abalapha phakathi kwethu. Babaluleke kakhulu. Ndicela iNdlu ke ibamkele. Siyanamkela nawe tishala ngokuza nabo. [Applause.] Siqhubela phambili ke, sibiza ngoku isithethi se-Cope uhon Kuluta.

Mr N KULUTA: Somlomo, i-Congress of the People iyazibulisela kuwe tata uSpeaker, ibulisa kuwe Deputy Speaker, ibulisa kogxa bam apha hon members including members of the Executive. I-Cope ngokuzithoba iyakhahlela kuKumkani wamaRharhabe uKumkani uZanezizwe. A-a! Zanesizwe. Sikhahlela kwiNkosi zezizwe eziphantsi kwale Kumkani, zonke izizwe eziphantsi kwamaRharhabe siyakhahlela ngale njikalanga. Ndizakuthi gqaba-gqaba ngale mizuzwana ndiyinikwe nguwe Somlomo. Ndiqale ngenjongo zokuzisa kwethu iPalamente apha. Besisondeza iPalamente ukwenzela into yokokuba sinimamele kwakhona ngoba sinimamele kaloku ukususka ngo-1994. Sinimamele into yokokuba mva nje zintoni enifuna into yokokuba sizilungise. [Interjections.] Sinimamele ke.

Esinye sezizathu zokuza kwethu apha kukuqinisekisa into yokokuba ngabo bonke obubuqhele-qhele bulapha kuxhamle nina zi-service providers zalapha. Siyathemba ke into yokokuba kunjalo. [Interjections.] Silapha ukwenzela into yokokuba xa sisimka apha ukuze ukuba lapha kwethu kungabilolize nishiyeke nibona into yokokuba iPalamente ithe isakuza apha kwalunga into ethile, kwalunga into ethile kwezi zinto beniziveza apha.

Ndiza kuqala ke kweli sebe … [Interjections.] … kungenjalo ukuba ayinzeki lonto kaloku le mali yonke size ngayo apha siyimoshile. Ngesise sayithatha saqesha ngayo aba bantu babangela into yokokuba maningahoywa ezibhedlele ngenxa yokokuba iDepartment ilihlwempu. Kodwa ke mandingene apha kwiripoti yam. Ndiza kuqala nge-Department of Education. Eli sebe lezemfundo sisakhala nge-backlogs ze-infrastructure nanamhlanje. Izikolo zivuku-vuku akukho themba. [Interjections.] Akuncedi nto ukuyithetha yonke imihla lento singayilungisi. Izikolo zivuku-vuku, izikolo azinafenisha nanamhlanje. Yilonto ke ndithi ukumka kwethu apha ukuze kube kanti akulolize ukuza kwethu kufuneka simke kulungiswa izikolo apha.

I-scholar transport asikho kodwa imali iyakhutshwa yona mhlekazi phaya yokwenza zonke ezi zinto, asiyazi apho iphelela khona. Ukuza kwethu ke apha kufanele into yokokuba makulunge ezo zinto. Iingxabano Speaker obekekileyo ingakumbi ezikwi-level ye-district

offices ziyayiqhwalelisa imfundo apha eNkonkobe. Siyivile lonto kwezi ripoti into yokokuba kuyaliwa phaya. Sibhenela ke ngoku ku-MEC wale Department into yokokuba noko mayikhe icengwe imibutho le yetishala ngoba they are at the centre of this conflict. Ngabantwana babantu abahluphekileyo abaya. Kamnandi nabaya beze kusibukela apha. Ngabo aba basokolayo ngulomlo ulapha kwezi district offices.

Ubusela, i-corruption, ubuqhopholololo, umgunyathi owenzeka phaya e-head office. Ngoba imali iyakhutshwa in billions ibhajethi enikwa le Department kohlulelwana ngayo phaya phezulu ayifiki apha ezantsi. [Interjections.] Yiyo lonto iDepartment yonke ihlwempuzekile ekugqibeleni kunzima nokuqesha phaya ezantsi kodwa imali iphelela phaya e-head office.

Ndigqithe ke le mizuzwana ingekonakali. Ndingene apha kwi-Department of Health.

Mr SPEAKER: Kukho umntu ophakamise isandla.

Mr N KULUTA: Lamntu uphakamise isandla ke uzakutya le mizuzu yam uphinde uthi iphelile Speaker.

Mr SPEAKER: Hayi ndiyigadile. [Interjections.] Khawubambe ke. Ngena hon Majodina.

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: Enkosi kakhulu Speaker. Speaker ilungu elibekekileyo utata uKuluta uthi phaya kuNdlu nkulu kohlulelwana ngemali. Ingaba ilungu eli libekekileyo ikhona na into anokuyibeka ayithi thaca ebambekayo ezakwenzela into yokokuba sikwazi ukulandela lento ayithethayo? Une-evidence yalento na? Kwaye iyimalini le yohlulelwayo, isehlulelwa bani na?

Mr SPEAKER: Andiyazi nokuba …ingathi ngumbuzo lo. Kuya kuxhomekeka kuye na ukuba uyafuna na ukuwuphendula. Masimyeke aqhube. Qhuba, hon member.

Mr N KULUTA: Thank you. Mhlali ngaphambili uhon Penny ubuza impendulo eyazi ingathi uyitishala. [Interjections.]. Ubusela obukula Department buncanywe nayi-HOD yaqhwesha. Ithi lento yenzeka apha, obu bulapha ubusela andizange ndibubone, wabaleka. Asinakwenza ngokungathi ke ngoku xa siphambi kwabantu asiyazi lonto. Bendizakuthi ke ngoku ndingena apha kwa-Health.

I-Department of Health is indeed unhealthy, iyagula la Department. Nangoku ke ndiyacela ke ….[Interjections.] …ndandikhe ndabizwa into yokokuba I am an irresponsible leader when I raised these things. Ndithi i-combination yale Department yakwa-Health neyakwa-Education ziyi-cancer, ziyi-financial cancer kwisipaji sale Province. Andiyazi nokuba lento kuthiwa ngu-HR ikhona na kule Department.

Ngenxa yento yokokuba izibhedlele azina X-ray machines. A TB hospital ingabinayo i-Xray machine kufuneka into yokokuba mabantante apha esithubeni abantu bekhangela i X-ray. Izibhedlele ezi zilapha eNkonkobe in particular andazi kwezinye indawo azinamali kangangento yokokuba azikwazi ukuqesha i-cleaners. Imali yokuqesha i-cleaners ayikho ukubangaba i-cleaner irithayarishile ayi-ripleyiswa.

Andithethi ke xa kunyukelwa kumanqanaba angasentla akukho staff, akukho zi-nurses. Abantu bakuthi bafela ezityhwini phaya ezibhedlele belinde unyango kuphele iveki. Abantu bakuthi bafela ezindleleni behayikela ezibhedlele akukho zi-ambulances. Imali iyakhutshwa nguRhulumente in billions inikwe le Department. Nayo kohlulelwana ngayo phaya phezulu. [Interjections.] Nigqiba kuva ngoku into yokokuba la Department kangangento yokokuba ingaklinanga ibhatala abantu ekudala bemkayo phaya kula Department. Elo xesha apha ezantsi akukho zi-drugs, akukho mayeza. Elo xesha apha ezantsi akukho nalanto yokutshekisha i-high blood pressure and so on. Basic equipment. Oogqirha baza kuhlala njani kwimeko enjalo? Ngoba oogqirha abakwazi kusebenza ngenxa yokungabikho kwe-equipment.

Sithi ke sicela ungenelelo olucacileyo from the office of the MEC in particular. And we are saying siyi-Congress of the People siyazi-akhnowuleyija i-efforts ezenziwa ngo-MEC aba-hands on emsebenzini wabo. Kodwa noko siyabankonkozela aba bazi-useless passengers apha abangazi nokuba kuqhubeka ntoni kwi-department zabo, umntu aze kuyothuka apha phambi kwabantu into yokokuba kuthe kanti kukho izinto ezirongo ezikwi-Department yakhe. I-trench Mr Speaker yoku-akhawunta to the people yile kuphela not ezi-trenches besixelelwa ngazo apha izolo ukuba siza kudibana ezi-threntshini. Nanzi ithrentshi yokuxelela abantu into yokokuba senza ntoni ngerhafu zabo, yiyo le. [Interjections.]

Masibhenele ke siyi-Congress of the People ku-MEC wakwa-Local Government. MEC wakwa-Local Government as i-political head yala Department makakhe acime le in fighting isemaqabaneni kwaba Masipala. Ngoba ngenxa yala in fighting akukho apho kuyiwa khona. Yindima yehagu le yenziwa ngaba masipala. [Interjections.] Sicela wena ke, sicela i-intervention.

Mr SPEAKER: Order, hon members!

Mr N KULUTA: Thina siyi-Congress of the People silapha ngentliziyo zokuba sibone into yokokuba abantu bakuthi bayancedakala. Yiyo lento iiNkosi zilapha. IiNkosi zilapha kuba zikruquke zizikhalo zabantu phaya emakhaya. Zifuna ukuza kumamela ngokwazo into yokokuba lento siza kuyicikoza, siyicikoze side siyenze nini lento yokulungiselela abantu.

Phambi kokuba ke ndihlale phantsi, lento ka-Fleet Africa iku-page 427 kule ripoti yayizolo. Lento ka-Fleet Africa andazi kutheni

nditytyinjiselwa umnwe kuthiwe mandingayithethi when it continuing draining imali kaRhulumente. Yenzeka ngoku ndithethayo lanto ye-Golf ye-R18 000, yenzeka ngoku ndithethayo lanto yeveni ye-R18 000 and so on. Yiyo lento ndithi ke makukhe kuncedwe kupheliswe la contract kubuyiswe yonke lanto uRhulumente ayenze ngokwakhe kutsho kuqeshwe aba bantu baphelelwa yimisebenzi ngenxa yokokuba kupheliswe lanto. Sithetha lonto thina, into esiyizeleyo apha. Tata uSpeaker ke ngalo mazwi ambalwa, yidla amafutha ke Speaker. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Order hon members. Sicela inzolo. Makungatyiwa elinye ixesha malungu. Ngoku sibiza uhon Mvenya we-DA.

Ms V MVENYA: Enkosi Somlomo. Ndibulise ..andizokunibulisa zi-MPLs kudala nibuliswa and ndisuka nani emva. Ndibulise uMeya walapha, uSpeaker, uMM, iiNkosi ezikhoyo ezilapha, ndibulise uNobhala we-ANC. [Laughter.] [Interjections.] Ndibulise zonke iindwendwe ezikhoyo apha zemibutho ngemibutho ukuqala kwemincinci, kwephakathi, nemikhulu ukubheka phezulu. Ndisithi ke kule yam ikweli cala nincede nigade amalungu wenu angangeni ebhayini. Ugalela ebhayini angabagaleli. [Interjections.] Niqonde kakuhle ukuba le sitting lixesha elibi kuyiwa kwi-elections. Singemka apha sele kuthiwe i-food parcels ne-paraffin. [Interjections.]

Hon members iyayacaca ukuba kuza kuthetha inkosazana yatsho imvula. [Laughter.] [Interjections.] Hon members enyanisweni kona-kona umbono lo ka-taking Parliament to the people ngumbono omhle, uyancomeka kakhulu. Qha ukubangaba azizukukwazi ukuphenduleka izinto ebeziphakanyiswe apha iyakufana nokuba sikwi-talk show. Kwaye ukubangabana kuye kwanjalo isidima sale Palamente sakube sehlile, sakube sisithobile. Ithethe ukuthi ke kuyanyanzeleka into yokokuba ezi zinto zireyizwe apha size sincede sizilandele.

Ingxaki yona ikhona apha, akakho umntu ongayiboniyo. Nokuba singacikoza, nokuba elicala lingatyhola elicala kodwa yona ingxaki ikhona akakho umntu ongayiboniyo lonto. Uyabona ke ingxaki yokuqala yekudala ndayithetha ingxaki ye-IGR. Into yokubana omnye ngapha wenza eyakhe, omnye wenza eyakhe ngapha, uMasipala akayazi into eyenziwa kwi-Province, i-Province ayiyazi into eyenziwa kuMasipala. Yiyo lento kukho ii-projects ekuthiwa ziyapharatshuthwa, yiyo lento kukho into yokokuba uMasipala agqithise i-tractor no-agriculture agqithise i-tractor kwakula ndawo bekusiwe kuyo i-tractor. Yinto yokokuba akukho IGR. Andiyazi ke ukuba inibhida phi na lento ye-IGR kuba niphethe kuzo zonke ezi-phase. Andiyazi into ebangela into yokokuba ningakwazi ukukhodineyitha. [Interjections.]

Uyayibona ke lento ye-IGR sele uphaya kwi-project, uhambe nee-officials, uhamba no-Agriculture athi u-Agriculture nantsi i-project yam. Xa sele ungcambazisa aba bantu be-project bathi bona hayi safandwa

ngu-Social Development. Ngenxa yento yokokuba u-Social Development akayazi into eyenziwa ngu-Agriculture. Andiyazi ke ukuba lonto leyo ifuna kude kuyiwe kwi-NGC na. [Interjections.]

Eyesibini ingxaki, i-Department ne-Department ephaya eBhisho inazo ii-offices ezilapha ezantsi. Kodwa uyakufumanisa into yokokuba bonke abantu bakhala ngento yokokuba saya eBhisho sangamfumani uMEC, sangamfumani ubani. Uxakwe ukuba yintoni ebangela lonto, abantu kufuneke bade batsibe babheke eBhisho kukho i-offices. Into ebangelwa yilonto ke yinto yokokuba apha kwezi offices ezi zisondele apha ebantwini i-officials eziphaya ngaphakathi azinabo ubuthandazwe. Uthi umntu engenile e-ofisini ezokufuna uncedo afike atshikilelwe ngulo mntu ulapha e-ofisini. Athi umntu sele efowuna ifowuni ayibanjwa ngulomntu ulapha e-ofisini, athi umntu ehambele e-ofisini ngento encinci engeyifumene ingcaciso kuyo angayifumani ingcaciso ecacileyo. Kufuneke umntu ade enyuke abheke eBhisho.

Inye ke into ebangela lonto yinto yokokubana akwelulekwa mntu, umntu wenza into ayithandayo. Kugadwe ubu-comrade. And ke obubu-comrade bobu buwisa kwa umbutho lo. Umntu akayiqondi lonto. And ukuwiswa kombutho kukuwiswa kukaRhulumente. [Interjections.]

Ingxaki yesithathu ebangela yonke le mbudu-mbudu, zonke ezi zinto ndiza kuzibangula zezi zonke bezivuswa apha ngabahlali. Kudala nayo siyithetha wonke umntu uyayazi, umcimbi we-monitoring. Uyabona lento yokungabikho kwe-monitoring yenza into yokokuba …

Mr SPEAKER: Two minutes, hon member.

Ms V MVENYA: Yenza into yokokuba lo ulambayo angade yena afikelele kwela zinga lalo uhluthayo. Ngoba kukho abantu abane-projects ze-bricks ufike imali igalelwe kodwa azikho i-bricks. Kukho ongapha uyafuna ukuba ne-project imali ayiyi kuye. Kanti ukuba bekulandelelwe kakuhle ngekukwaziwe ukude kuyiwe kufika nakulowa umntu uyimpula kalujaca.

Ndifuna ukuthi tshe kulo mcimbi, kuba bekusele kuthiwe ixesha lam liyaphela kodwa andinakuhla apha ndingawuthethanga. Lo mcimbi ka-operation clean audit 2014. Awunakuze kaloku uthi ufuna omasipala ukuba mababe-clean usakugqiba uthathe abantu abafeyilishe kwaba Masipala uthi mabahambe baye kulungisa abanye oMasipala. Awucingi. Ngoba into ekhoyo kulento yale operation clean audit kuhambe kuthathwa aba bantu bekuthiwe oMasipala babo bawiswe ngenxa yokuba kufakwe u-Section 139 kuba bengakwazi ukumaneyija iimali kwaba masipala kuthiwe buya yiza size kuqesha sivule i-unit apha ka-operation clean audit. Ayisoze ibenjalo ngolo hlobo MEC. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Order, hon members. Sicela inzolo malungu nabahlali. Ngoko luhlu umntu olandelayo ngumnumzana uGalo we-AIC.

Mr M P GALO: Mandibulise Somlomo, ndibulise i-members ze-Executive, ndibulise amalungu ePalamente, ndikhahlele kwiKumkani, ndibulise neNkosi ezikhoyo, ndibulise iinkokheli ezikhoyo phaya kuMasipala. Somlomo ndiza kucela nje oko kuqala into yokokuba la mizuzu yam uvele uyidibanise yonke ukwenzela into yokokuba ndithethe kube kanye.

I-African Independent Congress Somlomo iyazamkela zonke iripoti ezothuliweyo apha zi-Portfolio Committees. Sitsho into yokokuba abantu balapha eNkonkobe bathethile. Ithethe into yokokuba ke uxanduva lukumalungu ePalamente njengabameli boluntu. Ukuba siqinisekise into yokokuba ezi zinto zithethwe ngabantu apha ziyenzeka ukuze singabinazo Somlomo izithembiso ezenziwa ngo-1994 kodwa nanamhlanje azikafezekiswa. Sele zitshilo ke izithethi ezithethileyo ngaphambili zathi lonto izakwehlisa isidima sale Palamente. Ukuba kuchithwe imali zabarhafi sithi sizisa iPalamente ebantwini kanti izinto abaziphakamisayo nezo abazikhalazelayo azizokufezekiswa.

Sele ndiyitshilo ke lonto Somlomo i-African Independent Congress iyaphawula into yokokuba kusekuninzi ekufanele kwenziwe ukuqinisekisa into yokokuba le demokhrasi yethu esayivotela ngo-1994, Epreli 27, siyayikhusela. Ukuze sikwazi ukuyikhusela ke le demokhrasi kufuneka singabavoti balapha eNkonkobe, balapha e-Eastern Cape, balapha eMzantsi Afrika sifunde uMgaqo-Siseko weli lizwe u-Act 108 of 1996, uye kakhulu phaya kwi-Bill of Right ku-Chapter 2.

Xa bendimamele apha kuyabonakala into yokokuba asikakwazi ukuhlonipha amalungelo abantu okanye umntu ngamnye. Kubalulekile into yokokuba xa siphakamisa izinto zethu singabahlali sikwazi ukubahlonipha abanye abantu. Kuba into endiyifundileyo apha Somlomo kukuba kuze kuhlaselwana asireyizi issues ngenjongo zokokuba amalungu ePalamente ahambe eziphethe ezi zinto ukuze akwazi ukuzilungisa xa efika ePalamente.

But into eyenzekayo sibona kukhompithwa ngamaqembu-ngamaqembu kanti thina apha asizanga kuzokuva into yokokuba ngubani oliqembu lowuphi umbutho. Yiyo lonto ndisithi ke Somlomo singabahlali masiwufunde uMgaqo-Siseko size kuwazi amalungelo ethu. Ukwenzela into yokokuba xa kusiyiwa kuvotwa singavoteli aba bantu beza begqunywe nge-flags zemibutho. Umzekelo u-black, green and gold. [Interjections.] Kanti apha ngemva awazi ukuba sesiphi esi silwanyana sifihliweyo.

Niphele nikhalaza ke ngoku, niphele nize kukhalaza into yokokuba uMeya yanje, ukhansila we-wadi akezi kuthi kodwa aba bantu

bebekhethwa nini. Ukuba niya wazi umalungelo enu ke anisayi kuphinda nivotele i-history bantu base Mzantsi Afrika. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Mibini imizuzu eshiyekileyo.

Mr M P GALO: Xa ndigqibezela ndiza kungena nje kumcimbi we-Local Government Mphathiswa. Sivile abahlali balapha eNkonkobe kulo Masipala baya khalaza kakhulu ngamakhansila nangendlela oMM abaqasha ngayo okanye abaqeshwe ngayo. Ndifuna ukuthi ke ayikho apha kuni kuphela lengxaki bantu baseNkonkobe ikhona na phaya kula Masipala wase-Matatiele. Apho kuvakala into yokokuba uMM wethu phaya waqeshwa kuba elilungu lombutho engenazo iimpepha ezimvumelayo into yokokuba abe uyakhwalifaya. Ndiqinisekile uMEC unayo imbhalelwano esuka kumalungu akhe e-ANC kula council yase-Matatiele abathi i-Executive kaMasipala wase-Matatiele ayisahlali. Kwaye kuyavakala into yokokuba kune mali eyakhutshwa ngama-khansela kwabolekwa uMunicipal Manager i-R1 million

Mr SPEAKER: Time up.

Mr M GALO: MEC kufuneka uyiphande lonto. Ndifuna ukukucebisa ke MEC into yokokuba …

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha …

Mr M GALO: Komasipala abanjalo sebenzisa umthetho …

Mr SPEAKER: Lungu elibekekileyo liphelile ixesha lakho.

Mr M GALO: Usebezise umgaqo welizwe ingakumbi u-Section 139. Sithe ke kula masipala wase-Matatiele nabanye oomasipala …

Mr SPEAKER: Ixesha liphelile.

Mr M GALO: Apoyinta u-administrator umthathele kuwe uMasipala kungenjalo …..[Interjections.]

Mr SPEAKER: Hon members, I think we must be respected as we preside over this session. We are trying to be as accurate as is possible in terms of time. So when I give the ruling that your time is up, I mean that. So I would expect everybody to respect that. Can we proceed. Ngoku ke siya kuMphathiswa u-MEC Majodina.

The MEC RESPONSIBLE FOR ROADS AND PUBLIC WORKS: Mandibulele kuwe Somlomo, sele ndibulisile kuwo wonke umntu wndikhahlele nakuNobhala wombutho wesizwe. Silapha, siya babulela abantu baseNkonkobe ne-Amathole ngokuphela ukubonakalisa into yokokuba xa sisondeza iPalamente ebantwini yi-programme yethu eyaqala phaya kumnyaka ka-1999. Asizanga kuza kukhanvasa ke

namhlanje. Ixesha lokukhanvasa liyeza. Siza kubuya. [Interjections.] [Applause.]

Apha sizele into yokokuba masize kuva into yokokuba senze kakuhle phi, saze sangenzi kakuhle phi. Sinivile ke bahlali kwaye siyathembisa into yokokuba xa siphuma apha amagosa azakubuya wamasebe ohlukeneyo bazame ukulandela zonke ezi nkcukacha ngokwesebe nesebe.

Siyayiqonda into yokokuba isebe lakwa-Health nelakwa-Education iKhabhinethi ithe thaca i-turn around strategy kwikomiti ezi-ovasayitha lamasebe into yokokuba mawancediswe ngenxa ye-backlog ekhoyo kwinto ye-infrastructure in general. Lonto ayenziwa yinto yokokuba bengakwazi ukuphatha iimali ezo zikhoyo. Kodwa yinto yokokuba sisuka phi sikule ndawo nje. Zikhona izikolo ezihle, nezibhedlele ezihle, neekliniki ezakhiweyo kodwa masingalibali into yokokuba sokhe ezo kliniki, nezo zibhedlele sinayo i-backlog kakade. Kwaye siyavuma apha into yokokuba senzile kodwa akonelanga siyayazi lonto, yilonto singoyiki ukuza ebantwini. [Applause.]

Siza nophuhliso olumanyeneyo njengoko ubutshilo comrade Mvenya, oh wade wabangu-comrade, hon Mvenya [Laughter.] Ithi ke lonto intergrated development yeyonanto siyiphetheyo ukuqinisekisa into yokokuba zisengela thungeni linye sincedisane kuba abantu xa befuna uphuhliso abajonganga isigaba sikaRhulumente, bafuna kwizigaba zonke kuba abantu bavotile bafuna ukubona kuphucuka ubomi babo. Yilonto ke siza kudibana noMasipala, uRhulumente omkhulu noka-National, nalo wePhondo.

Ndiza kubetha nje umgca ubemnye kokukuvuselelwa kweDike. Eyonanto siqiniseke ngayo yinto yokokuba ezi-ERF nezi-properties benizichaza apha siza kuzinikela kwizigaba zabantu ezahlukeneyo. Umzekelo kukho i-ERF ezibizwa i-low value residential areas, ezo zezi siza kuzinikezela ku-Human Settlement ukwenzela into yokokuba ela sebe lezindlu likhawulezise le programme yayo yokwakha izindlu. Eli sebe linezi-programmes zilandelayo ezi bahlali benithetha ngazo zisibhozo ezibhlokiweyo ziya-anbhlokwa kangangokuba sele kugqityiwe into yokokuba izakwenziwa njani na. Ngeli xesha ibingaqali bekusazanywa ukufunyanwa into yokokuba le material yayinikwe abantu ihambe yayakufika phi na.

Niza kukhumbula ezibhlokiweyo abantu babenikwe i-material into yokokuba mabakhe. Ezesibini kwenziwa ifizibhilithi study kwi-new projects kodwa ezi zolungiso lwezindlu ezazingakhekanga ngendlela erayiti zibekelwe imali kulo nyaka u-2010/11 ziza kwakhiwa ngokuqinisekileyo ezo izindlu zilungiswe.

Kanti kukho umhlali ebekhe wangena Somlomo esithi kukho abantu esi suka sibabone sele benezindlu abahlanu, nabathandathu. Kukho i-programme e-special ejongene nabantu ababizwa ngokuba zi-destitute

families, abathe ngenxa yeemeko ezithile bazifumana bengenamakhaya, mhlawumbi ebehlelwe yintlekele engaphaya. Kuya ngenelelwa ke ithi ke lonto sonke sizinkokheli zikweli holo masize ngaphambili kwela sebe khon' ukuze uRhulumente akhawulezise ukungenelela.

Kanti xa kusenziwa ezi-projects zintsha i-10% iza kubekwa bucala ibekelwa amagqala emfazwe, amagqala athe alwa kuzo zonke ii-projects. Qhwabani. [Applause.]

Mandingene msinya ke phaya kuDedeya. Eli sebe le Dedeya, e-Economic Affairs mandichaze apha Somlomo into yokokuba libekele bucala imali ethile ezakuncedisa ookopolotyeni ezi-cooperatives bekuthethwa ngazo apha. Ku-estabhulishwe i-Cooperative Imvaba Fund umntu emaniqhakamshelane naye phaya ngutata unguMbulelo Jolingana inamba yakhe ngu-079 8848311 senzela into yokokuba ningehli nisenyuka eBhisho naseMonti niyazi ngqo into yokokuba ngubani umntu enimele kuya kuye. Ngutata ojongene ncakasana nento yokokuba okopolotyeni abakhoyo mabayifumane njani na imali esebenzisana kunye no-ECDC. Une-offices eziphaya eBhisho kanti u-ECDC unazo i-offices eziphaya eMonti.

Ithi ke lonto kwalapha kule ndawo yalapha eNkonkobe zikhona ii-projects ezifandiweyo ezifana nala Agricultural Corporation. Ifandiwe yeyalapha eDebe nge-R1 million, bakhona abantu bala project bayayazi lento ndiyithetha ngayo.

Kulo mcimbi we-Expanded Public Works Programme xa zidityaniswa imisebenzi eyenziweyo apha eNkonkobe kuphela yimisebenzi eyi-64 598 yenziwe apha kwaqeshwa abantu balapha eNkonkobe. I-disposal policy ….[Interjections.] …ndiyaripota andikhampeyini apha. I-disposal policy bendisele ndingenile kuyo, la mcimbi wendlela eya eTsomo ne-Stutterheim. Besisele siyichazile into yokokuba iyangena kolu hlahlo-lwabiwo mali lonyaka ozayo.

Kanti apha koMasipala kule operation clean audit, ithi ke lonto uNkonkobe lo ngomnye woMasipala abayi-24 abancediswayo into yokokuba ufumane iincwadi ezisulungekileyo. Kanti ke eli sebe lo Rhulumente wasemakhaya line-special purpose vehicle ejongene nokuncedisa oMasipala. Kuba lengxaki yendlela ijongene noMasipala ayiyongxaki yabo imali banayo ayonelanga yilonto kufuneka into yokokuba uRhulumente wePhondo noka-National angenelele khon' ukuze ezi zinto benithetha ngazo bahlali zikwazi ukuba ziqapheleke. Kanti ke sifuna noceba into yokokuba la mic fund mayi-refenswe ize yenze lento ifanelekileyo kwaye baza kuncediswa oMasipala besebenzisana namanye amasebe ukwenzela into yokokuba ibe liqilima into ye-rural development.

Xa ndigqibezela Somlomo umcimbi wezezikolo. Utata uQwase xa ebeme kule ndawo uchazile ukuba zi-billions ezingakanani na ezifunekayo khon' ukuze kube kuza kujongwa lomcimbi. Kanti

uPremier uya-engeyija noRhulumente omkhulu into yokokuba xa kuhlahlwa kusabiwa imali masijongwe into yokokuba sasiliPhondo elinjani na, sasiqale ukuba ne-backlog ukususka nini na. Kungaqalwa ngokuba silinganiswe namanye amaPhondo ngenxa yemvelaphi ne-history esinayo. Ithi ke lonto aniyekelelwanga into yokokuba zisokoleleni. Yilonto uRhulumente walapha kule Eastern Cape waba ngowokuqala ongenelelayo nge-scholar transport, kwezinye iindawo siqhuba kakuhle i-scholar transport. But sifuna nokucela into yokokuba abahlali xa isikolo sikhona kulo ndawo masizama kangangoko sisebenzise ezi khon' ukuze i-scholar transport sincedise abo basezindaweni ezingakwazi ukufikeleleka Somlomo.

Somlomo sime apha ke sibulela into yokokuba iNkonkobe njengokuba iyi-flagship yethu kulento ye-revitalization o-small town ihambe yasincedisa into yokokuba masenyuse neBhisho leya, sithi ikomkhulu mayibe likomkhulu lijongeke sibone amathuba emisebenzi esenzeka. Ithi ke lonto sihlalo singulo mbutho i-African National Congress nathi singabaPhathiswa obadiployileyo sizimisele into yokokuba sisebenze ngokwe-manifesto yalo mbutho ukuzisa ubomi obungcono kubantu bonke. Ndiyabulela. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. We now call hon Van Vuuren of the DA.

Mr P E VAN VUUREN: Thank you, hon Speaker. Hon Deputy Speaker, members of the Executive, hon members, our hosts the citizens of Nkonkobe Municipality, the King and Chief; I greet you with the utmost humility.

As a member of the Democratic Alliance, it is indeed an honour for me today to address you and to speak about issues that affect you directly. The Democratic Alliance will always be ready at all times to assist you in solving your problems to ensure better opportunities and a healthy life for all. I agree whole-heartedly with the MEC for Education, hon Qwase - unfortunately he is not here - that there is indeed hope to turn the tide in Education. There is hope.

A paradigm shift and political wheel is needed to effect quality education for a decent franchise in order for them to realize their dreams through opportunities created. Education is a foundation for opportunities. Without the necessary levels of numeracy and literacy, the current generation will be doomed. Our current state of education is just not acceptable. There are too many learners that do not make it to Grade 12 or do not complete Grade 12 successfully.

The Democratic Alliance wishes to make certain proposals. The tide in Education can be turned around if the Department stops treating everything in silo's and making an individual accountable for all issues. District offices have been ineffective in their role of providing support and implementing structure in schools. Here I am referring to the Fort Beaufort district office in particular. In the light of these incapabilities

and inefficiencies, the Democratic Alliance supports the implementation of the House resolution that a circuit officer should be appointed as a matter of urgency.

Why the need for circuit officers if we have some functioning district officers? The reasons are numerous. These circuit officers will add to a radically improved service delivery to schools - based on a more decentralized developmental and focus-on-schools team approach. The circuit team to be led by the circuit team manager, will be responsible for the specific needs of the schools within its circuit. This circuit team which will be situated in close proximity to the schools that they serve, will be working as a multi-disciplinary team that is in direct and continuous contact with schools within the circuit. These circuit teams are to regulary - and preferably once a week - reflect, consult, brief and agree on a common way forward pertaining to workshops, schools visits and issues that need urgent attention. These members drawn from different disciplinaries within the Department of Education must complete weekly plans and submit such reports to the circuit team manager for finalization.

Secondly, hon Speaker, the Department should instruct all schools that learners must read at least half an hour daily. And these activities should form part of the school timetable. This step will vastly improve the lack of literacy within our schools.

Thirdly, the work of educators should be adequately moderated. There are too many principals that are afraid to take responsibility. These principals should be held accountable if they fail in exercising their responsibilities regarding curriculum preparation and presentation by the educators under their control.

Fourthly, curriculum advisors should be allowed back into the classrooms in order to give demonstration lessons based on a process of consultation and negotiation.

Fifthly, principals and SMT members of poor performing schools should be send on regular management courses. Reduce the number of under performing schools; this can be achieved by utilizing the services of retired teachers and head masters.

Lastly, getting back to the Fort Beaufort district we visited; a few weeks ago it was visited again. The situation currently prevailing in the Fort Beaufort district is a matter of grave concern. This was also alluded to by the Chairperson of the Portfolio Committee on Education. The individuals contributing to the state of affairs within this district office should be identified and held accountable for this persisting situation. I thank you, Mr Speaker. [Applause.]

Mr SPEAKER: Thank you. The next speaker is hon Bici from UDM.

Mr J BICI: Somlomo obekekileyo, uKumkani uZanesizwe, Sodolophu wale ndawo sikuyo, uNobhala wombutho olawulayo, abaPhathiswa abakhoyo abanye ke mhlawumbi badlala ngempuku neekati bekudla ngokutshiwo, iindwendwe zethu ezibekekileyo. Umbutho i-UDM yonwabile kukuba ithe iPalamente yeziswa ebantwini kuba ibanika abantu ithuba lokuba baqonde okwenziweyo nokungenzekanga kwizithembiso zangaphambili. Lonto ke ibanika ithuba lokuba kunyaka ozayo xa kuphinda kusenziwa izithembiso bathi hayi khanikhe niye kweziya zonyaka ongemva.

Nangoku zenziwe izithembiso apha kodwa ayikho into ethi ezi zithembiso zizakuzalisekiswa nini na, njani na. Lonto ithethe ukuthi abantu balapha kusenokwenzeka into yokokuba nangani beqhwaba kodwa babethwa ngemfiphindiwe. [Interjections.]

Apha abalifumananga ithuba elaneleyo abantu lokubuza imibuzo. Ithethe lonto into yokokuba iyafuna ukutshintshwa inkqubo yethu yokusa iPalamente ebantwini. Siyatala kuba kudala sisiya ebantwini kodwa sizibona izinto ezenza ukuba singathi siyafeyilisha. Kuyinyaniso kona ukuba apha eNkonkobe zikhona iingxaki. Isebe lezemfundo, sakusoloko siqala ngalo eli sebe, uMphathiswa ngelishwa akakho.

Zininzi iingxaki kweli sebe. Ukutyiswa kwabantwana ezikolweni, abakhange batye ngoku abantwana. Kuthiwa makuze intlanzi. Izakuvela phi intlanzi eNcorha akukho mlambo eNcorha? Izakuvela phi intlanzi? Izakuvela phi i-pilchard kwezi ndawo? Kuthiwa makutyiwe i-pilchard. Kutshiwo ngoLwesihlanu izikolo zivulwa ngoMvulo. Yinto enjani leyo? [Interjections.]

I-scholar transport. Siyingxaki kubhatalwa abantu bengakhange balayishe nomntwana omnye, kodwa bayabhatalwa. Ungazi ukuba kwenzeka ntoni na. Yiyo lento kusoloko kukhalwa kusithiwa kufunwa i-billion nge-billion. Ubhatalwa njani umntu engakhange asebenze? Izikolo zaphela ke zona, hayi madoda zi-dilapitated, naba nabantwana ndiqinisekile ukuba bayazibona. Izikolo zivuthuluke kangangokuba kwenye indawo isikolo indlu engaphantsi kodwa ke kuna le utishala uyafundisa kwesi sikolo akukho cango, akukho festile, utishala uyafundisa. Wothuke utishala waya kuwa xa eva kukhala idonki ngemva kanti idonki ingene apha. [Interjections.]

U-Local Government ngelishwa andimboni uMphathiswa. Umele ukuba afake amanzi kuyo yonke indawo. Amanzi kuthiwa yi-right kodwa kukho abantu abasaxhwithana neehagu, needonki ngamanzi. Nalapha kule ndawo bakhona abantu abahluthana neehagu, needonki ngamanzi. [Interjections.]

Mr SPEAKER: Order, hon members!

Mr J BICI: Bayangxola khawubanqande. U-Public Works ke Mphathiswa hayi uyingxaki naye kuba nigade izindlu zikaRhulumente

apha kodwa kukho iindawo enihambe nijikeleza nibuza nisithi, le ndlu yekabani kanene? Yeka-Local Government? Yekabani? Anizazi i-properties zenu, nenizaziyo kudala ni-oditha niqale ngo-1994 nisa-oditha nangoku. [Interjections.]

Mphathiswa kwa-Local Government ngelishwa awukho, nize nimxelele ke baPhathiswa abakhoyo. Kukho i-R100 000 ekuthethwa ngayo apha i-UDM icebisa into yokokuba mayikhe ikhangelwe lento. Abanakuthetha abantu kanti akukhonto. Mayikhe ikhangelwe le-R100 000 into yokokuba iphi na, ivela phina.

Iyingxaki MaDlomo into yokungafundiseki kwabantu abasebenza kwaMasipala. Baqala ukukhapasiteyitwa mhla kwakho oMasipala apha basakhapasiteyitwa nangoku, abakhapasiteyiteki, kuya moshakala ngalo lonke ixesha. Ndinexhala nangoku xa kusithiwa iMonti izakuba yiMetro, ndinexhala elikhulu. Andizokuyithetha lento Chairman wakwa-Local Government kodwa isingathi kukho izinto ezinokulungiswa kuqala phambi kokuba ibeyi-Metro leya.

Kwela sebe lezolimo i-UDM iyayixhasa la nkqubo ye-rural development. Kodwa ke ithi i-UDM nangani ingekho kuwe Mphathiswa lankqubo yokubuyiswa kwemihlaba iyacotha. Ungadibanisa ke phaya phezulu noko ingathi iyakhawuleza. Yenza into yokokuba i-security yokutya ingaqiniseki kakuhle.

U-turn around stragegy endiva kuthethwa ngaye apha sasimve ngo-1994 asikamboni esiza nanto nangoku. Kuthethwa ngo-Health, kuthethwa ngo-Education, phaya e-All Saints Mphathiswa akukho gesi kangangokuba iye kucelwa eCofimvaba, zezaseCofimvaba, baphiwa igesi eziyi-50. So andimazi ke lo turn around strategy nokuba uza kuvela phi, nini na. Izindlu ke hayi noko ziyeza zona, ziyeza …[Laughter.] [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi. Siza kucela uhon Mrara we-ANC.

Mr M MRARA: Somlomo obekekileyo, Nkulumbuso yePhondo, nabaPhathiswa, members of this Legislature, abahlali neendwendwe zethu, ndingayilibelanga iiNkosi ezikhoyo phakathi kwethu noMeya osindlekileyo namhlanje. Kumnandi ukuba lapha. [Interjections.] Kumnandi because i-African National Congress inidibanise ngolu hlobo. Kwinkqubo zayo zophuhliso lwabantu bakuthi ingakumbi iimpula zikalujaca iqinisekisile into yokokuba uRhulumente wePhondo uyazilandela ezinkqubo njengombutho olawulayo. Mnye ke umbutho olawulayo kweli lizwe yi-African National Congress. [Applause.]

Somlomo mandiqale nditashe nje ukulungisa i-facts kwezinye zezinto ezireyiziweyo apha. Sibabulele ogxa bam ngokuba babenesibindi kule nginginya ukureyiza ezi zinto. Zonke ezi zinto zireyizwa apha ngamaqembu angaphambili ezintsuku zimbini zigqithileyo bezithiwe thaca apha phambi kwale Palamente. Yaye izindululo zicacile.

Mhlawumbi ke kufuneka zivakale because zithethwa ngamanye amaqembu kodwa iPalamente izixoxile ezazinto yeza nezindululo. And therefore i-African National Congress ayizokuweyista xesha ukulandela ezo zinto.

Kodwa masiyicacise into ethi asizanga kukhanvasa mos apha. Kuyaziwa thina xa sele siliphakamisile iqulo sisithi makubhekwe ebantwini. [Interjections.] [Applause.] Ngamanye amaxesha ke ezinye ii-actions ziriflektha into yokokuba, athi amaNgesi – these are the last kicks of a dying horse. Imikhaba-khaba yokugqibela yehashe elifayo. Ibuhlungu ke lo mikhaba-khabo.

Kodwa mandiyiphendule mna ngokucaphula uSecretary General wokuqala we-African National Congress uSoul Plaatje, inyange kule revolution xa abeLungu babefika kweli lizwe wathi uQueen ese-Britain walithatha ilizwe lethu through a degree. YayingamaNgesi ebambisene namaBhulu ngelo xesha balithatha ilizwe bathi bakugqiba babeka umthetho oyi-Land Act. Uthi ke uSol Plaatjie yathi yakwenzeka lonto lashona ilanga emini kumaAfrika. Waze umfazi ephezu komfula wakhwaza wathi – zemk'inkomo magwala ndini. Uyiqukumbela ngokuthi – lo umbono sisiqalo sedabi lokukhusela isidima kumaAfrika. Yaqala apho ke i-African National Congress ukutsala izirhweqe. Bafa abaninzi befela kulo mzabalazo kwaza kwazalwa lamhla ka-1994 ongakhange uzenzekele. Weza lomhla ka-1994 ngamagalelo anzima alo mbutho ukukhulula abantu baseMzantsi Afrika abacinezeli nabacinezelwa.

Ithi ke lonto ngelo xesha ke kwenzeka umkhuba apha kwapasa umthetho ocinezela abantu abaMnyama kwicala lezemfundo. Umthetho ka-1953 Bantu Education Act eyabangela into yokokuba sibe siyasokola nanamhlanje. We never knew that i-apartheid regime and the system will be able to coopt some of us today. We never knew. But it has managed because immediately after 1994 we have seen emergency of multiplicity of oppositions contesting i-transformation agenda yabantu bakuthi kweli lizwe loMzantsi Afrika. [Applause.]

Thina ke singumbutho lo democracy siyilweleyo siyinikezela nakubani na. Salwela uMgaqo-Siseko ukuqinisekisa ukuba wonke ubani neenkunzi, noomofu bayakwazi ukukhonya. [Applause.] Yilonto ke mhlali ngaphambili xa sithetha nge-accessibility ne-affordability yeenkonzo sithethe kwakhona ngomasilingane phakathi koMnyama noMhlophe nabe sini.

Sithethe kwakhona ngemeko yezempilo ephucukileyo esondela kubantu bakuthi. Sithathe isigqibo singumbutho wesizwe senza u-Ten Point Plan of transforming i-education system. Lonto siyenza ngokuyazi into yokokuba zikhona iingxaki esihlangabezene nazo ngaphambili nesiqinisekileyo into yokokuba le Ten Point Plan ikwa-Education nakwa-Health izakuyenza inguqu ekugxininiseni indaba.

Apha kwisebe lezempilo sine-National Health Insurance efosa into yokokuba izibhedlele ezi-private ziyamkele into yokokuba kukho uRhulumente wedemokhrasi kweli lizwe zisebenzisane kunye ne-public sector hospitals. So that siqinisekise into yokokuba inkonzo yezempilo iyacazululeka kweli lizwe loMzantsi Afrika yaye abantu bafumana iinkonzo ngokulinganayo nangokufanayo kuzo zonke izibhedlele nekliniki. And that is why ifowukhasi kwi-African National Congress ifokhasi yayo ikwi-primary health care system. Ukwenzela ukuba izixhobo zonyango zibekhona kweza kliniki ukwenzela ukuba abantu bakuthi bangahambi migama mide ukukhawulelana nempilo yabo.

Siye kweli sebe le Social Development. I-South African Government is not a welfare state. Kodwa ilithathile uxanduva lokujongana ne-welfare yabantu bakhona. Ukuqinisekisa into yokokuba oomakhulu nabantwana bethu bafumana iinkonzo, bayazifumana i-grants, bayazifumana ii-pensions. Kuluchulumanco kuthi siyi-African National Congress ..

Mr SPEAKER: Two minutes left, hon member.

Mr J BICI: Ukuthi kule meko sikuyo apha yobubume baleNdlu asikhange sifumane nomnye umbuzo othi bakhona abantu abangayifumaniyo i-pension. Akhange kwakhona sifumane nomnye umbuzo othi abantwana bethu abafundayo abakhange bayifumane i-child support grant. Because sikwiphulo lokuqinisekisa into yokokuba wonke umntwana okhoyo apha eMzantsi Afrika deserving children, bayayifumana le nkonzo ye-supportive grant so that baqhubekeke phambili nemfundo yabo. Siyayi halalisela ke lonto.

Siye kweli sebe lamapolisa. Eli sebe lamapolisa ke lisikhusele lasenza ibhongo ngexesha le ndebe yehlabathi. Kuzo zonke ezi fan parks nakwezi-studium besiba kuzo kweliPhondo akukhange kubekho sigigaba nesinye ngenxa yokhuseleko lwabantu baseMpuma-Koloni bekhuselwa ngamapolisa wabantu. [Applause.] Lonto isibonisa i-capacity kunye neenjongo, ne-vision wombutho wesizwe ukwamkela nezinye iindeb zehlabathi ezikukumila kunje. Bezikhona ke ezi-parties zigxwala emswaneni kula mazwe zisithi asoze yenzeke lento eMzantsi Afrika. Kodwa siyipruvile kwezi veki zintlanu zigqithileyo kweli lizwe. [Applause.]

Siyatsho ke kwakhona ukuthi ubundlobongela, ubuqhopholololo siyakulwisana nabo. I-African National Congress ke ayikho ambituous kwinto ethi amasela nezidlwengu mazihambe ziye kungxola emva kwamacango entolongo. Siyatsho kwakhona ukuthi ubuqhopholololo obusebuRhulumenteni masibusiphule neengcambu and siyayenza lonto sinemizekelo. Le mizekelo ke siyakwazi ukuyifumana nalapha kogxa bethu. Kukho imibutho ehleliyo apha ayikwazi ku-akhawuntela i-finances. Siyinike i-finance siyileKhabinethi ayikwazi ku-akhawuntela i-finances. [Interjections.] [Applause.]

Ihleli apha phakathi kwethu. Ihleli apha ngeenceba zalo mbutho because umthetho uyayicacisa into yokokuba xa ungakwazi uku-akhawuntela imali ye-taxpayers yintoni ekufuneka yenzekile kuwe. Ilapha ke ngenxa yale demokhrasi. Siyivulele lo mibutho ukuba mayi-patisipeyite because olu dabi nalo mzabalazo ulwelwe ngulo mbutho. Sihambe ke Somlomo sibulele abantu balapha eNkonkobe naseNxuba nase-Amahlathi …

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha, hon member.

Mr J BICI: Sibabulele ngembeko nesidima, nesithozelo abathe bayichophela ngayo le mbizo ….

Mr SPEAKER: Liphelile ixesha ...

Mr J BICI: Nesiqinisekileyo into yokokuba nangomso siza kubuyela apha siphethe iimpendulo. Enkosi. [Applause.]

Mr SPEAKER: Isithethi sethu ke sokugqibela uhon Masualle.

The MEC RESPONSIBLE FOR HEALTH: Somlomo masibulele ngethuba sikhahlele kwiNdlu yonke ingakumbi uKumkani. A-a-a Zanesizwe. Amalungu ahloniphekileyo eNdlu. Siyabulela kakhulu kuqala ngezintsuku zintathu iNdlu Yowiso-Mthetho isingethe imicimbi yoluntu iyenzela lonto apha eNkonkobe. Emva kwezi ntsuku zintathu siqinisekile ukubangaba ulwazi esilufumeneyo ngokwabelana noluntu ngemiba eyahlukileyo apha isenze ukubangaba olo lwazi olo lwanzulu nangakumbi nezisombululo ke kubelula ukufikelela kuzo ngenxa yolwazi esinalo.

Sinalo ithemba ukubangaba ezi ntsuku zintathu sizichithileyo apha likhona igalelo nokuba lincikane kangakanani na esilenzileyo kubantu balapha eNkonkobe. Abantu bezoshishino abancinci nabanye njalo-njalo. Sinalo ithemba lokuba iintsuku esizichithe apha uyakubakho umahluko kubo. Siqinisekile kambe ukuba ubukho bethu apha ngezintsuku zintathu kuzakuthi kubonakale ngendlela esizakuthi silandele ngayo imiba ethe yaphakanyiswa apha. Kuba ke uRhulumente okhokelwa ngumbutho lo ulawulayo umsebenzi wethu esasekelwa wona kukuba sisabele, siphucule iimeko zokuphila kwabantu bakowethu.

Siyabulela kakhulu Somlomo, ndingathatha ithuba, ndivela mna kweli qela lombutho noko omkhulu kumanye amaqela akhoyo apha. Ndiwabulele nawo kuba asingawo eneneni onke amaqela akhoyo kwezo polotiko kuleNdlu Yowiso-Mthetho asenawo amandla kungenjalo isakhono sokuba ngentsuku ezintathu zilandelelana bakwazi ukuthetha nenginginya yabantu njengokuba kube njalo ngezi ntsuku zintathu. [Applause.] Siyayibulela kakhulu lonto, siba bulelela nabo.

Sibulela kakhulu intatho-nxaxheba ebemandla kakhulu ebivela apha kuluntu njengoko bebeka abantu bephalaza iimeko zabo zokuphila. Ibonisa kakhulu ukukhula kwedemokhrasi indlela abantu abazimisele

ngayo nabathatha ngayo inxaxheba apha. Ithi ke lonto lamgomo uthi – “abantu bayakulawula” ngenene siwenza ukuba ube yinto ebonakalayo ngokwenene. [Applause.]

Ogxa bam apha bakhe beza bazokuhlomla ngokuphendula kwezinye izinto ebezivela apha. Ndingongeza, ndoleke umzekelo kumba apha ophakanyisiweyo kanintsi okhathazayo umba wezendlela, imigaqo. UMphathiswa ushiye nje ukuba athi ngumba lo osele uphakanyelwe kangangokuba kule nyanga imiyo nge-14 nange-15 Okthobha 2010 kuza kube kukhwetywe indibano iPhondo eli lonke, oMasipala bonke kuze kuxuvathwa umba wezendlela nemigaqo, a road summit ezakube ibanjiwe ebizwa i-Roads Indaba. Nalapho kuzakube kujongwana nemingeni ekhoyo ekusabeleni imeko yezendlela kuzo zonke iindawo zokuhlala kubantu bakowethu. Bonke ndiqinisekile nalapha eNkonkobe kwakubakho igqiza eliza kuya kumela uluntu lwalapha kuxoxwe, kuboniswane ngeendlela ezibhetele ukukhawulela imeko esijongene nayo yezendlela.

Kuphakanyisiwe apha amaphulo ngamaphulo kaRhulumente okunceda ukuhlangabezana nokulwisana nendlala. Ii-projects ezininzi apha ezenziweyo ezinye zazo ekunemingeni ethile ngazo. Sithethile apha kwezoqoqosho nge-hydrophonics ebezenziwe apha njalo-njalo. Amasebe kaRhulumente azakuphakamela, nditsho ke ngoku kuba namalungu ePalamente akhona abonile kunjalo nje azinikela ukuba azakuphinda phaya. Ayakuthi efika afike amagosa kaRhulumente sele efikile ukuzama ukukhangela ezo ndawo zifuna ukulungiswa zingamakhwiniba ukwenzela into yokokuba iinjongo ebezisekelwe yona ezo-projects ikwazi ukubangaba iphuhle njengoko kwakunjalo ukuyilwa kwazo.

Apho kufuneka amancedo kuba abantu babonisile apha ukubangaba bafuna ukuncedwa kwizakhono bakwazi xa bene-projects bakwazi ukuzisingatha, bakwazi ukuyiqwalasela impumelelo ye-projects ukufumana amacebo nengqeqesho. Yinto leyo ekufuneka isukunyelwe ngesantya esikhulu. Amasebe kaRhulumente sakuqinisekisa into yokokuba iyenzeka lonto.

Umba wokusonjululwa ngokukhawuleza kwemiba edibene namabango omhlaba. Ngumba lowo ebesisele siwusukumele kakade. Intlanganiso le ibonise nje ukubaluleka kwawo lamcimbi apha kulo mango walapha eNkonkobe. Ndithatha ukuba njengoko besisele sithe iNkulumbuso mayikhe iphuthume kusondezwe iKhomishini ukuze sikhe sisabele isantya sokusonjululwa kwamabango ezemihlaba, lonto leyo sizakuthi siyenze ngokukhawuleza.

Sele ke obethetha phambi kwam eyinyathele le ndima sizimiseleyo ngayo yokuqinisekisa into yokokuba onke amasebe kaRhulumente, zonke izigaba zikaRhulumente lento ikukuphatheka kakuhle kweze zimali nemisebenzi yoluntu yinto eyenzeka ngendlela eyamkelekileyo kuze kuthi naxa kuphicothwayo ngabaphicothi zincwadi bakwazi

ukufumana iziphumo ezamkelekileyo. Njengoko siyenza sino-operation in clean audits ukuya phaya ku-2014 kufuneka namanye amaqela ezo polotiko asenomngeni kulento sithi nakuwo ngekhe athathe umzekelo kulo operation clean audit ukwenzela ukuba bakwazi ukulungisa iimeko zabo zezezincwadi.

Zikhona izinto ebesele kwangaphambili entlandlolo sathi zifuna ingqwalasela eyodwa yaye amanyathelo sele ekhona okusabela. Umbutho olawulayo uthe kule minyaka mihlanu singena kuyo kumele sibeke phambili ezemfundo, sibeke phambili ukulungisa imeko kwisebe lezempilo. Sijongane nemiba yokuphucula ukhuseleko ekuhlaleni njalo-njalo. Kodwa ndifuna ukuthetha ngezi zimbini.

Sibe ngabokuqala ukuba sithi, ngendlela izinto ezimi ngayo kula masebe omabini nangawona athatha ingxam enkulu kwimali efunyanwa liPhondo eli sathi kufuneka kubekho amanyathelo awodwa ukukhawulelana nokulungisa lameko iphaya. Ngexesha elifanelekileyo phaya kwiNdlu Yowiso-Mthetho sizakuthi sidakance ukubangaba amanyathelo asele ethatyathiwe, iziphumo esele zibonakala kulo manyathelo. Nokuba yintoni ejongiweyo ukubheka phambili ukukhawulelana nemeko ekuyiyo eye yanjeya ithuba elide. Phantse ingxaki lena sikhawulelene nayo apha yingxaki esisuka nayo emva kakhulu nasemva kokuba sibe noRhulumente wedemokhrasi. Kubalulekile ukubangaba lonto singangabazi ngayo kodwa sinoxanduva lokuba siyilungise.

Akakho ke omnye umntu onokuyilungisa lonto ngaphandle kombutho wesizwe njengoko abantu bekholelwa njalo. Ndikhe ndabona ke ogxa bam ngapha bengathi banoncumo xa besiva kusiwa iintonga ngokomlomo apha, ndabona bezithembisa ingathi bangeza bazuze nto apha. [Interjections.] Ndazi mhlophe ke ukubangaba kowu bayazikhohlisa nje. Mhlawumbi ke bangazonwabisa okomzuzwana kodwa ke inyaniso yona iyaziwa ngabantu balapha. [Interjections.] Bayaziwa ukubangaba ngobani abantu abanesakhono sokulungisa imiba yethu apha.

Phaya kwiNdlu Yowiso-Mthetho sizakuza size kunika ingcaciso malunga nalomba bekungathi ungxanyelwe apha ngamalungu asuka kweli qela linganeno kwethu. Ekufuneka nawo siyibeke ngendlela ecacileyo kubekho ukulandeleka kwayo. Enye yazo yile ka-Fleet Africa. Sisakube sibone ukubangaba kusengakho umonakalo kakhulu ngendlela othe waphathwa ngayo lamcimbi wala contract kaPhakisa ngulo Rhulumente oye wangenelela wathi hayi akungelungi xa kunjalo, into enje mayime, yema. [Interjections.]

AsingoRhulumente ke ungakhathaliyo. Kufuneka sithi xa imileyo le kuza kube kusithini. Sanika impendulo sathi – yayingamele, asicingi into yokokuba yayibubulumko, ubulumko ngokwamava nento esiyibonileyo yinto yokokuba uRhulumente ngokunokwakhe makazithenge ngokwakhe iimoto, makabe-government garages

njengokuba kwakunjalo ukwenzela into yokokuba silwisane noba la misebenzi sithi masidale imisebenzi nangeli phulo eli sikhawulelane nezo zinto. Kodwa ke ndiyayazi ukuba abanye kwezakwethu bakude kwezi zinto kufuneka sisoloko sisithi take account that there will be that distance ukusondela apha kweyonto iyiyo.

Oko kugqibela indlela kaRhulumente wethu yokusebenza igxile kakhulu ngentsebenziswano phakathi kwezigaba zonke zolawulo esinazo. Nangoku ezinye izinto eziqaphelekayo apha ezingumngeni siza kuphuthuma phantsi kwesikhokelo salandlela yokwenziwa kwezinto ngokubambisana.

Zikhona izinto ekufuneka sisondele apha kuRhulumente wokuhlala, sincedisane ngokuba sifumane kuzo ngokukhawuleza izisombululo ukwenzela ukuba kusuke, kuthi qwenge inkungu le. Nakwezinye ke izinto ezizakufuna ukuba kubekho ukuncediswa sikwazi ukubangaba sincedise kwezo zinto kuba yindlela uRhulumente wethu asebenza ngayo. Yindlela ke esizakuthi sisebenze ngayo ukubheka phambili. Siyabulela kakhulu kuye wonke ubani.

Ndiyabulela Somlomo. [Applause.]

Mr SPEAKER: Enkosi.

Reports adopted.

Mr SPEAKER: Masithathe ke elithuba kuqala sibulele bonke abantu abakhulu ukuqala kwiKumkani ebizimasile ngomhla sifika apha, u-Deputy Chairperson we-House of Traditional Leaders, Vice-Chancellor walapha e-Fort Hare, ooMeya, ooSpeaker babo bonke ooMasipala abalapha e-Amathole, nabahlali, abalapha eNkonkobe, noMasipala abangqongile.

Sibulela kuqala imbeko esiyifumene apha. Okwesibini ke njengokuba bekuthethwa siqinisekile ubukho bethu abuzokuba lilize. Siyathemba ke kananjalo ukuba zikhona izinto esizifundileyo, zikhona nani enizifundileyo kule nkqubo. Siyathemba into yokokuba xa sigqithela kwenye indawo kunyaka ozayo sakufika sibhetele kulo ndawo senze ngokungcono. Nani kwezi ndawo nisebenza kuzo, ngoba uRhulumente ukhona kwindawo zonke.

Kukhona izinto enizakuzikopa apha niye kuzenza ngoba ekugqibeleni ngabantu abaxhamli xa kukhona ukusebenza bhetele kukaRhulumente. Ndiqinisekile ke amasebe nanjengokuba bekuphendulwa azakuyazi into yokokuba sinoxanduva lokubuyela apha. Siyathemba ke ukuba niza kugoduka kakuhle ukuphindela emakhaya singeva nto idityaniswa nale ndawo besikuyo. Ukuba kukho abantu ke abathe bakhubeka ngenkqubo le baze bazi into yokokuba besingenasixhiba mntwini besiphethe umsebenzi wesizwe. Abonwabileyo ke basele be-influwensa ke nabo

bakuva bekhathazekile. Xa ke iNdlu inqumama siza kucela ukuba abantu beme ngenyawo.

The House adjourned at 16:30.